## ISILUMKISO/INKQUBO YOKUHLELA

Molweni

Namkelekile kwaNECT kwinkqubo yoLwimi lwaseKhaya!

Qaphela ukuba ubhalo lwale nkqubo yoLwimi LwaseKhaya, Ikota yesi-2 lwenziwe kwixesha elifutshane kakhulu. Ngaso ke esi sizathu, siyavuma siqonda ukuba lungakho uhlelo notshintsho olungenzeka.

Singathanda ke ukuba ungathatha ubumnini kule nkqubo, ze usebenzisane neqela labahleli bethu ekuyiqwalaseleni kwakhona le nkqubo, ngenjongo zokuphucula olu guqulo. Ukuba uthe wafumana iimpazamo, nantsi imiqathango ngezantsi omawuyilandele:

1. Thumela iimeyile kwidilesi engqamene nolwimi lwakho kwezi zingezantsi:
   xitsonga@homelanguage.co.za
   tshivenda@homelanguage.co.za
   sepedi@homelanguage.co.za
   siswati@homelanguage.co.za
   isizulu@homelanguage.co.za
   isindebele@homelanguage.co.za
   isixhosa@homelanguage.co.za
   sesotho@homelanguage.co.za
   setswana@homelanguage.co.za
   afrikaans@homelanguage.co.za
   english@homelanguage.co.za
2. Kula mgca ukubuza ngesizathu sokuthumela iimeyile, cacisa ngokuthe gca ofuna kutshintshwe. Umzekelo kwi: BANGA 3 IKOTA 3 KWISICWANGCISO SESIFUNDO, AMAPHEPHA 45–47.
3. Kwiimeyile ubuqu, bhala uluhlu lwazo zonke iimpazamo ofuna zilungiswe. Okanye unganceda ngokuzenza ezi zilungiso kwikopi yakho yesicwangciso ze uzisikene okanye uthathe ifoto yephepha, ze uzithumele ngeimeyile.
4. Ukuba kukho ezinye iingxaki ezinkulu ozibonayo ongafuna zifumane ingqwalasela yethu, bhala kwakhona usebenzisa la dilesi yeimeyile, ze kula mgca obuza isizathu kwiimeyile bhala ngokucacileyo. Umzekelo: UBUNGQINA BOLWINI OBUSETYENZISWA KWINGINGQI YAM.
5. Ze kubuqu beimeyile, unike ingcaciso ethe vetshe ngomba lowo.
6. Nceda uthumele iimeyile enamagama akho, isikhundla sakho nenombolo zefowuni ofumaneka kuzo; ukuze sikwazi ukukufumana ukuba sifuna ezinye ingcaciso okanye sibe nengxoxo nawe.
7. **Sibulela kakhulu ngokufaka ubuchwephesha bakho kule nkqubo! Sifuna ukuqinisekisa ukuba siphuma nesicwangciso esinyanisekileyo nesamkelekileyo kwiilwimi zonke ezikule nkqubo.**

# Isiqulatho


Ezolawulo Ngale Nkqubo v
Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo xiii

**Iveki 1 Umxholo: Uluntu 1**
Ngomvulo 3
Ngolwesibini 8
Ngolwesithathu 12
Ngolwesine 18
Ngolwesihlanu 22

**Iveki 2 Umxholo: Uluntu 29**
Ngomvulo 31
Ngolwesibini 36
Ngolwesithathu 41
Ngolwesine 47
Ngolwesihlanu 51

**Iveki 3 Umxholo: Ubuchule bokucinga 55**
Ngomvulo 57
Ngolwesibini 62
Ngolwesithathu 67
Ngolwesine 72
Ngolwesihlanu 76

**Iveki 4 Umxholo: Ubuchule bokucinga 81**
Ngomvulo 83
Ngolwesibini 87
Ngolwesithathu 93
Ngolwesine 98
Ngolwesihlanu 103

**Iveki 5 Umxholo: Ukutya ukutya okusempilweni 107**
Ngomvulo 109
Ngolwesibini 115
Ngolwesithathu 121
Ngolwesine 127
Ngolwesihlanu 132

# Ezolawulo Ngale Nkqubo

## Isiphumo sesiFundo

Kule Kota, abafundi bakho kumele babe bazifumene ezi ziphumo zesifundo ezilandelayo;

### UKUMAMELA NOKUTHETHA

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukutsho okanye bacule imibongo emi 4 okanye iingoma.
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo kwigumbi lokufundela besabelana ngolwazi olungaphambili.
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwingxoxo engebali eli belifundwa noTitshala besebenzisa isicwangciso/isakhelo sengxoxo njengesikhokelo.
4 Abafundi kumele ukuba bayakwazi  ukwakha awabo amabali
5 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwabelana ngemisebenzi yabo yokubhala.
6 Abafundi kumele ukuba bayasiqonda kwaye bayakwazi ukusisebenzisa esi sigama silandelayo.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| uluntu | isithaka | ukuxhela | iplani | ukrelekrele | unamaqhinga |
| faka isandla | qokelela | isidlo | intlekele | ityhefu | ukungcola |
| imeko | umbono | ithemba | eyonakalisayo | amandla | ukuba namandla |
| inkokheli | ubuchule | ukuhlazeka | ukuphucula | inqaku | injongo |
| ukuzimisela | qhubekeka | umzamo | zilolonge | inkqubo | ukufundisa |
| ukuqonda | uphumelele | ingqalelo | isizukulwana | ingcali | ubungcali |
| umasifundisane | isidanga | okusempilweni | okungekho sempilweni | okunesondlo | iprotheni |
| amandla | ukugxila | izinto ezimnandi | kumnandi | iswekile | ilekese |
| thengisa | intengiso | uphawu | intsha | uyilo | amaphetshana okusasaza iindaba |
| usomashishini | ishishini | umthengi | ukhathazekile | ukukhathazeka | ukoyika |
| thuthuzela | themba | ukuva iindaba ebezingazi kuwe | ukuthula | ukukroba | ukuguquguquka |
| imaski | intsholongwane | isifo esikho elizweni jikelele | isicoci sezandla | ukutshiza | qaphela |
| khusela | itshefu | umgama | isilumkiso | ilizwe | ukukhenketha |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ukundwendwela | iposikhadi | iholide | ingxangxasi | elwandle | ulwandle |
| umona | ukukhumbul' ekhaya | eyexabiso | ukucinga | esidala | ummangaliso |
| inkcazo | tyhila | ubuhle obungaphaya | umlawuli | utshaba | abantu ababesilwa ngamakrele |

**IZANDI NEZANDI**

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuziva ze bazitsho izandi
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzibona ezi izandi zilandelayo
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula ze baphinde bawadibanise amagama

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| a | l | e | m | i | s |
| o | b | u | c | d | n |
| t | k | f | g | j | y |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula la magama alandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| lala | alala | alale | mama | mela | mamela |
| lila | ilali | ileli | sela | isela | sala |
| olo | molo | ilolo | lilo | aba | bala |
| bila | ibala | umama | usula | luma | ilula |
| cela | cula | coca | icala | uceba | dada |
| idada | duda | dela | iduma | idama | inani |
| inunu | inene | inesi | iti | itoti | ututa |
| itutu | ititi | kama | kubi | ikati | isikolo |
| fola | funa | ufifi | faka | ifani | gada |
| gula | goba | igila | igama | igaba | jama |
| jika | ijoko | ijaji | joja | yona | yiyo |
| yena | yoyele | | | | |

**UKUFUNDA**

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzicalula ezi izandi zilandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| la | lala | alala | le | alale | mama |
| mela | mamela | lila | ilali | ileli | sela |
| isela | sala | olo | molo | ilolo | lilo |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| aba | bala | bila | ibala | umama | usula |
| luma | ilula | cela | cula | coca | icala |
| uceba | dada | idada | duda | dela | iduma |
| idama | inani | inunu | inene | inesi | iti |
| itoti | ututa | itutu | ititi | kama | kubi |
| ikati | isikolo | fola | funa | ufifi | faka |
| ifani | gada | gula | goba | igila | igama |
| igaba | jama | jika | ijoko | ijaji | joja |
| yam | yona | yiyo | yena | yoyele | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufunda la magama abonwa njalo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| umakhulu | isuphu | imnandi | isitya | incasa | intlekele |
| bayagula | ikhemikhali | abantu | yamanzi | waziqhelisa | ukukhabela |
| ezipalini | ekhatywayo | wazenzela | wanceda | abadanisi | iincutshe |
| babaluleka | uluntu | izihlahla | amandongomane | iitshiphusi | iprotheni |
| umzimba | idazini | amaqanda | uthengisa | wathenga | imali |
| ekhathazekile | akamkelanga | ukubhatala | intlawulo | imaski | banxibe |
| ukukhusela | ayoyikeki | esipilini | wacinga | wahlala | wafunda |
| ekhatywayo | ibhola | ukundwendwela | ihlabathi | imimamgaliso | yendalo |
| ulibuka | | | | | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukulubona unxulumano kwibali njengakulo mzekelo ulandelayo

| |
|---|
| Ihlabathi lifikelwe sisimanga sesifo. Le nto yenze bonke abantu boyika. Esi sifo asinayeza kwaye asinyangeki. Abantu bagula bafe bengamalolo. Umntu ofumene esi sifo kufuneka angadibani nabanye. Esi sifo siyosulela. Sifike saguqula imeko yobomi babantu. Umntu onesi sifo ugodola nokuba kushushu. Igama lesi sifo yiKhorona. |

## UKUQIQA NOKUQONDA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuqikelela okuza kwenzeka ebalini besebenzisa imifanekiso
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukukhumbula iinkcukacha ngebali .
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubalisa ibali elifundiweyo.
4. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuchaza okwenzeka kuqala okulandelayo nokokugqibela ebalini.
5. Abafundi kumele ukuba bayakuqonda ukuba kuthetha ukuthini ukuba nomfanekiso ngqondweni, ukuyifunda ivaliwe nokucinga ngebali.

6 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuxoxa ngebali besenzisa isakhelo sengxoxo.
7 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuphendula imibuzo yebali.
8 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukushwankathela ibali.

### UKUBHALA

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzoba umfanekiso obonisa ukuqonda ibali.
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufakela iinkcukacha kwimizobo yabo.
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala izivakalisi ezifutshane besebenzisa isakhelo sokubhala.
4 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala 1 umhlathi besebenzisa isakhelo / isicwangciso sokubhala.
5 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala: uluhlu/ ileta.

### UKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA

1 Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi abakumgangatho wayo bekunye notitshala kwiqela elikumgangatho olingana nowabo.
2 Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukusebenzisa ukwazi ngezandi, imizekelo ebonakalayo ze bakwazi ukubona amagama axhonyiweyo xa befunda.
3 Abafundi kufuneka bakwazi ukuqala ukuzilawula ngokwabo ukuqaphela amagama nengqiqo nokuqonda

## IziXhobo zokuFunda eziphuma nale nkqubo

**Qaphela: Izixhobo ezi ziphuma nale nkqubo zezesikolo. Kwaye ziphuma kube kanye, ngako ke qinisekisa ukuba ziyabhalwa phantsi ze ziphatheke ngononophelo.**

Kwikota yesi-2 uTitshala ufumana ezi zixhobo zilandelayo:

1 **Iitshati ezixhonywayo ezimabala-bala x 4**
Sebenzisa ezi tshati ukuxhoma umsebenzi wakho weveki. Kwiveki nganye xhoma: izandi zeveki namagama aqala ngezandi, amagama abonwa njalo, amagama asekelwe kumxholo, imifanekiso enamagama esekelwe kumxholo nesakhelo sokubhala.
2 **Iitshati zokufundisa ukubhala ngesandla**
Ezi tshati mazixhonywe ngaphambili eklasini ukuqinisekisa ukuba ziyabonakala kubo bonke abafundi. Kwibanga loku-1 nelesi-2 ooTitshala baza kufumana iitshati zokubhala ngesandla, ze kwibanga lesi-2 nelesi – 3 ooTitshala bafumane iitshati zokubhala ngesandla nezokubhala ngokudibanisa.
3 **Isicwangciso seSifundo Ikota yesi-2**
Sebenzisa esi sicwangciso ukukukhokela kwizakhono ekufuneka uzifundisile. Iindlela zokuFundisa ezinguNdoqo zicacisa indlela yokufundisa isifundo ngasinye. Kwiiveki ezimbini zokuqala kwiKota yesi-2 uza kulandela inkqubo yokuziqhelanisa nale nkqubo.

**4** **Ikota yesi-2 iTreka**
Sebenzisa itreka yakho ukuzalisa Isicwangciso sakho sonyaka nesekota. Faka uphawu nomhla kwisifundo ngasinye nomsebenzi wohlolo njengoko ubonisiwe. Emva kwesifundo ngasinye bhala iingcinga zakho ngesifundo.

**5** **Ikota yesi-2 INcwadi eNkulu**
Sebenzisa amabali akwiNcwadi eNkulu ngexesha Lokufunda noTitshala. Amabali kule Kota asi – 8, oko kuthetha ukuba ibali elinye ngeveki.

**6** **Ikota yesi-2 Izixhobo Zokufunda**
Izixhobo zokufunda ziquka oku kulandelayo:

**7** **Oonotsheluza bamagama** baquka amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nezandi magama. Wasike la magama ze uwabeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

**8** **Imifanekiso enamagama asekelwe kumxholo** le mifanekiso inamagama inikwezwe apho kufanelekileyo. Yisike ze uyibeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

**9** **Imisebenzi esekelwe kuBugcisa bokubalisa ibali** ikhona kumxholo ngamnye.
Le misebenzi iquka imifanekiso emi-3 ukuya kwemi-4 ebalisa ibali. Umfanekiso ngamnye unamaphepha ali-10 omsebenzi. La maphepha alingana nenani lala maqela mancinane ngako ke iqela ungalinika amaphepha afanayo. Kopa / Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

**10** **Incwadi yoMsebenzi wokuHlola** uyinikiwe ukubhala iziphumo zabafumdi nokucaphula ngokwenzekileyo kwiKota.

**11** **Ikota yesi-2 Amaphepha omsebenzi wokufunda x 10**
Amaphepha omsebenzi wokufunda asi-8 uwanikiwe kule kota. Usebenzisa iphepha elinye ngeveki ukuqala kwiveki yoku-1 ukuya kweye – 10. Sebenzisa la maphepha neklasi yonke ngexesha lokufunda namaqela ngoncedo lukaTitshala. Iphepha ngalinye kula asi-10 linamaphepha angama-20. Kopa/ Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

## Ezesiqhelo zeveki: 7 iiyure

**1** Le nkqubo yokufunda ilandela imisebenzi eminye yemihla ngemihla iveki neveki.

**2** Oku kwenza kube lula kooTitshala nabafundi ukulandela le nkqubo.

**3** Abafundi bangalungiselela umsebenzi olandelayo xa sebeyazi inkqubo yemisebenzi yemihla ngemihla.

**4** Lo msebenzi wesiqhelo usekelwe kwixesha elincinane elinikwe kwi – CAPS kuLwimi LwaseKhaya eliziiyure ezisi-7 ngeveki.

**5** Ezesiqhelo zakhiwe ngendlela yokuba zisebenze ngokufanayo kuLwimi LwesiNgesi oluyinxalenye yale nkqubo yePSIRP.

**6** Nceda uxhome lo msebenzi wesiqhelo kwigumbi lakho lokufundela, uwufunde de uwazi ngentloko!

| NGOMVULO | | NGOLWESIBINI | | NGOLWESITHATHU | | NGOLWESINE | | NGOLWESIHLANU | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 |
| | | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 |
| Ukubhala ngesandla | 15 | Ukubhala ngesandla | 15 | Ukubhala ngesandla | 15 | | | | |
| Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 | | | Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 |
| Ukubhala | 30 | | | Ukubhala | 30 | | | | |
| Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 |
| **1.45** | | **1.15** | | **1.45** | | **1.00** | | **1.15** | |

## Ulungiselelo lweveki

Kubalulekile ukukhumbula ukuba le nkqubo seyibenzele ooTitshala isicwangciso sesifundo, oku kunceda ukunciphisa ixesha njengoko uTitshala ENGASACWANGCISI, kodwa UKUZILUNGISELELA ukufundisa isifundo kuyafuneka kakhulu. Udinga nje imva kwemini enye uze uzilungiselele uncedisana noogxa bakho abafundisa kwesi sigaba.

**Xa nizilungiselela, khumbulani oku:**

1 Fundani isicwangciso sesifundo seveki.
2 Qinisekisani ukuba niyakwazi kwaye niyakuqonda ekufuneka kwenziwe, ukuba aniqinisekanga yiyani Kwiindlela zokuFunda ezinguNdoqo nihlaziye ulwazi lwenu.
3 Okulandelayo, jongani ukuba ngabaphi oonotsheluza nemifanekiso efunekayo kumxholo, amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nesakhelo sokubhala.
4 Oonotsheluza nemifanekiso mabalungiswe ngolu hlobo:
   a Sika oonotsheluza okanye sika imifanekiso.
   b Ncamathelisa kwiphepha okanye kwibhokisi.
   c Ukuba unako faka iplastiki okanye ulamineyithe.
   d Gcina aba notsheluza kwimvulophu okanye ubafake irekeni.
5 Qokelela zonke ezinye izixhobo onokuthi uzifune kuquka imifanekiso nezinto eziphathekayo.
6 Jonga ukuba unayo na iNcwadi eNkulu.
7 Funda yonke imisebenzi ekwincwadi yeDbe ekumele uyenze.
8 Ziqhelanise nomsebenzi wonke wokubhala.
9 Qinisekisa ukuba iTreka yakho uyizalisile kumsebenzi weveki ephelileyo, waye ucaphule ngezifundo zakho zeveki ephelileyo.

## Uludwe lwenkqubo yokuFunda neMixholo

| INANI LEVEKI | UMXHOLO | ITEKISI YOKUFUNDA NOTISHALA | AMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| 1 | Uluntu | Isuphu yamatye kaMakhulu | 1 |
| 2 | Uluntu | UMari Copeny: Iqhawekazi elalwela amanzi | 2 |
| 3 | Ubuchule bokucinga | UZweli wenza ibhola | 3 |
| 4 | Ubuchule bokucinga | UDancegod Lloyd | 4 |
| 5 | Ukutya ukutya okusempilweni | Makanganikwa tshiphsi uLomusa | 5 |
| 6 | Ukutya ukutya okusempilweni | Amaqanda amatsha ayathengiswa | 6 |
| 7 | Ukukhathazeka nokoyika | UZweli ukhathazekile | 7 |
| 8 | Ukukhathazeka nokoyika | Imaski entsha kaKhanani | 8 |
| 9 | Ezinye iindawo | Iiholide zobusika | 9 |
| 10 | Ezinye iindawo | UMashudu uyatyelela | 10 |

## Ikota yesi-2 Inkqubo YoHlolo

Inkqubo yoHlolo iyilwe ngokwe 'Abridged Section 4 of CAPS '. Le nkqubo iyafumaneka ngasemva kwiTreka yekota nganye.

## Iitshati ezixhonywa kwigumbi lokufundela

### ITSHATI EZIXHONYWAYO

**1** Njengenxalenye yale nkqubo uza kunikwa iitshati ezine ezinkulu ezimabala-bala zokuxhoma eklasini.
**2** Umbala ngamnye uza kusetyenziswa ukuxhoma isigama esahlukileyo seveki.
**3** Sebenzisa ezi tshati ngolu hlobo:
- **a** **Itshati eluhlaza okwengca** – xhoma amagama eveki asekelwe kumxholo nemifanekiso yawo.
- **b** **Itshati eluhlaza okwesibhakabhaka** – xhoma amagama esiwabona njalo kulo veki
- **c** **Itshati etyheli** – xhoma izandi namagama asekelwe kwizandi zeveki.
- **d** **Itshati epinki** – xhoma isakhelo sokubhala seveki.

**4** La magama axhonywa kwezi tshati makahlaziywe iveki neveki.
**5** Nceda ungayeki amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo axhonywe unyaka wonke. Okuxhonywe kwezi tshati makungqamane nomxholo owenzayo. Ukuba uwayeka onke la amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo, iklasi yakho

ixinana kakhulu kwaye abantwana baphele sebengazi apho kufuneka bejonge khona. Bavele bayeke ukujonga kwaphela

6 Xa uwothula amagama nemifanekiso qinisekisa ukuba uwagcina kakuhle.
7 Khumbula la magama nemifanekiso uza kuphinda uwasebenzise kunyaka ozayo.

## ITAFILE YOMXHOLO

1 Yakha itafile esekelwe kumxholo lo wenziwayo eklasini yakho.
2 Sebenzisa le tafile ukubonisa imifanekiso nezinto eziphathekayo ezingqamane nomxholo.
3 Ziphawule ngamagama ezi zinto ukuze abafundi bawazi amagama azo, befunda nesigama esitsha.

# Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo

## Ulawulo kwigumbi lokufundela

Ezinye zendlela zokulawula kwigumbi lakho lokufundela sizifake njengeendlela zokufundisa ezingundoqo. Ezi ndlela zokufundisa sizisebenzisa lonke ixesha kule nkqubo, ngoko ke kubaluleke kakhulu ukuba uziqhelanise nazo de uzazi.

***Injongo yezi ndlela zokufundisa ezingundoqo:*** *Kukuphucula ixesha olithathayo ukugqiba umsebenzi ngamnye, indlela abaziphatha ngayo abafundi nokuphucula intsebenziswano phakathi kwabafundi. Ukunciphisa ukuphazamiseka ekufundeni nokwazisa isakhono sokudlala ekufundeni.*

### UKUHLALA NAMAQELA AMANCINCANE

1 Kubalulekile ukunika ixesha nengqwalasela kwindlela ohlalisayo ngayo abafundi kwigumbi lokufundela.
2 Xa usenza oko, naku ekufuneka kuqwalaselwe:
   a **Baxube abafundi ngokwezakhono zabo ezahlukeneyo** – awufuni kuhlalisa abafundi ekunzima kubo bodwa kananjalo ungafuni ukuhlalisa abafundi ababukhali bodwa. Baxube abafundi bakho ukwenzela ukuba igumbi lakho lonke lokufundela libe ngumxube.
   b **Hlalisa abafundi bakho ngenyameko ukukhusela ingxabano nengxolo kwigumbi lokufundela.** Sukuhlalisa abafundi abathanda ukuhluphana ndawonye. Sukuhlalisa nabafundi abathanda ukuthetha ndawonye. Baleka ezi ngxaki ngokubohlula aba bafundi.
3 Kule nkqubo kukho imisebenzi embalwa efuna ukuba abafundi basebenze kunye kumaqela amancincane.
4 La maqela aquka abafundi aba-3 ukuya kwaba – 4, behleli kufutshane omnye komnye. Wenza oku ukwenzela ukuba xa uxelela abafundi ukuba mabasebenze kumaqela abo amancincane bakwenze oko ngokukhawuleza bengachithi xesha kuba abahambi kakhulu.
5 Ukuba bafundi bakho bahlala ngokwemiqolo indlela elula yokwakha la maqela kukuba abafundi ababini kumqolo wokuqala mabajike bajonge abafundi ababini kumqolo osemva kwabo. Oku kwenza iqela elinabafundi aba-4 ngokukhawuleza nangempumelelo.
6 Lo msebenzi sukuwuyekela kubafundi. Gqiba ngendlela oza kuyisebenzisa ukwakha la maqela, ze ufundise abafundi bakho indlela yokuya kumaqela ngokukhawuleza bethe cwaka.

7 Ukuba uyabona ukuba kukho iqela elingasebenzisani kakuhle, litshintshe elo qela unganyanzeli.

## UKULAWULA IINGXOXO KUMAQELA

1 Kule nkqubo, kukho imisebenzi efuna abafundi babambe iingxoxo kumaqela.
2 Fundisa abafundi bakho ukwenza oku kulandelayo:
   - a Okukuqala, abafundi mabahlale kumaqela abo amancinci
   - b Okwesibini, mabathathe ingqalelo kumbuzo nngxoxo okanye isakhelo
   - c Wonke umfundi makanikwe ithuba lokuphendula umbuzo:
     - Umfundi woku– I makaphendule umbuzo woku –1
     - Umfundi wesi– 2 makaphendule umbuzo woku –1
     - Umfundi wesi– 3 makaphendule umbuzo woku – 1
     - Umfundi wesi– 4 makaphendule umbuzo woku –1
     - Umfundi woku–I makaphendule umbuzo wesi-2
     - Umfundi wesi–2 makaphendule umbuzo wesi-2
     - Umfundi wesi–3 makaphendule umbuzo wesi-2
     - Umfundi wesi–4 makaphendule umbuzo wesi-2
     - Njalo njalo
3 Ingaba licebo elihle ukusebenzisa' intonga ethethayo'/ ilitye / nantoni na ephathekayo ukulawula oku.
   - a Nika iqela ngalinye into ephathekayo enjenge litye okanye intonga ezotywe ngemibala –bala.
   - b Lo mntu ubambe ilitye okanye intonga nguye onelungelo lokuthetha abanye eqeleni bamamele.
   - c Xa egqibile ukuthetha ilitye okanye intonga mayidluliswe kolandelayo njalo njalo.
4 Ukuba kufuneka kunikwe ingxelo, emveni kokuba wonke umfundi ethethile eqeleni, makuvotelwe ezona mpendulo zigqwesileyo kumbuzo ngamnye.

## IMISEBENZI YOKUZIHLAZIYA EYENZIWA XA KUFUNDWA

1 Xa kufundwa ngamaqela ngoncedo lukaTitshala, uTitshala makasebenze namaqela amabini kuphela.
2 Phambi kokuba ahoye iqela lokuqala, kubalulekile ukuba abafundi bamnike inzolo utitshala. Njengoko uTitshala eza kusebenza namaqela amabini kubalulekile ukuthatha ithuba ashukumise abafundi phambi kokuba baqhubeke nomsebenzi wesibini kwiphepha lomsebenzi wokufunda.
3 Yenza oku kanje:
   - a Xa ugqibile ukusebenza thumela iqela lokuqala ezidesikeni zabo
   - b Abafundi mabayeke oko bakwenzayo bakunike inzolo.
   - c Yenza umsebenzi wokuhlaziya abafundi ubashukumise.
   - d Wakugqiba bahlalise phantsi ze bajonge Iphetshana lomsebenzi Wokufunda.
   - e Cacisa umsebenzi olandelayo omawenziwe kwelaPhetshana lomsebenzi Wokufunda

- **f** Uyabakhumbuza abafundi ukuba baqinisekise ukuba bawugqibile lo bebewenza umsebenzi phambi kokuba benze olandelayo.
- **g** Biza iqela lesibini lizo kufunda nawe.

**4** Sicebisa le migaqo mi-4 yokufunda nabafundi bakho:

## Umsebenzi woku – 1: UTitshala uthi

1. Phakamani bafundi.
2. Ndiza kunicacisela ngeentshukumo ezahlukeneyo esiza kuzenza, njengo kuzibamba entloko, ukubhabhisa ikayithi, ukushukumisa impumlo, ukuxhuma-xhuma kathathu; njalo njalo.
3. Ukuba ndithi 'utishala uthi', yenza oko kutshiwo ndim.
4. Ukuba anditshongo ukuba" utitshala uthi", yimani ngxi.
5. Ukuba umfundi uye washukuma ndingatshongo ukuba utishala uthi, lo mfundi uyaphuma emdlalweni ngokuthi ahlale phantsi.
6. Ophumelelayo ngulowo uzakushiyeka eme yedwa.

## Umsebenzi wesi-2: Umjayivo

1. Yalela abafundi baphakame.
2. Bacacisele ukuba uza kudlala umculo efowunini yakho.
3. Xa abafundi besiva umculo mabajayive.
4. Xa umculo ucima mabaqine.
5. Umculo mawulayitwe ucinywe amatyeli amabalwa, ukwenzela abafundi bajayive baphinde baqine amatyeli ambalwa!

## Umsebenzi 3: Shukuma, shukuma, qina

1. Yalela abafundi baphakame.
2. Yithi: shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, qina !
3. Abafundi mabatsho kunye nawe shukuma, shukuma njengoko beshukumisa imizimba yabo'.
4. Xa kufikwa kuqina nkqi bathi cwaka!
5. Phinda phinda oku amatyeli ambalwa.

## Umsebenzi we – 4: Isitulo sam nam

1. Umfundi makaphakame ame ecaleni kwesitulo sakhe. Makubekho umgama wokushukuma eklasin.

2 Nika abafundi imiqathango emayilandelwe – mabenze konke oku ngokukhawuleza bethe cwaka.
3 Yonke le miqathango yayamene nesitulo befunda umbekwa-phambili.
4 Nika imiqathango ngolu hlobo:
- Yima emveni kwesitulo sakho
- Phakamisa isitulo sakho
- Khwela esitulweni sakho
- Nyathela ngaphaya kwesitulo sakho
- Njalo njalo etc.

## Imisebenzi ye-orali

Xa kuqala izifundo zoLwimi LwaseKhaya ngoMvulo, ngolwesiThathu nangolwesiHlanu uya kufundisa i-orali. Ezi zizifundo zokuphulaphula nokuthetha zale nkqubo, ezilungiswe ngobuchule ukunika abafundi amathuba okuthetha umntu eyedwa.

### Fundisa amaGama aSekelwe kuMxholo

***Injongo:*** *Kukuphuhlisa izakhono zabafundi zokuqiqa nokucinga besebenzisa ulwimi lwezemfundo, ukuze kuphuhle isakhono sokufunda ngengqiqo nentekelelo nangolwazi oluphangaleleyo. Ukuxhobisa abafundi ngcono ngokusetyenziswa kolwimi olufanelekileyo ukuze bamelane nesiGaba samaBanga aPhakathi.*

1 Fundisa abafundi amagama amathathu asekelwe kumxholo.
2 Sebenzisa imethodi iPATS xa ufundisa amagama amatsha.
3 IPATS sisifinyezi sika Khomba, Lingisa, Xela, Yitshoa.
4 Awuzisebenzisi zonke ezi zakhono ngexesha elinye ukhetha ezilungele elo gama ulicacisayo
   a P – Khomba umfanekiso okanye into yokwenyani.
   b A – Lingisa igama xa unako.
   c T – Xelela abafundi ukuba igama lithetha ukuthini ubanike nomzekelo.
   d S – Yitsho igama kwisivakalisi abantwana balibize emva kwakho.
5 Xa uwafundise onke amagama eveki asekelwe kumxholo waxhome kwibhodi yemiboniso edongeni kunye nemifanekiso yawo.
6 Asingabo bonke abafundi abaza kuwakhumbula onke la magama kwangoko. Ungazikhathazi ngoku, kwaye ungabenzi abafundi baphindaphinde igama amathuba amaninzi!
7 Abafundi baza kuhlangana nala magama matsha amathuba amaninzi kumxholo, kwaye baza kunikwa ithuba lokwakha isigama esise sabo.

## Ingoma okanye umbongo

***Injongo**: Ukuhlanganisa ulwazi lwamagama amatsha afundiswe abafundi. Ukufunda usebenzisa ukudlala.*


**1** Ingoma okanye umbongo oza kuwufundisa abafundi ufumaneka kwisicwangciso sesifundo/seklasi.
**2** Ekuhambeni kwexesha abafundi baza kuziqhela ezi ngoma nale mibongo de bazicule ngokuzenzekelayo.
**3** Kodwa xa beqala ukuyifundiswa ingoma okanye umbongo, kufuneka ubafundise amagama, iintshukumo nesingqi (ukuba sikhona)
**4** Fundisa ingoma okanye umbongo umqolo ube mnye ngexesha ngolu hlobo:
- **a** Cula okanye ucengceleze umbongo wonke phambi kwabafundi. Cacisela abafundi intsingiselo xa kuyimfuneko.
- **b** Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala abafundi balandele emva kwakho.
- **c** Cengceleza okanye ucule umqolo wesibini abafundi balandele emva kwakho.
- **d** Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala nowesibini kunye nabo, emva koko abafundi balandele emva kwakho.
- **e** Qhuba ngolu hlobo de ugqibe ukufundisa umbongo okanye iingoma.

**5** Yenza iintshukumo ezihambelana nengoma okanye umbongo rhoqo.
**6** Nika abafundi ithuba lokuchonga ze bacule ingoma abayithandayo ekupheleni kosuku. Le yindlela emnandi yokuqukumbela usuku nokugxininisa amagama amatsha abawafundileyo.

## Yazisa umxholo: Ukukhangela ulwazi abanalo

***Injongo:** Ukuqonda ulwazi abafundi abanalo ngomxholo ukuze wakhe phezu koko bakwaziyo ngomxholo. Ukufundisa abafundi ukucwangcisa nokuhlela ulwazi abanalo ngemifanekiso usebenzisa ubuchule bemephu yengqondo.*

**1** Kulo msebenzi utitshala uqala ngokwenza imephu yengqondo ngokukhawuleza ebhodini
**2** Utitshala uzoba isangqa esinegama lomxholo embindini webhodi.
**3** *Okulandelayo, utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Nazi ntoni ngalo mxholo?*
**4** Utitshala ubhala imibono/iimpendulo zabafundi kwimephu yengqondo. Kufuneka utitshala azame ukuhlanganisa ndawonye iimbono ezingqameneyo. Umzekelo ukuba umxholo uthi 'ubuhlobo' unganemephu yengqondo elolu hlobo:




**5** Kwiveki yesibini kumjikelo weeveki, utitshala uza kusebenzisa le mephu yengqondo ukuncedisa abafundi ukuhlaziya obekufundwe kwiveki yokuqala yomxholo.

**6** Utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Zintoni ezintsha, ezinika umdla esizifundileyo kulo mxholo ukuza kufikelela apha?

## Ubugcisa bokubalisa ibali iveki 1

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo nobugcisa ukuze bayile ibali elinentsingiselo. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

**1** Lo msebenzi unika abafundi ithuba lokusebenzisa intelekelelo nobugcisa babo, amagama amatsha asetyenziswe kumxholo, isakhono sabo sokucwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo beyila ibali elitsha.

**2** Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.

**3** Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo. Eli phepha lifumaneka kwiPekhi yeziXhobo.

4 La maphepha anemifanekiso emi-3–4 enokusetyenziswa ukuyila ibali elihambelana nomxholo.
5 Xelela abafundi ukuba mabacinge ngebali elihambelana nemifanekiso.
6 Nika abafundi umzuzu ukuya kwemibini yokucinga ngeembono zabo.
7 Okulandelayo, umfundi ngamnye kwiqela lakhe makanikwe ithuba lokwabelana nabanye ngebali lakhe aliyilileyo.
8 Jikeleza, umamele abafundi abohlukeneyo bebalisa amabali abo.
9 Qokelela amaphepha uwagcine kakuhle aza kuphinde asebenze kwiveki elandelayo.
10 Khuthaza abafundi ukuba babalisele umntu ekhaya ngebali abaliyilileyo.

## Ubugcisa bokubalisa ibali iveki 2

***Injongo:** Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo ukuze bayile ibali elitsha. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki edlulileyo basebenzise imifanekiso ukuyila awabo amabali.
4 Kule iveki, abafundi masebenze njengeqela ukuthatha isigqibo ngebali leqela labo.
5 Khumbuza abafundi ukuba ibali kufuneka libonise ubugcisa bokucinga nengqiqo, kwaye kufuneka lihambelane nemifanekiso!
6 Cela abafundi bathule, bajonge kuwe.
7 Cela iqela elinye okanye amabini abalise amabali awo.
8 Bulela abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Ingxoxo ngoMxholo wokuFunda noTitshala

***Injongo:** Ukufundisa abafundi izakhono zokuqiqa nokucinga nokujonga iimeko nkalo zonke, isakhono sokushwankathela, ukuqeqesha ingqondo ukuze kuphuhle ezi zakhono. Ukunika abafundi amathuba ophuhlisa ukuzithemba ngokubanika amathuba enene angangxengwanga nokuvelisa iimbono zabo, ukuhlola/ukuvavanya, ukuqhagamshelanisa nokusifunda isimo sivaliwe.*

1 Ingxoxo ngeTekisi yokuFunda noTitshala ibali ngooLwesiHlanu.
2 Qala ubhale isakhelo sengxoxo ebhodini.
3 Okulandelayo, funda ze ucacisele abafundi isakhelo sengxoxo.
4 Abafundi kufuneka bazi ukuba nayiphi na impendulo yamkelekile, iimbono neempendulo. ezingafaniyo neziphikisanayo zamkelekile.
5 Ekupheleni kwesifundo, cela abafundi bakujonge baphulaphule.

6 Kwimizuzu embalwa yokugqibela cela abafundi abohlukeneyo okanye elinye lamaqela likunike iimpendulo.
7 Bulela abafundi ngeempendulo, neembono zabo
8 Ukuba iimpendulo zabafundi azichanekanga okanye zifuna ukuphuhliswa balungise okanye ubuze imibuzo enyanzelisa ukuba impendulo ziphuhle

## Ukuqiqa nokuva izandi/ izandi zopelo/ukubhala ngesandla

**Ibanga 1& 2 (kude kuphele inkqubo yezandi)**

Ukuva nokwazi izandi, nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo

### Ukuqukumbela/ukuhlanganisa: ngeMivulo

***Injongo**: Ukuhlola ngokungekho sikweni ulwazi lwabafundi lokwahlula izandi abazivayo, isakhono sokukhumbula izandi abazifundileyo kunye nokubhala ngesandla. Ukulungisa okanye uhlanganise ulwazi ngezandi nokubhala ngesandla beziqwalasela bazilungise iimpazamo ngokwabo. Ukusebenzisa okuqwalaselwe ngexesha lohlolo ngeenjongo zokwazi okuqhubekayo.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala behlaziya izandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala. Bakugqiba mababhale umhla.
3 *Okulandelayo xelela abafundi bagobe iphepha embindini, ecaleni komgca ekhohlo badwelise amanani 1–4, embindini badwelise amanani 6–10. (inani lamagama, amalungu egama nezandi, ziza kwahluka ngokwezifundo ezahlukeneyo).*
4 Yalela abafundi ukuba ecaleni kwenani ngalinye mababhale isandi okanye igama olibizayo, xa bengayazi impendulo mababhale umgca –
5 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawelezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kuzihlola ngokwabo inqanaba labo lokubhala ngesandla nokwazi izandi.
   - Kufuneka bazihlole ukuba bayakwazi na ukuva babhale izandi, amalungu egama namagama ngokuchanelekileyo.
   - Kufuneka bazibone ukuba bayakwazi na ukubhala izandi ngokufanelekileyo
7 Bizela izandi, amalungu egama namagama akwisicwangciso sesifundo/seklasi.
8 Okulandelayo yalela abafundi bathathe ikhrayoni enombala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
9 Bhala iimpendulo ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwachaza nendlela eyiyo yokusibhala njengoko usenza.

10 Xelela abafundi abatsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala unobumba othile kufuneka baziphe ixesha bazifunde apha evekini.
11 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, ze uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo.

## Ukufunda izandi namagama amatsha ngoolwesiBini nangooLwesiThathu

***Injongo:*** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandela inkqubo eqingqiweyo yokwahlula izandi umfundi azivayo. Ukufundisa gca nangokulandelelanayo ukwahlula izandi zolwimi lwasekhaya azivayo umfundi kunye namalungu amagama.*

### Yazisa isandi esitsha

1 **Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo /c/**
2 Biza isandi uze uyalele abafundi basiphinde isandi kathathu.
3 Bonisa abantwana ukuba esi sandi /c/ sohlukile kwesesiNgesi.
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ oonobumba
5 Buza abafundi: Ninawo amagama eniwaziyo anesandi /c/?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo**: cela, cima, coca, cika, icici**

### Yazisa amagama amatsha

1 Biza igama ngokucacileyo njengoko ubonisa unotsheluza**: cela, cima, coca, cika, uceba, icici**
2 Cela abafundi babize amagama belandele emva kwakho
3 Ncamathisela oonotsheluza bala magama kwiBhodi/Tshati yamaGama yeMiboniso

## Ukubhala u(oo)Nobumba namaGama amaTsha: ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

***Injongo*****:** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandelayo ulwazi lwabafundi lokubhala ngokuchanekileyo nangokutyibilikayo ukubiza ze babhale izandi ezingqamene nezandi abazifundisiweyo.*

1 Fundisa abantwana indlela efanelekileyo yokubhala isandi esifundiswayo
2 Yenza umfuziselo wokubhala isandi ebhodini – Cacisa inkqubo yokubunjwa kwesandi njengoko ubhala.
3 Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
4 Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
5 Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho nibhale isandi emoyeni.
6 Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.

7 Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
8 Emva koku yalela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.
9 Ekugqibeleni, boniswa abafundi indlela yokubhala isa(za)ndi namagama ebhodini.
10 Abafundi mababhale isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
11 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esitsha esifundiweyo kuwo onke amagama nezivakalisi abazibhalileyo.

## Ukucalula nokuhlanganisa: ngooLwesiNe

***Injongo:*** *Ukufundisa uphuhlisa gca, nangokulandelayo inkqubo eqingqiweyo yokucalula nokuhlanganisa amalungu egama, ukuze bakwazi ukufunda nokubhala ngokuzimeleyo. Ukuphuhlisa ukuqiqa nokufunda amalungu egama ngokuzenzekelayo.*

### Ndiyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cela**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/c/ – /e/ – /l/ – /a/**
4 **Biza isandi sokuqala /c/**
5 **Biza isandi esilandelayo /e/**
6 **Isandi esilandelayo /l/**
7 **Biza isandi sokugqibela /a/**
8 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: cela**
9 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise izandi ukwenza igama /c/ – /e/ – /l/ – /a/**
10 **Okulandelayo, biza ilungu lokuqala legama /ce/**
11 **Biza ilungu lesibini le gama /la/**
12 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganisa amalungu egama ukwenza eligama /ce/ – /la**
13 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

### Siyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cika**
3 **Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweli gama? /c/**
4 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesibini kweli gama? /i/**
5 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesithathu kweli gama?/k/**
6 **Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela kweli gama? /a/**
7 **Bhala igama elipheleleyo: cika**
8 **Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe /c/ – /i/ – /k/ – /a/=cika**

9 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /ci/**
10 **Biza ilungu lesibini legama /ka/**
11 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /ci/ – /ka**
12 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

## Ukukhangela amagama: ngooLwesiHlanu

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba. Ukunika abafundi ithuba lokuziqhelisa isakhono sokuhlanganisanokwakha amagama. Ukwandisa isakhono sokubona izandi ngokuzenzekelayo.*

Bhala ebhodini le theyibhuli inezandi ezifundiweyo, eziquka izandi ozifundisileyo ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **c** | **m** | **p** |
| **k** | **d** | **a** |
| **l** | **e** | **i** |

### Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo /c/** no **/m/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 **Bonisa abafundi ukwakha igama usebenzisa isandi ekujoliswe kuso njengo /c/ – /i/ – /m/ – /a/**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini akunyanzelekanga ukuba basebenzise u – **/c/** no **/m/**
6 **Bonisa abafundi ukwakha elinye igama /p/ – /e/ – /l/ – /a/ = pela**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo – **cima** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **pela**

### Abafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **c, m**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako.
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo. Babonise indlela yokwakha la magama namanye: **cela, coca, cika, dela, dada, lala, mama, idama, imela, icici**

## Ukuqiqa nokuva izandi zopelo/ izandi/ ukubhala ngesandla

**Ibanga 2&3 (emva kokuphela kwenkqubo yezandi)**

Ukuva nokwahlula izandi zopelo nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo

### IBANGA 2: IKOTA 3–4

#### UKUBHALA NGESANDLA

### Ukuguqula/ ukutshintsha amagama: NgoMvulo

***Injongo**: Ukulungisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa ngokwakho. Ukunceda abafundi babone apho amagama okanye izivakalisi zitshintsha khona ze zitshintshe nentsingiselo yamagama.*

***Qaphela**: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala ngokuqhelekileyo baze bathi xa bekwazi ukudibanise bayalelwe ukubhala NGOKUDIBANISA ngokupheleleyo.*

**1** NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga <u>ukubhala ngokudibanisa</u>, ngokuhlalutya bezikhumbuza izandi, namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
**2** Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala ze babhale umhla.
**3** *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
**4** Bhala isivakalisi osinikiweyo kwisicwangciso sesifundo/seklasi ebhodini ecaleni kwenani ngolu hlobo:
- Ndifuna incwadi**.**

**5** Yalela bafundi bakhuphele esi sivakalisi ezincwadini zabo.
**6** Okulandelayo, yalela abafundi ukuba babhale isivumelanisi sesimelabizo soqobo ecaleni kwenani
- U
- Ni
- Si
- Ba

**7** Yalela abafundi babhale izivakalisi besebenzisa isivumelanisi sesimelabizo soqobo
**8** Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
**9** Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala.
**10** Ekupheleni kwesifundo, bhala iimpendulo nguchanekileyo ebhodini, ubiza izandi ucacisa nendlela eyiyo yenkqubo yokubhala ngokudibanisa.
**11** Cela abafundi bakhombe apho babona khona ipatheni, njengalapho isivakalisi sitshintsha khona.

**12** Krwela umgca phantsi kwepatheni ngolu hlobo:
- Ufuna incwadi.
- Nifuna incwadi.
- Sifuna incwadi.
- Bafuna incwadi.

**13** Yalela abafundi bathathe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.

**14** Xelela abafundi ukuba batsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundindise apha evekini.

**15** Ekupheleni kosuku qokelela iincwadi zabafundi, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye abafundi banokuba batsala nzima kwizandi, ngelixa abanye ikukubhala ngokudibanisa.

## IBANGA 3: IIKOTA 1–2

### UKUBHALA NGESANDLA

### Isinye usisa kwisininzi: NgeMivulo

***Injongo*****:** *Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda ngokunceda abafundi babone bakwazi nokulindela iphatheni zotshintsho kwigama ngenxa yesivumelanisi segama.*

***Qaphela****: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba ngokuqhelekileyo, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa bayalele bawugqibezele lo msebenzi bebhala ngokudibanisa.*

**1** NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ngezandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo

**2** Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko 'Amagama esiNye usiya kwisiNinzi'

**3** *Yalela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*

**4** Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.

**5** Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala

**6** Bizela amagama anesinye, abafundi bawabhale ecaleni kwamanani ngolu hlobo, **Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
- ikati
- inkwenkwe
- imoto
- impukane
- umntwana

**7** Okulandelayo, yalela abafundi babhale isininzi sala magama.

8 Kwimizuzu emihlanu eshiyekileyo yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9 Cela abafundi bakubonise iipatheni abazibonayo umzekelo: apho izivakalisi zahluka khona.
10 Krwela umgca ngaphantsi kwezi patheni ngolu hlobo:
**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
   1 ikati
     iikati
   2 Inkwenkwe
     amakhwenkwe
   3 imoto
     iimoto
   4 impukane
     iimpukane
   5 umntwana
     abantwana
11 Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala
12 Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo
13 Xelela abafundi ukuba xa betsala nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba othile ngokudibanisa, kufuneka baziphe ixesha bazifundindise apha evekini
14 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye bangatsala nzima ukuqonda izandi ngelixa abanye betsala nzima ukubhala ngokudibanisa!

## IBANGA 3 IIKOTA 3–4

### UKUBHALA NGESANDLA

### IsiNye usisa kwisiNinzi: NgeMivulo

***Injongo***: *Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa izakhono zokufunda ngokunceda abafundi bakwazi ukubona nokulindela iiphatheni zotshintsho kwisivakalisi ngokulawulwa sisivumelanisi sesibizo.*

***Qaphela***: *Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba NGOKUQHELEKILEYO, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa lo msebenzi kufuneka bawubhale wonke NGOKUDIBANISA.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla, abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala ngokudibanisa behlaziya amagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo
2 Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko **IsiNye usisa kwisiNinzi**

3 *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakhumbula na ukubhala amagama abawafundileyo.
5 Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala
6 Bizela izivakalisi ezinesinye kwisicwangciso sesifundo. Abafundi mabazibhale ezi zivakalisi ecaleni kwamanani ngolu hlobo,

**Izivakalisi ezinesiNye zisiya kwisiNinzi**

1 Ikati isela ubisi.
2 Inkwenkwe ikhaba ibhola.
3 Imoto imile.
4 Impukane iyabhabha.
5 Indlu iwile.

7 Okulandelayo, yalela abafundi babhale ezi zivakalisi kwisininzi.
8 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yesifundo, bhala izivakalisi ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9 Cela abafundi bakubonise apho izivakalisi zahluka khona krwela umgca phantsi kwephatheni ngolu hlobo:

**Izivakalisi zesiNye zisiya kwisiNinzi**

1 Ikati isela ubisi.
Iikati zisela ubisi.
2 Inkwenkwe ikhaba ibhola.
Amakhwenkwe akhaba ibhola.
3 Imoto imile.
Iimoto zimile.
4 Impukane iyabhabha.
Iimpukane ziyabhabha.
5 Indlu iwile.
Izindlu ziwile.

10 Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala.
11 Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
12 Xelela abafundi ukuba batsale nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundise apha evekini.
13 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo kwizandi nokubhala ngokudibanisa.

## IZANDI

### Ukuhlalutya izandi ngokuzihlahlela nokuzihlanganisa: NgoolwesiBini nangoolwesiThathu

***Injongo:*** *Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo ukuqonda izandi zopelo kwabafundi, nokuba nako ukuhlanganisa babuye bacazulule izandi zopelo namalungu amagama, ukuze bafunde bekwabhala ngokuzimeleyo. Ukwandisa ukuqonda izandi zopelo namalungu amagama ngokuzenzekelayo.*

**Ndiyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini
2 **Biza eli gama: Iposi**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/i/-/p/-/o/-/s/-/i/**
4 **Biza isandi sokuqala segama: /i/**
5 **Biza isandi esilandelayo segama: /p/**
6 **Biza isandi sesithathu segama: /o/**
7 **Biza isandi sesine segama: /s/**
8 **Biza isandi sokugqibela segama: /i/**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini**: **iposi**
10 **Yenza umfuziselo wokuzikhomba nokuzihlanganisa izandi ukwenza eli gama = iposi**
11 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /i/**
12 **Okulandelayo, Biza ilungu lesibini legama /po/**
13 **Biza ilungu lesithathu legama /si/**
14 **Yenza umfuziselo wokuwakhomba nokuwahlanganisa amalungu ukwenza eli gama= iposi.**
15 Qhuba ngale migaqo usebenzisa igama olifundise elikwisifundo sangolwesiThathu

**Siyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini.
2 **Biza eli gama: imizi**
3 **Buza abafundi: Sithini isandi sokuqala kweli gama? /i/**
4 **Buza abafundi: Sithini isandi sesibini? /m/**
5 **Buza abafundi: Sithini isandi sesithathu?/i/**
6 **Buza abafundi: Sithini isandi sesine?/z/**
7 **Buza abafundi: Sithini isandi sokugqibela? /i/**
8 **Cela abafundi ukuba bahlahlele igama bakhuphe isandi ngasinye /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/ =imizi**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: imizi**
10 **Yalela abafundi ukuba bahlanganisa izandi ukwenza eli gama kunye nawe: /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/imizi**
11 **Buza abafundi lithini ilungu lokuqala legama? /i/**
12 **Buza abafundi lithini ilungu lesibini le gama? /mi/**

**13** **Buza abafundi lithini ilungu lokugqibela legama? /zi/**
**14** **Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /i/ – /mi/-/zi/**
**15** Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesiThathu

**Uyenza...**

**1** Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla nesihloko: amagama ano-**p**
**2** *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
**3** Bizela amalungu egama amahlanu okanye amagama afumaneka kwisicwangciso sesifundo.
**4** Abafundi mababhale la magama ecaleni kwenani elichanekileyo. Mabasebenzise ulwazi lwabo lokuhlahlela nokuhlanganisa amagama.
**5** Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso kwigama ngalinye ukubanceda bapele la magama.
**6** Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini, uze ukrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
**7** Xelela abafundi bakorekishe umsebenzi wabo besebenzisa ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala.
**8** Cacisela abafundi ukuba kwisifundo esilandelayo baza kufunda ukubhala esi sandi NGOKUDIBANISA.

### UKUBHALA NGESANDLA

## Ukubhala izandi ezitsha: NgoolwesiBini nangoolwesiThathu

***Injongo**: Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo kwabafundi, babhale ngokuchanekileyo amalungu egama ahambelana nezandi zopelo ezifundisiweyo.*

**1** Fundisa abantwana indlela echanelekileyo yokubhala isandi esifundisiweyo ngokudibanisa.
**2** Bonisa abafundi indlela eyiyo yokubhala unobumba omncinci nomkhulu.
**3** Yenza umfuziselo ubhala isandi ebhodini – Cacisa indlela eyiyo yokubhala esi sandi ngonobumba njengoko ubhala.
**4** Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
**5** Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
**6** Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho njengoko ubhala isa(za)ndi emoyeni.
**7** Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.
**8** Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
**9** Emva koku, xelela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.

**10** Ekugqibeleni, bonisa abafundi kwakhona kube kanye indlela yokubhala esi sa(za)ndi namagama ebhodini.
**11** Abafundi mababhale isandi/amagama/nesivakalisi ezincwadini zabo.
**12** Xa usenza umfuziselo wamagama, gxininisa indlela oonobumba abaqhoboshelana okanye abadibana ngayo omnye komnye.
**13** Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi kuwo nawaphi amagama/izivakalisi ezibhaliweyo.

## IZANDI

### Ukutshintsha oonobumba: ngoolwesiNe

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda, ngokubanceda bafundi bagqale ze babone utshintsho lwesandi esinye esibangela ukutshintsha kwentsingiselo yegama.*

#### Ndiyenza …

1 Cacisa ukuba namhlanje siza kufunda silolonge isakhono sokuqwalasela umahluko omncinane emagameni. Esi sakhono sisinceda sibe ngabafundi nabhali abangcono.
2 Bhala ebhodini amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: bila, sila
3 Cacisa ukuba siza kujonga la magama mabini sikhangele umahluko phakathi kwawo.
4 Yenza umfuziselo ukhangelela abafundi umahluko kula magama **bila**, **sila**
5 Cacisa ukuba umahluko kwizandi, izandi u – **/b/** no **/s/** zivakala ngokwahlukileyo kodwa zonke ezinye izandi ziyafana!

#### Siyenza …

**Isiqendu 1**
1 Bhala amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: **sela, sala**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi abemnye akrwele umgca apho abona khona umahluko kula magama**:** **sela, sala**
4 Cacisa umahluko kula magama mabini

**Isiqendu 2**
1 Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **bila**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Bhala iimpendulo zabafundi ebhodini ngolu hlobo: mila, lila; bela, bala

**Uyenza …**
1 Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **mila**

2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Yalela abafundi ukuba bakhe amagama amaninzi kangangoko betshintsha isandi esinye egameni.
4 Ekupheleni kwesifundo, biza abafundi babe kunye.
5 Biza abafundi abohlukeneyo ukuba baye ebhodini babhale amagama abo
6 Funda amagama abo ubonise apho kutshitshwe khona izandi: **bila, lila, mela, sila**

**IZANDI**

## Ukukhangela amagama: ngoolwesiHlanu

***Injongo**: Ukunika abafundi ithuba lokuhlanagasa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa nokulolonga isakhono sokucalula/ ukuhlahlela nokuhlanganisa amagama namalungu egama ngokuzenzekelayo.*

Bhala le theyibhuli ebhodini. Iquka izandi ezifundiweyo kunye nezifundisiweyo kunye ngolwesiBini nangolwesiThathu, ikwaquka nezinye izimaphambili.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ph** | **u-** | **p** | **ama-** |
| **th** | **b** | **a** | **isi-** |
| **l** | **e** | **m** | **izi-** |

## Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo ph/** no **/th/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezikwitshati ebhalwe ebhodini
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso: **/th/** – **/e/** – **/th/**-**/a/** = **thetha**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi kwizandi ezisebhodini, akunyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/th/ okanye /ph/**.
6 Bonisa abafundi indlela yokwakha elinye igama **/u/** – **/m/** – **/a/** – **/m/** – **/a/** = **umama**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa izandi ekujoliswe kuzo, njengo **thetha** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **umama**

## Ahafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **ph, th**.
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako

4 Nika abafundi ithuba lokukrekisha umsebenzi wabo. Babonise indlela yokwakha la magama (namanye): **phuma, thuma, isithuba, izithuba, amathuba, thetha, amaphupha, thatha, zethu, lethu, latha, pam, izibele, ibele, mela, lala, lam, amaphela, phupha**

## Ukufunda notitshala okuneendlela zobuchule zokufundela ukuqonda

Ibali lokufunda notitshala elitsha lifundwa ngeveki nganye.

Ukufunda notitshala kwenziwa ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Phambi kokufunda |
| NgolwesiBini: | Ufundo lokuqala |
| NgolwesiNe: | Ufundo lwesibini |
| NgolwesiHlanu: | Emva kokufunda |

Kwezi seshoni zokufunda notitshala, qinisekisa ukuba bonke abafundi bahleli phantsi bazolile kwaye bayibona ngokucacileyo imifanekiso yencwadi enkulu. Bakhumbuze abafundi ngokulindeleyo ngexesha lokufunda notitshala, okufana noku:

- Hlala kakuhle UZOLE
- Beka IZANDLA zakho phezu kwamathanga akho
- Gcina AMEHLO akho neengcinga zakho ebalini
- AMAZWI enu athi cwaka (yenza isijekulo esibonisa imilebe eqhotyoshiweyo)

***Imigomo engundoqo yokuFunda noTitshala kule nkqubo ime ngolu hlobo:***

1. *Abafundi baxhamla indlela ekuyiyo ukufunda ibali elipheleleyo elinobugocigoci kunokuba bebenokuzifundela bebodwa. Kuba ngoku bengenaxhala ngenkqubo yokufunda, bamilisela iingqondo kwisimo sebali kunye nabalinganiswa. Abafundi kwakhona banokonwabela amabali baze baphuhlise uthando lokufunda.*
2. *Njengoko utitshala efunda ibali ekhwaza, uthi engaqondanga enze umfuziselo wezakhono ezithile zokufunda; ufunda ukusuka kwiphepha lokuqala aye kuma kwelokugqibela; ufunda ukusuka phezulu ephepheni aye kuma ezantsi kulo; ufunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene; uyaziqaphela iimpawu zokubhala neziphumlisi, ufunda ngokutyibilikayo ngesantya esifanelekileyo, kwaye ufunda ebonakalisa imvakalelo, ethi yongeze intsingiselo kwitekisi. Abafundi bathi bengaqondanga bafunde izakhono ezininzi ngokuqwalasela lowo ufunda ngokutyibilikayo.*
3. *Njengoko utitshala efunda, umilisela intsingiselo ngoku: ukukhomba indawo ethile emfanekisweni; ngokusebenzisa isijekulo okanye intshukumo; kunye nokongeza imvakalelo kwilizwi lakhe. Utitshala ukwayongeza ngokukodwa intsingiselo ngokunqumama acacise igama elithile okanye ibinzana. Ngokuphulaphula utitshala nokujonga kuye, abafundi bafumana izakhono ezitsha zolwimi.*
4. *Ngoko, kubalulekile ukuba ngexesha lokufunda notitshala, utitshala abafundise abafundi ukucinga ngebali elo, nendlela yokwakha ukuqonda kwabo ibali. Kule nkqubo, sikhethe*

*ukwakha izakhono zengqiqo nokuqonda ibali ngokwenza ngokulinganisa sikwafundisa iindlela zobuchule ezahlukeneyo zengqiqo nokuqonda. Kusetyenziswa ezi zakhono zilandelayo zengqiqo nokuqonda:*

- *Qikelela*
- *Bona umfanekiso-ntekelelo*
- *Khangela kwitekisi*
- *Shwankathela*
- *Cinga ngetekisi (mangala)*
- *Dibanisa okusebalini nokuthe kwehla kuwe*
- *Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini*
- *Yenza uhlolo*

## IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDISA INGQIQO NOKUQONDA

Le theyibhuli ingezantsi inika iinkcukacha ngendlela nganye yobuchule.

| **Indlela yobuchule 1: Qikelela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beqikelela, bachaza oko bacinga ukuba kuza kwenzeka ebalini. Abafundi banokuqikelela into eza kwenzeka ngokujonga imifanekiso encwadini. Banako nokuqikelela okuza kulandela emva kokufunda iphepha letekisi. Okokugqibela, abafundi banokuqikelela indlela <u>abacinga</u> ukuba liza kuphela ngayo ibali. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza abafundi baqikelele, ubenza bacinge ngebali phambi kokuba balifunde. Abafundi basebenzisa ufifi abalunikwayo bazame ukuqashela ukuba ngoobani abalinganiswa, kwaye ziyintoni iziganeko eziphambili eziya kwenzeka. Ngokuqikelela, abafundi baphuhlisa isakhono sabo sengqiqo yokuqonda ngokucinga ngebali.* |
| Amanqwanqwa<br><br>*(okuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Jonga umfanekiso.<br>**2** Buza abafundi: Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula, nika impendulo engumzekelo kwimpendulo.<br>**5** Bonisa ukuba iqhoboshelana njani imifanekiso omnye komnye ukwakha ibali. |
| Imizekelo<br><br>*(yokuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**2** Ucinga ukuba uziva njani lo mlinganiswa? Kuba kutheni?<br>**3** Ucinga ukuba uza kubona ntoni kumfanekiso olandelayo? |
| Amanqwanqwa<br><br>*(okuqikelela unayo itekisi)* | **1** Funda iphepha letekisi.<br>**2** Buza abafundi: ucinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula umbuzo, banike impendulo yombuzo engumzekelo. |
| Imizekelo<br><br>*(yokuqikelela unayo itekisi)* | **1** Yintoni ocinga ukuba iza kulandela yenzeke?<br>**2** Ucinga ukuba lo mlinganiswa ulandelisa ngokwenzani?<br>**3** Ucinga ukuba eli bali liphela njani? |

| **Indlela yobuchule 2: Yenza umfanekiso-ntekelelo** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi besenza umfanekiso-ntekelelo, kufuneka bacinge ngokuqhubeka ebalini njengomboniso okumboniso-bhanyabhanya. Kufuneka bazame ukulibona ibali ezingqondweni zabo njengoko lisenzeka. |
| *Imigomo* | *Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kunceda ukunikeza intsingiselo kumagama asephepheni ngokuwaguqula abe ngumboniso okumboniso-bhanyabhanya kwiingqondo zabafundi. Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kukwanceda abafundi babone ukuba iziganeko ezikwitekisi ziqhoboshelene njani, esinye kwesinye. Oku kubanceda ekwakheni ukuqonda, bacinge ngebali njengento enye, kunokucinga ngephepha nephepha ngokwahlukeneyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi ekwiphepha.<br>**2** Yithi: Ngoku siza kwenza umfanekiso-ntekelelo ngebali ngokungathi sibukele umboniso-bhanyabhanya.<br>**3** Yalela abafundi bavale amehlo abo. Bacacisele ukuba mabaphulaphule amagama ze benze umboniso-bhanyabhanya ezingqondweni zabo.<br>**4** Funda itekisi kwakhona.<br>**5** Baxelele abafundi ukuba wenze umfanekiso-ntekelelo wantoni. (Yenza umfuziselo wesi sakhono.)<br>**6** Babuze abafundi: Nibone ntoni? (Kwenzeke ntoni kumboniso-bhanyabhanya wenu?)<br>**7** Mamela ze uxoxe ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi zingqamene nokwenzeka ebalini. |
| Imizekelo | **1** Ndenza umfanekiso-ntekelelo kaJoe ephumelela ugqatso. Ndiwubonile umbilo uqengqeleka entlokweni yakhe ubhabha macala onke. Ndiwabonile amehlo akhe emiliselwe entanjeni esiphelweni, nomzimba wakhe usebenza nzima kangangoko unako.<br>**2** Uthini owakho umfanekiso-ntekelelo? Kwenzeke ntoni kowakho umboniso-bhanyabhanya? |

| **Indlela yobuchule 3: Khangela kwitekisi** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Imibuzo yokukhangela kwitekisi yeyona iluhlobo olusisiseko kwimibuzo yengqiqo nokuqonda. Le mibuzo ibuza abafundi ukuba bacinge ngento okanye bajonge amagama akwiphepha, ze bakhumbule ulwazi oluthile. |
| *Umgomo* | *Le mibuzo isisiseko sokujonga ukuqonda amagama asephepheni. Le ndlela yobuchule ibonisa abafundi indlela yokuchonga nokukhangela igama-ntloko eliya kubanceda baphendule le mibuzo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ngolwazi olukwitekisi, njengolu: Ebefuna ukogqitha bani uJoe kolu gqatso?<br>**3** Bavumele abafundi baphendule umbuzo.<br>**4** QAPHELA: Bancede abafundi bafumane iimpendulo ngokuchonga igama-ntloko eliluncedo, ze bakhangele kwitekisi elo gama. Amaxesha amaninzi oku kungabakhokhelela kwimpendulo. |
| Imizekelo | **1** Wayefuna ukogqitha **bani** uJoe elugqatsweni?<br>**2** Wenza ntoni uJoe phambi kogqatso?<br>**3** Wazilolonga **nini** uJoe ukulungiselela ugqatso?<br>**4** Lwalubanjelwe **phi** ugqatso? |

| **Indlela yobuchule 4: Shwankathela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beshwankathela, bacinga ngokwenzeke ebalini. Banako nokucinga ngezinye izinto, ezinjengezi: oko bakuthandileyo ngebali; noko bathe bakufunda ebalini. |
| *Umgomo* | *Ukushwankathela kubonisa ukuba umfundi uliqondile waza wacinga ngalo ibali. Ukucela abafundi ukuba bashwankathele ibali yeyona ndlela ingcono yokujonga ukuqonda kwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi.<br>**2** Khumbuza abafundi: Xa sishwankathela, sicinga ngawona macandelo abalulekileyo ebalini. Sinako nokucinga ngoko sithe sakuthanda ngebali, noko sithe sakufunda ebalini.<br>**3** Nika abafundi umzuzu bacinge ngebali.<br>**4** Bayalele abafundi baguquke bajongane bathethe ze babelane neqabane ngezishwankathelo zabo.<br>**5** Ekugqibeleni, ungabacela ukuba babhale phantsi izishwankathelo zabo, besebenzisa isakhelo ukubanceda. |
| Imizekelo | Ibali: UJoe uphumelela ugqatso<br><br><u>Abafundi banokulishwankathela ibali ngolu hlobo:</u><br><br>**Eli bali linge**nkwenkwe egama linguJoe efuna ukodlula eyona nkwenkwe inamendu esikolweni, uSizwe kugqatso lweembaleki. UJoe uziqhelisa ngokuzilolonga lonke ixesha, aze ekugqibeleni amodlule uSizwe.<br><br>**Ndiyithandile** le ndawo apho uJoe aqhawula intambo ekupheleni kogqatso – ibisenza imincili kakhulu.<br><br>**Ndifunde ukuba** xa uzama ngamandla unganikezeli ungaphumelela. |

| **Indlela yobuchule 5: Cinga ngetekisi (Mangala)** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa utitshala (emangele) ecinga ukuba ingaba kutheni, utitshala ucingela ngaphandle ngetekisi. Wenzela ukuba abafundi beve oko akucingayo ngetekisi. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza umfuziselo wendlela yokucinga/ukumangala ngetekisi, sifundisa abafundi izinto ezimbini. Okokuqala, sifundisa abafundi ukuba abantu abafunda kakuhle abafundi nje amagama kuphela, basoloko becinga ngoko bakufundayo. Okwesibini, sibonisa abafundi iindidi zeengcinga abathi babe nazo ngetekisi abantu abafunda kakuhle. Ngokwenza oku, sibonisa abafundi indlela yokucinga ngetekisi, enobugcisa nechubekileyo. Ethubeni, abafundi baya kuqalisa nabo ukuzenzela oko.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Cinga ngombuzo okanye uluvo anokuba nalo umntu ofunda ngokutyibilikayo ngetekisi. (Izimvo zinikiwe kwiibloko zoFundo lokuQala noFundo lesiBini kwizicwangciso zesifundo.)<br>**3** Yithi: Ndibona/ndiqaphela …<br>**4** Yithi: Ndiyamangala …?<br>**5** Abafundi <u>a</u>banyanzele<u>kanga</u> ukuphendula umbuzo. |
| Umzekelo | <u>**Ndibona**</u> ukuba uSizwe wamhleka uJoe xa engenela ugqatso. <u>**Ndiyamangala**</u> ingaba oku kuyakumkhathaza na uJoe? |

| Indlela yobuchule 6: Dibanisa okusebalini nokwakhe kwakwehlela | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi *bedibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela,* bathelekisa ibali kunye nobomi babo (kusuka kwitekisi kuye kwisiqu sakhe umntu), okanye kwenye itekisi (itekisi ukuya kwitekisi), okanye kwenye into ekwihlabathi jikelele (itekisi ukuya kwihlabathi jikelele). |
| *Umgomo* | *Ukudibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela kunceda abafundi bayiqonde nzulu itekisi ngokuyidibanisa kwezinye izinto abasele bezazi, okanye ezakhe zabebhlela. Kubabonisa ukuba banako ukwenza iindidi ezahlukeneyo zokudibanisa: itekisi kwenye itekisi; itekisi kuwe buqu; kubomi babo; netekisi kwihlabathi lilonke – kolunye ulwazi abasele benalo ngehlabathi.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo, ofana nalo: Kwakunini apho wawukhe wafuna ukuphumelela into njengoJoe?<br>**3** Yenza umfuziselo ukunika impendulo engumzekelo, ngolu hlobo: indikhumbuze indlela endandisoloko ndikhuphisana ngayo kunye nodade wethu esikolweni. Wayesoloko efumana amanqaku aphezulu kwinto yonke, kwaye abazali bam babezidla ngaye. Ndandifuna ukwenza abazali bam bazidle nangam. |
| Imizekelo | **1** Kukukhumbuza njani oku ngobomi bakho?<br>**2** Ndixelele ngexesha apho kwathi kwenzeka into efana nale kuwe.<br>**3** Ukuba ubunguJoe, ucinga ukuba ubuya kwenza ntoni xa uSizwe ekuhleka?<br>**4** Ucinga ukuba waziva njani uSizwe akodlulwa nguJoe?<br>**5** Ingaba oku kukukhumbuza ngowuphi omnye umlinganiswa? |
| **Indlela yobuchule 7: Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini** | |
| Ingcaciso | Ukubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini kuquka ukusebenzisa oko sele ukwazi, kudibane noko uthe wakufunda ukuze uqashele kakuhle ngento ekhoyo ebalini. Oku ke 'kukuyifunda ivaliwe'. Xa abafundi bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, baqashela kakuhle ngento ekwibali. Ngamanye amaxesha, umbhali akazibhali zonke iinkcukacha zebali. Uthi ke umbhali aziyeke ezinye iindawo zingagqitywanga, ukuze abo bafundayo bazigqibele ngokwabo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kufuneka bazigqibele ngokwabo ezinye iindawo zebali bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini – kufuneka bafunde 'ukuyifunda ivaliwe'. Ukuze benze oku, kufuneka basebenzise oko kubhaliweyo, kunye noko sele bekwazi ukuze bazame ukugqiba ngoko kungathanga kwabhalwa ngokugqibeleleyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi: nazi ntoni ngoku? Ithini itekisi?<br>**3** Buza abafundi: yintoni enye esinokuyiqashela ngoku? Ingaba ikhona into engaxelwayo yitekisi?<br>**4** Buza abafundi: yintoni esinokubonisa ngayo ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, ngoJoe kwindlela athe gqolo waziqhelisa ezilolonga ngayo?<br>**5** Mamela ze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi ziyavakala.<br>**6** Ukuba abafundi batsala nzima, banike umzekelo wokubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini. Sebenzisa esi sakhelo sesivakalisi ukunceda: Xa sithathela kwi … ndicinga ukuba … |

| | |
|---|---|
| Umzekelo | **Itekisi:**<br>Umntakwethu wenze isicelo sokuya eDyunivesithi. Ndifike ekhaya ndambona ephethe ileta encumile. Umama ebekhala, ehleka emgona.<br>**Ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini:**<br>Xa sithathela kwinto yokuba umntakwethu enze isicelo sokuya eDyunivesiti, nokuba ephethe ileta abonakala echwayitile, sinako ukuqashela sithi isicelo sakhe sibe yimpumelelo. |
| **Indlela yobuchule 8: Ukwenza uHlolo** | |
| Ingcaciso | Xa sihlola itekisi, siyigweba ngokomba wetekisi leyo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kunyanzelekile bafundiswe ukuba kufuneka besoloko bekuhlola oko bakufundayo, ukuze bakwazi ukuxhasa okanye bangqine iziphumo zohlolo lwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ohlolayo, uze ubacele baxhase impendulo yabo. Umzekelo: Ucinga ukuba u – x wenze into efanelekileyo? Ngoba okanye hayi ngoba?<br>**3** Mamela uze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziyavakala.<br>**4** Ukuba batsala nzima abafundi, yabelana nabo ngolwakho uhlolo njengomzekelo: **Ndicinga ukuba** u – x wenze into elungileyo **kuba** u – x |
| Umzekelo | **Eminye imibuzo yohlolo iqala ngo:**<br>**1** Ingaba ucinga…<br>**2** Ingaba uyavumelana no…<br>**3** Ngokubona kwakho…<br>**4** Uyithandile… |

Ngezantsi yinkcazelo yeendlela zokufundisa ezibandakanya konke, ngesifundo ngasinye sokuFunda noTitshala: Phambi kokufunda; UFundo lokuQala; UFundo lwesiBini; kunye naseMva kokuFunda. Funda ezi nkcazelo ukuze ufumane ukuqonda ngokucacileyo ukutyibilika kwesifundo ngasinye.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: PHAMBI KOKUFUNDA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

Phambi kokuFunda, sakha izakhono zengqiqo nokuqonda ngokwenza abafundi bacinge ngebali phambi kokuba lifundwe.

1. Baxelele abafundi ukuba namhlanje baza kujonga imifanekiso esebalini, baze bacinge ngebali.
2. Baxelele abafundi ukuba, ukuthathela koko bakubonayo, baza kwenza uqikelelo ngebali. Oku kuthetha ukuba baza kusebenzisa imifanekiso bazame ukuqashela ukuba lingantoni ibali.

3 Cacisela abafundi ukuba bangacingi ngomfanekiso ngamnye uwodwa. Mabacinge ukuba izalana njani imifanekiso omnye nomnye. Kufuneka ukuba badibanise yonke imifanekiso omnye nomnye bazame ukuqonda ukuba lingantoni ibali xa liphelele.
4 Babonise abafundi uqweqwe lwebali uze ufunde isihloko ukhwaze.
5 Babuze abafundi: Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kweli bali?
6 Okulandelayo, jonga umfanekiso ngamnye ebalini, uze uthi njengoko ujonga ubuze abafundi:
   a Nibona ntoni kulo mfanekiso?
   b Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
   c Nicinga ukuba yintoni elandelayo enokwenzeka?
7 Ukuba abafundi bayalibala ukudibanisa imifanekiso eyahlukeneyo, bathundeze ukuba benze oko. Umzekelo: 'Nisakhumbula ukuba le nkwenkwe ibisenza ntoni kumfanekiso wokugqibela? Yenza ntoni ngoku? Nicinga ukuba kwenzeka ntoni?'
8 Xa ufika kumfanekiso wokugqibela, buza abafundi: Nicinga ukuba liza kuphela njani eli bali (ukuba lichanekile)?
9 Babulele abafundi ngokuqikelela kwabo.
10 Ukuba unexesha, funda ibali lonke kube kanye ungakhange ume.

### UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LOKUQALA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: INDLELA YOBUCHULE EMELE UKUSETYENZISWA ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

KuFundo lokuQala, siqala sakhe izakhono zengqiqo nokuqonda ngokufunda ze ucacise ibali kubafundi. Senza nomfuziselo wendlela ekucingwa ngayo ngebali. Phambi kokufunda, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha into efana nale: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Nikhumbule, qho xa sifunda okanye simamela ibali, kubalulekile ukusoloko sicinga ngebali. Namhlanje ndiza kunibonisa ukuba mna, ndicinga njani ngebali. Oku ndiza kukwenza (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kuzenzela umfanekiso-bhanyabhanya webali engqondweni yam.'*

1 Funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda sebenzisa izijekulo, iintshukumo nembonakalo yobuso, uze utshintshe imvakalo-zwi yelizwi lakho uqaqambisa intsingiselo.
2 Apho kufanelekileyo yima, uze ucacisele abafundi igama okanye ibinzana.
3 Ngaxeshanye, ngexesha loFundo lokuQala, sikwamilisela iingqondo ekwenzeni umfuziselo nokufundisa abafundi indlela yobuchule yengqiqo nokuqonda.
4 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala kunye noFundo lwesiBini.
5 Xa ugqibile ukufundela abafundi iphepha elo, nqumama uze ubonakalise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuseblokweni. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – ukuba ayivakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.

6 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala neyoFundo lwesiBini.
7 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
8 Babonise abafundi ukuba kungakho iimpendulo ezingaphaya kwenye ezichanekileyo xa kuphendulwa umbuzo, kwaye abafundi banokuba neembono ezahlukileyo.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LWESIBINI

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: LE NDLELA YOBUCHULE KUFUNEKA ISETYENZISIWE ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

Kufundo lwesiBini, siyaqhuba ngokwakha izakhona zengqiqo nokuqonda ngokufundela abafundi ibali, nokwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kwakhona, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha okufana noku: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Khumbulani, qho xa nifunda okanye niphulaphule ibali, kubalulekile ukusoloko nicinga ngebali. Namhlanje, ndiza kunibonisa ukuba ndicinga njani ngebali. Ndiza kukwenza oku (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kwenza umboniso-bhanyabhanya webali engqondweni.*

1 Okulandelayo, funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda, sebenzisa izijekulo, iintshukumo, inkangeleko yobuso, uze utshintshe nemvaka-lozwi ukuqaqambisa intsingiselo.
2 Ngaxeshanye, ngoFundo lwesiBini, uyakwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali.
3 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala noFundo lwesiBini.
4 Xa ugqibile ukubafundele eli phepha abafundi, nqumama ubonise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuphakathi kwibloko yoFundo lwesiBini. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – xa ingavakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.
5 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala nolwesiBini.
6 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
7 Okokugqibela, cela abafundi baqulunqe umbuzo ngetekisi.
   a Cela abafundi umntu azimele acinge ngombuzo anokuwubuza ngetekisi.
   b Ukuba kuyimfuneko, bakhumbuze abafundi ngamagama athile okanye amabinzana emibuzo, umzekelo: ngubani; yintoni; kwakunini; phi; njani; kwakutheni; ngokweembono zakho; ucinga ukuba; dwelisa; njl, njl.
   c Xelela abafundi baguquke ze bathethe, babelane ngemibuzo yabo.
   d Emva koko, cela abafundi abambalwa babelane neklasi ngemibuzo yabo.
   e Nika abanye abafundi ithuba lokuphendula le mibuzo.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: EMVA KOKUFUNDA

Injongo yomsebenzi waseMva kokuFunda kukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa ukuqonda kwabo ibali nokuziqhelisa ukusebenzisa ulwimi olutsha abalufundlileyo.

**Emva kokufunda, uya kwenza omnye kwimisebenzi emine:**

1 Zoba itekisi
2 Linganisa ibali
3 Balisa kwakho ngomlomo okanye ngokubhala iindawo ezithile ebalini
4 Ingqiqo nokuqonda okubhalwayo

### ZOBA ITEKISI

1 Hlalisa abafundi kwiidesika zabo, beneencwadi zabo zokubhala okanye iphepha elingabhalwanga, ipensile kunye neekrayoni.
2 Xelela abafundi ukuba baza kuzenzela umfanekiso-ntekelelo ngento ethile kwitekisi. Bakhumbuze ukuba xa besenza umfanekiso-ntekelelo ngento ethile, bacinga ngokuba ikhangeleka injani, inuka njani, ivakala njani xa uyibamba, kwaye isandi sayo sinjani. Mabenze nomfanekiso-ntekelelo wendlela abaziva ngayo ngomlinganiswa, isiganeko okanye into ekwitekisi.
3 Bacele abafundi bavale amehlo ze baphole. Bafundele itekisi kwakho kube kanye.
4 Emva koko, bacele bawavule amehlo, ze bazobe oko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako kuvela kwitekisi. Abafundi banokongeza iimpawu bacacise ivumba, incasa, njl, njl.
5 Emva koko abafundi mabasebenzise isi/ziqali-sivakalisi babhale isivakalisi nokuba zibini ngoko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako.
6 Okokugqibela, bavumele baguquke ze bathethe, babelane ngemifanekiso-ntekelelo yabo neqabane.

### LINGANISA IBALI

1 Hlalisa abafundi kwimethi okanye indawo ethe cwaka phandle.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje baza kulinganisa iindawo ezithile zebali abalifundileyo.
3 Bambela phezulu incwadi enkulu. Funda iphepha lokuqala.
4 Nika abafundi imiyalelo yento ekufuneka bayilinganise. (ekwisicwangciso sesifundo)
5 Linganisa imiyalelo kunye nabafundi.
6 Phinda kwiphepha ngalinye.
7 Baqeqeshe abafundi ukuba kwakubonisww ngophawu ukuba mabathi cwaka baphulaphule mabenze njalo, njengoko ufunda iphepha usenza neentshukumo.


### UKUBALISWA KWAKHONA OKANYE UKUBHALWA KWEENDAWO EZITHILE ZEBALI

1 Hlalisa abafundi bazole ukuze bamilisele iingqondo kuwe.
2 Landela amanqwanqwa kwisicwangciso sesifundo ukubalisa kwakhona indawo ethile kwibali kunye nabafundi.

3 Okokuqala, uza kwenza umfuziselo wokubalisa ukhumbula into esebalini.
4 Okulandelayo, uza kubaxelela abafundi ukuba bacinge ngento ethile ebalini – mabangalinganisi umzekelo wakho.
5 Baza kuthi ke ngoku abafundi BAGUQUKE ZE BATHETHE babelane bebalisa kwakhona kunye neqabane.
6 Okokugqibela, uya kubiza babe mbalwa beze kwabelana neklasi babalise kwakhona.
7 Ukuba isifundo sesokubalisa ngokubhala, abafundi baya kuzoba/ babhale ibali kwakho ezincwadini zabo zomsebenzi.

#### OKUBHALWAYO KWENGQIQO NOKUQONDA

1 Phambi kwesifundo, bhala isihloko setekisi njengesihloko ebhodini.
2 Emva koko bhala imibuzo yengqiqo nokuqonda ebhodini, kunye neziqali-zivakalisi zeempendulo. (Apho kufanelekileyo.)
3 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala baze babhale isihloko.
4 Baxelele abafundi ukuba namhlanje, baza kucinga ze babhale iimpendulo zale mibuzo.
5 Funda imibuzo nabafundi, uze ucacise xa kuyimfuneko.
6 Baxelele abafundi banokungayibhali phantsi imibuzo, mababhale iimpendulo kuphela.
7 Hamba hamba ujikeleze uze uncede abafundi abatsala nzima.
8 Kwimizuzu emibini yokugqibela, phendula imibuzo kunye nabafundi, bavumele bakorekishe imisebenzi yabo.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala

***Injongo:*** *Ukuphulaphula nokunika umfundi ngamnye ithuba lokuzifundela ngaphandle, nokuphuhlisa gca izakhono zokufunda ngengqiqo nokuqonda. Ukunika abanye abafundi eklasini ithuba lokuziqhelisa ukufunda izandi, amagama avela kakhulu kwitekisi, amagama afundeka lula ngokuhlahlela, nokudibanise izandi namalungu egama, phambi kokubhala umsetyenzana ohlola ukuqonda nengqiqo.*

Kubalulekile ukuba umamele umfundi ngamnye ezifundela nokuba kukanye ngeveki

#### EKUFUNEKA UKWENZE NABANYE BAFUNDI EKLASINI

1 Phambi kokuqala kwesifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, qiniseka ukuba abanye abafundi apha eklasini baneencwadi zabo zokubhala kunye nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele
2 Qiniseka ukuba iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele likhuselekile ngokulifaka kwifayili okanye isingxotyana seplastiki.
3 Qeqesha abantwana ngemigaqo emayilandelwe xa ilithuba lokufunda ngamaqela notitshala
   a Nika bonke abafundi iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
   b Cacisela abafundi ukuba umsebenzi wokuqala kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.

- **c** Biza iqela lize kukufundela.
- **d** Xa sele umamele umfundi ngamnye kwiqela elo bayalele babuyele kwidesika zabo.
- **e** Yalela abafundi benze umdlalwana wokuphumza ingqondo umzekelo ingonyana okanye umdlalo.
  - *Qaphela: imizuzu engama-30 mininzi abafundi behleli besenza umsebenzi omnye umntu eyedwa. Ngenxa yesi sizathu kubalulekile ukuba ubaphumze ngokwenza umdlwana okanye ingonyana enika umdla.*
- **f** Phinda ubahlalise ubanike nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele.
- **g** Cacisela abafundi ukuba umsebenzi olandelayo kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.
- **h** Biza elinye iqela lize kukufundela.

**4** Bubuchule ukuhlalisa umfundi osilelayo ekufundeni kunye nomfundi okwaziyo ukufunda ukuze bancedisane.

## ISIMO SEPHEPHA LOMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

**1** Iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele linemisetyenzana eli-10 qho ngeveki. Kukho amathuba alishumi evekini okuba utitshala asebenze namaqela. Oko kuthetha ukuba abafundi baza kuyigqiba imisebenzi ngeeseshoni ezil-9.

**2** Imifanekiso ikhumbuza abafundi ngemabakwenze ngexesha lesifundo ngesuku ngalunye.
- **a** Umlomo ubakhumbuza ukuba babize izandi zegama ngalinye.
- **b** Iliso likhumbuza abafundi ukuba bafunde amagama ngokuwabona.
- **c** Umfanekiso onomntwana omnye ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba umntu ngamnye azifundele.
- **d** Abantwana ababini bakhumbuza abafundi ukuba lithuba lokufunda bebabini
- **e** Umfanekiso wesandla esibambe usiba lokubhala ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba bazobe okanye babhale.

**3** Kugcinwa uluhlu oluyintloko olunazo zonke izandi namagama asetyenziswa njalo afundisiweyo. Amabali amatsha akhiwa kusetyenziswa izandi namagama eveki asetyenziswa njalo, nangokuquka izandi namagama asetyenziswa njalo asele efundisiwe. Oku kuthetha ukuba abafundi abahlangani namagama abangazange bawabona kwiphepha labo lomsebenzi.

## UKWAHLULA AMAQELA NOKUKHETHA ITEKISI YOKUFUNDWA KWISIFUNDO SOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTUTSHALA.

**1** Kwiveki ezimbini zokuqala zokuvulwa kwezikolo, mamela umfundi ngamnye efunda eyedwa

**2** Sebenzisa le rubriki ingezantsi ukwahlula abafundi ngokomgangatho wabo wokufunda

**3** Hlela abafundi, ubafake kumaqela, iqela ngalinye libe nabafundi abafunda ngokufanayo/ kumgangatho olinganayo.

4 Le nkqubo inezifundo ezilishumi ngeveki zokumamela abafundi befunda. Kufuneka uhlele ube namaqela alishumi. Ukuba unamaqela angaphantsi kweshumi ungalisebenzisa eli thuba ukusebenza namaqela atsala nzima ukufunda ukufunda.
5 Kwitreka yakho uza kufumana ifomu yokubhala amagama abafundi ngokwamaqela abo, kunye netheyibhuli yokubhala itekisi abayafundayo nokujonga inkqubo yabo xa befunda.
6 **Qaphela**: le rubriki yeyokwahlula abafundi ngokomgamgatho wabo wokufunda
7 Ukuba kukho abafundi abaliqela abakumgangatho olinganayo wokufunda, banike umsebenzi wengqiqo nokuqonda ukubohlula.
8 Kwiklasi enabafundi abangama-40 kungakho:
- Akukho qela lipheleleyo kumgangatho 1, ngabafundi abambalwa.
- Iqela elinye kumgangatho 2
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 3
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 4
- Iqela elinye okanye amabini kumgangatho 5

| **Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda: kumgangatho 1** | **Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 2** | **Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 3** | **Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 4** | **Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 5** |
|---|---|---|---|---|
| • Lo mfundi akazi kwagama okanye ufunda amagama ambalwa<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi ezininzi noonobumba. | • Lo mfundi wazi amagama ambalwa aqhelekileyo<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi nonobumba OKANYE lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama nezandi ezitsha | • Lo mfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo.<br>• Lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama angekafundiswa/ amatsha | • Lo umfundi wazi amagama aqhelekileyo amaninzi ukwafunda nesininzi samagama angekafundiswa/ amatsha<br>• Lo mfundi udinga uncedo ngamathuba athile ukufunda amagama angaqhelekanga<br>• Lo mfundi uyakwazi ukufunda amagama amaninzi ngokutyibilika | • Lo umfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo<br>• Lo mfundi ufunda amagama angekafundiswa<br>• Lo mfundi ufunda ngokutyibilika nangokucacileyo.<br>• Ngomnye wabafundi abagqwesileyo ekufundeni eklasini. |

## EMAKWENZIWE NEQELA NGALINYE NGEXESHA LOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA.

1. Biza iqela likufundele
   - a Qinisekisa ukuba banetekisi echanekileyo.
   - b Hlalisa iqela kwisangqa
   - c Khumbuza abafundi amagama abawafunde ngokuwabona kule veki. Bonisa abafundi onotsheluza bala magama baziqhelise ukuwafunda.
   - d Okulandelayo, nika abafundi imizizu embalwa bazifundele indawana yetekisi bethe cwaka.
   - e Nika umfundi ngamnye ithuba lokufundela ngaphandle indawana yetekisi eyedwa.
2. Kwizifundo zokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kubalulekile ukukhumbula ukuba:
   - a **Bonisa abafundi amagama avela nasetyenziswa kakhulu kwitekisi**. Khumbuza abafundi ukuba kukho amagama **e**kufuneka bawafunde ngokuwajonga bawagcine engqondweni.
   - b **Yakha izakhono zokuhlahlela amagama**. Xa umfundi etsala nzima ukufunda igama, ungakhawulezi umnike impendulo mncedise umbonise ukuhlahlela nokuhlanganisa zandi ukuze kuphume igama.
   - c **Ncoma, ukhuthaze abafundi.** Ukufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kufuneka kwenziwe kube sisifundo esinika umdla, esikhuthazayo nesakha ukuzithemba kubafundi.
   - d **Phuhlisa ukufunda ngokutyibilikayo.** Ncedisa abafundi kuphuhle ukufunda ngokutyibilikayo**.** Xelela abafundi ukuba xa ufunda kufuneka kuvakale ngathi uyathetha. Yenza ymfuziselo ufundela abafundi ngokutyibilikayo balandele emva kwakho.
   - e **Yakha ingqigqo nokuqonda ngokufundwayo.** Xelela abafundi ukuba xa befunda kufuneka bacinge ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuba banqumame, baphinde bafundisise xa belahlekelwa ngumxholo wabakufundayo**.** Fundisa abafundi ukuba babe nomfanekiso ngqondweni njengoko befunda – bazakhele umboniso bhanyabhanya ezintlokweni zabo ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuzama bahlale bekhumbula abakufundayo kwaye babuze xa kukho abangakuqondiyo.

## UKUNAKEKELWA/UKUGCINWA KWAMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

1. Licebo elihle ukuwagcina kwifayile okanye kwisingxotyana seplastiki xa abafundi bewasebenzisa.
2. Xa kugqityiwe ukutyenziswa amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, wanekekele, uwagcine kakuhle.
3. Xa uwagcine kakuhle amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, angahlala iminyaka kuba abafundi ababhali kuwo, babhala kwiincwadi zabo zokubhala.

### ENYE INDLELA YOKUFUNDA NGAMAQELA

Khumbula ukuba isizathu sokufunda ngamaqela kukumamela umfundi ngamnye ezifundela eyedwa ukuze bancedwe baphuhlise isakhono sabo sokufunda. Ukuba akukho ndawo yaneleyo kwiklasi yakho yokuhlala nabafundi phantsi nifunde, okanye kuyingxaki ukugcina ucwangco kwiklasi xa ufunda neqela, ikhona enye indlela.

Kwisifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, nika bonke abafundi amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, uze wenze oku kulandelayo:

1. Bacacisele umsebenzi wokuqala abaza kuwenza okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele
2. Wandule, ubize umfundi ngamnye eze kwitafile yakho, afundele ngaphandle
3. Mamela umfundi ngamnye efunda kwitekisi ekumgangatho wakhe
4. Phuhlisa isakhono sabo sokuhlahlela amagama nokufunda ngobugcisa.
5. Emva kwemizuzu eli-15, Yalela abafundi benze umdlalo wokuphumza ingqondo.
6. Phinda uhlalise abafundi baqhubeke nomsebenzi okwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
7. Bacacisele umsebenzi olandelayo okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele.
8. Qhubeka ubize abafundi ngabanye beze kukufundela kwitafile yakho.

Ukuba ukhetha ukwenza le inkqubo xa usenza isifundo sokufunda ngamaqela, qinisekisa ukuba ufumana ithuba lokumamela umfundi ngamnye kube kanye ngeveki.

## Inkqubo elandelwayo yokubhala

***Injongo:*** *Kukufundisa nokuncedisa abafundi kwinkqubo elandelwayo bebeka iingcinga zabo ephepheni. Nokubonisa abafundi ukuba ukulandela inkqubo kubanika amathuba okutshintsha, becokisa ukuphucula iingcinga zabo. Kunokulindela ukuba bathi beqala ukubhala babhale konke ngokuchanekileyo.'*

Inkqubo yokubhala elandelwayo iquka la manyathelo alandelayo ukucwangcisa, ukuyila, ukuhlela, ukupapasha nokunikweza iindlebe. La manyathelo mane aphuhlisa ubuchule bokubhala, afundiswa abafundi kuwo oomathathu la mabanga kule mfundo esisiSeko.

### CWANGCISA UKUBHALA

1. Le nkqubo iphuhlisa ubuchule bokubhala, ifundisa abafundi indlela yokucwangcisa ukubhala besebenzisa:
   a. Uluhlu
   b. Imephu yengqondo
2. Phambi kokuba abafundi bacwangcise umsebenzi wabo, kumele wena ubabonise abamele bakwenze ukuze baqiniseke ngokufuneka bekwenzile. Isicwangciso sesiFundo siyakukhokela ukwenza oku.

3 Cacisela abafundi ukuba ngamaxesha onke kumele bakuCINGE kuqala oko baza kubhala ngako. Bonisa ngokuthetha iingcinga zakho ngokuvakalayo.
4 Sebenzisa isakhelo sesicwangciso ukwakha esakho isicwangciso sokubhala.
5 Nika abafundi imizuzu embalwa ukuba bacinge ngoko baza kukubhala.
6 Vumela abafundi baguquke bathethe, besabelana ngeengcinga zabo.
7 Abafundi mabasebenzise isakhelo sokubhala besakha esabo isicwangciso sokubhala bekhokhelwa bekwancedwa nguTitshala

### YILA/CEBA UKUBHALA

1 Phambi kokuba siqale isifundo, bhala kwakhona isicwangciso sokubhala kwisifundo sangoMVULO ebhodini. Bhala isakhelo sokubhala ebhodini.
2 Cacisa, ubabonisa ngendlela abaza kusibenzisa ngayo isicwangciso ukwenza idrafti.
3 Abafundi mabenze konke oku besebenzisa isakhelo sokubhala.
4 Njengokuba bafundi bebhala idrafti zabo, hamba hamba eklasini unika uncedo.

### HLELA UKUBHALA

1 Bhala itshekhilisti yokulungisa umbhalo okwisicwangciso sesiFundo ebhodini.
2 Funda ucacisele abafundi indlela yokusebenzisa le tshekhilisti.
3 Bonisa abafundi indlela ezilungiswa ngayo iimpazamo ezenziweyo.
4 Nika abafundi ithuba lokulungisa iimpazamo zabo besebenzisa itshekhilisti.

### UKUPAPASHA NOKUNIKWEZA INDLEBE

1 Yalela abafundi babhale kwakhona ngokucocekileyo umsebenzi wabo.
2 Nika abafundi ithuba lokutshintsha incwadi ze omnye afunde umsebenzi womnye.
3 Abafundi mabanikwe ithuba lokufunda umsebenzi wabo eklasini.
4 Cela abanye babafundi babhale ngokutsha kumaphepha befaka imizobo ze babhale amagama abo ngezantsi kumaphepha lawo. Xhoma lo msebenzi eludongeni ukuze ubonwe ngumntu wonke eklasini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi. Okulindelwe kuwe kukuba ngekota umakishe amaphepha nje amabini kumsebenzi wokubhala usebenizsa irubhriki. Khumbula ukuba kubalulekile ukufunda yonke imibhalo yabafundi uncome, ucebisa nalapho basilele khona.
6 Oku kunceda nasekukhuliseni ukuzithemba kwisakhono sokubhala.

## Ubuchule obuphuhlisa ukubhala

***Injongo:*** *Kukuxhobisa abafundi ngobuchule bokuphuhlisa ukubhala obusebenza njengesakhelo ukubancedisa ekujikeni iingcinga zabo zibe yimibhalo yokwenene.*

**1** Landela isicwangciso sesifundo seveki nganye ukwenza umsebenzi owunikiweyo wokubhala.
**2** Kwesi sicwangciso sesifundo uya kuqaphela ukuba imisebenzi emayenziwe eklasini ilandelelana ngokufanayo amaxesha onke. Oku kunceda bafundi ukuze bakwazi emabakulindele kumsebenzi obhalwayo Oku kunceda nokwakha ukuzithemba.
**3** Uya kuqaphela ke Titshala ukuba ubuchule obahlukeneyo buyafundiswa kubafundi ekubancediseni kwiphulo lokugqiba umsebenzi obhalwayo onikiweyo.
**4** Iphulo kukuba abafundi babazi obu buchule bokufunda bebusebenzisa ngokokwabo.
**5** Obu buchule benza abafundi bazibone benakho ukwenza umsebenzi obhalwayo xa befundiswe onke la manyathelo alandelwayo kule nkqubo yokubhala.

**UBUCHULE BOKUBHALA BOKU-1: UTITSHALA WENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA**

**a** UTitshala ubonisa abafundi ekufuneka kwenziwe kuqala.
**b** Ngokujonga okwenziwa nguTitshala abafundi bayacacelwa ngokufuneka bekwenzile.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-2: ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE**

**a** Ukubhala sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
**b** Oku kuthetha ukuba ababhali mabacinge kuqala, ze bathathe isigqibo ngeembono phambi kokuba bazibhale.
**c** Kwaye oku kuthetha ukuba akukho mpendulo zilungileyo nezingalunganga xa kubhalwa umbhali ngamnye uneengcinga zakhe aza kubhala ngazo.
**d** Banike ithuba elaneleyo lokucinga ngamaxesha onke abafundi.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 3: ABABHALI BAKRWELELA UMGCA KWIGAMA NGALINYE ABALIBHALAYO**

- **a** Abafundi bacinga ngesivakalisi abafuna ukusibhala, ze basivakalise ngaphandle.
- **b** Abafundi babala ukuba isivakalisi sinamagama amangaphi, ze bakrwele imigca ukubonisa igama ngalinye.
- **c** Imigca mayikrwele ukusuka ekhohlo isiya ngasekunene, isuka ngentla isiya ngezantsi.
- **d** Imigca mayingqamane nobude begama ngalinye.
- **e** Makushiywe izithuba phakathi kwamagama.
- **f** Makubekwe isingxi ekupheleni kwesivakalisi.
- **g** Xa imigca igqityiwe ukukrwelwa, umbhali makabhale amagama, ukuba akaqinisekanga ngegama makazame ukubhala isandi esi siqala ngalo igama phambi kokucela uncedo.
- **h** Le nkqubo yakha isakhelo nokuzimisela kubabhali. Abafundi ekunzima ukubhala le nkqubo ingabanceda kakhulu.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-4: ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO UKUBHALA AMAGAMA**

- **a** Fundisa abafundi bakho ukungaceli uncedo kuTiitshala xa bebhala amagama abangawaziyo. Kufuneka besebenzise izixhobo kuqala ukubhala la magama. Umzekelo:
- **b** Amagama aseludongeni kwigumbi lokufundela
- **c** Ezinye iincwadi
- **d** Uluhlu lopelo lovavanyo
- **e** Ukanti bangabuza nakoogxa babo eklasini.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-5: ABABHALI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUKHUMBULA AMAGAMA**

- **a** Abafundi mabazame ukukhumbula amagama asele bewafundile, ze bawabhale la magama besebenzisa iinkumbulo zabo.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI-6: ABAFUNDI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO

**a** Fundisa abafundi ukutsho igama abangalaziyo kancinane okofudo ukuze bamamele ze bachonge izandi ezahlukeneyo ezenza igama.
**b** Abafundi mababhale phantsi izandi ngohlobo abaziva ngalo. (Bangangawabhali ngokuchanekileyo amagama kodwa oku makungakuphazamisi njengoko sifuna nje ukuba baqale babhale amagama abangawaziyo besenzisa imvakelelo yezandi).
**c** Zama ukufunda ulwazi lwezandi kubafundi, ze ubancome ngokukwazi ukuva izandi ezo ukwakha amgama. Sisakhono esibaluleke kakhulu esi ungalibali ukuncoma ngamaxesha onke.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 7: ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO

**a** Abafundi mabazifundele imibhalo yabo ngokuvakalayo okanye bafundele oogxa babo. Ukuba nababukeli (ukufundela oogxa babo) kwenza le nkqubo ilandelwayo yokubhala ibe nentsingiselo engaphaya.
**b** Ngeli thuba besenza oku qinisekisa ukuba akukho magama bawashiyayo.
**c** Mabaqinisekise ukuba amagama alandelelana ngokuvakalayo.
**d** Okona kubalulekileyo qinisekisa ukuba wenza abafundi bakho bayonwabele le nkqubo ukuze bazingce ngoko bakubhalileyo.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 8: ABAFUNDI BAYAGUQUKA/ BAYAJIKA BATHETHE

**a** Kumaxesha athile eklasini abafundi bangaguquka bathethe noogxa babo.
**b** Oku kunceda abafundi babelane ngeengcinga zabo koko baza kubhala, ukufundela oogxa babo oko bakubhalileyo, bexelelana nangemifanekiso ekwimibhalo yabo okanye beqonda ukuba bakuvile na ekufuneka kwenziwe.
**c** Fundisa abafundi bakho baguquke bajongane ebusweni bethethela phantsi.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 9: UKUBAMBA IINGXOXO NABAFUNDI

**a** Bubuchule obubaluleke kakhulu oko njengoko abafundi besabhala.
**b** Hamba, hamba phakathi kwabo, ze ume xa ubona ongathi unzinyelwe koko kufuneka ekubhalile.
**c** Yiba nengxoxo nalo mfundi.
**d** Wujonge umsebenzi wabafundi, umamele, unike noncedo apho lufuneka khona.
**e** Ungalibali ukunika umfundi nganye ithuba lakho nawe, kananjalo ncoma imibhalo yabo.

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1 Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2 Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3 Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4 Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yabantu abohlukileyo emhlabeni jikelele.
5 Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ufumane amanqaku asixelela ngabantu abanceda abantu apho bahlala khona.
6 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, iincwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda,ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8 Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9 Cwangcisa imisebenzi yeveki yohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 2, Masifunde nelesi 3 Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 4, Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 5, Masibhale

**Umsebenzi 4:** Zoba umfanekiso usibonisa abantu bendawo ohlala kuyo.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali 15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1 Bonisa umfanekiso wabantu behleli ndawoninye besitya isuphu kwiNcwadi eNkulu yebali: **Isuphu yamatye kaMakhulu**.
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Uluntu.**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Yintoni uluntu ?
   b Ngobani abayingxenye yoluntu ?
   c Zeziphi ezinye zendawo ezibalulekileyo eluntwini ?

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- uluntu
- isithaka
- ukuxhela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Nkqo nkqo molweni | *Yiba ngathi uyankqonkqoza ushukumise isandla unge uyabulisa* |
| Siphek'isuph'ekhaya | *Bonisa ngesandla imbiza enkulu* |
| Nam ndiyayifuna | *Khomba kuwe ulingise unge uyatya* |
| Thatha nal'itswele | *Yisa isandla phambili ungeunika umntu into* |
| Mna ndineetapile | *Khomba kuwe use isandla unge uphethe into ngesandla* |
| Nantsi neminqathe | *Khomba unge uphethe into ngesandla* |
| Galela amanzi | *Lingisa unge ugalala amanzi embizeni* |
| Zamisa makhulu | *Lingisa unge uzamisa imbiza* |
| Uphake isuphu | *Lingisa unge uyaphaka* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo.
2 Bizela abafundi ezi zandi zilandelayo bazi bhale phantsi.
   a **indlovu**
   b **intloko**
   c **indyebo**
   d **ingcawe**
   e **inqwelo**
   f **intsholo**
   g **ngcwele**
   h **nkxwe**
   i **ingqwayi**
   j **inyhwagi**
3 Yalela bafundi bakhuphe ipenisile zabo ezinemibala ukukorekisha imsebenzi yabo.
4 Bhala izandi namagama ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Isuphu yamatye kaMakhulu**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungemi.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Isicwangciso Nedrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngento onokuyenza ukunceda uluntu lwakho ze wenze nomhlaba indawo engcono.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi emibini. Ubhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.

**ICEBO LOKUPLANA:** Yenza imephu yengqondo.

#### YAZISA NGESIHLOKO ESIZAKUBHALWA

1. Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2. Cacisa iingcinga zakho ngomlomo ngolu hlobo: *Ndiza kubhala ibali ngomlinganiswa osebenzisa inkukuma ukwakha nantoni na?*

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)

1. Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe imephu yengqondo.
2. Bonisa abafundi indlela yokwenza imephu yengqondo uphendula imibuzo.
3. Phendula imibuzo kwelinye icala le mephu yengqondo


| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| Ungathanda ukwenza ntoni ukunceda uluntu lwakho? | Uzakwenza njani oku? | Uzakudinga ntoni ? |
| Oku kuza kunceda bani? | **Ukunceda uluntu lwam** | Kutheni eli ilicebo elihle? |
| Kutheni lo mbono wakho ubalulekile ? | Oku kungenza umhlaba ube yindawo ebhetele njani ? | Ikhona enye into? |

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| Ndingathanda ukubeka imigqomo yenkukuma. | Ndiza kugcina imali ze ndithenge imigqomo. Emveni koko ndiza kufuna abantu abazakundincedisa ukubeka le migqomo kwistalato ngasinye apha ekuhlaleni. | Imigqomo, nabantu bokundincedisa. |
| Kuza kunceda wonke umntu kuba iinkukuma isilimaza sonke ekuhlaleni nasemhlabeni | **Ibali lam** | Kuba kufuneka imigqomo, ukuba sifuna abantu bayeke ukulahla iinkukuma kuyo yonke indawo. |
| – -- | Inkukuma iyawulimaza umhlaba kwaye kumele sibambisane ukulungisa le ngxaki ! | Kwawufuneka ndicacisele wonke umntu ukuba iinkukuma ayilunganga! |

## ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)

1. Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngendlela ibenye enokwenza indawo abahlala kuyo ibe ngcono okanye enokwenza umhlaba ube yindawo engcono
2. Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3. Bonisa abafundi imephu yengqondo ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4. Banike **incwadi zokubhala**
5. Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6. Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**





## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 1**
2 Cacisa **Umsebenzi wangoMvulo woku1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukuzikhumbuza Ngesandi Efundiweyo

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/a/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/a/** sohlukile kwesesingesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo anesisandi embindini/phakathi?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **mama, lala, amasi**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________


Amagama: ____________________________________________

____________________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Aa**
2 Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA/ NDIHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| **Isuphu yamatye kaMakhulu**<br><br>UTselane nomakhulu wakhe babefile yindlala. Amaxesha ayenzima. Imvula inqabile. Umbona wawungakhulanga, kwaye iinkomo zazibhityile. Akukho namnye kuloo lali owayenokutya awayenokuphisa ngako. Umakhulu wayekhathazekile. Yintoni awayenokuyenza? Imilenzana kaTselane ebhityileyo yayisiba mincinane ngakumbi yonke imihla, wayengasakwazi ukubaleka ajikeleze edlala ukuphuma kwesikolo. | UTselane nomakhulu wakhe bakudinga kakhulu ukutya! **Ndiyacinga ingaba** baza kwenza njani? |
| Umakhulu kwakufuneka ecinge icebo ngokukhawuleza! Washukumisa isitulo sakhe esijuwuzayo. Phambili emva, wasishukumisa njengoko wayecinga icebo.'Yeke, wakhwaza umakhulu, 'Ndinecebo! Tselane lixesha lokwenza isuphu yamatye yodumo!' | Andizange ndakha ndeva ngesuphu yamatye. **Ndiyacinga ingaba** ngokwenene umntu angawatya amatye esuphini? |
| UTselane wabasa umlilo. Umakhulu wabeka imbiza enkulu eziko wayizalisa ngamanzi. UTselane waqokelela amatye ampuluswa emhlabeni owomileyo. 'La matye aza kwenza isuphu encamise ngencasa!' uTselane nomakhulu bahleka bonwabile! Umakhulu wagalela amatye emanzini. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni begalela amatye emanzini? Mhlawumbi kungenxa yokuba abanakutya banokukugalelela! |
| 'Tselane baleka ungene ilali uxelele wonke omntu ngale suphu yam incamise ngencasa!'watsho umakhulu. UTselane wabaleka wangena ilali. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni umakhulu kaTselane efuna ukuxelela banke abemi belali ngale suphu yamatye? |
| 'Umakhulu wenza isuphu yakhe yamatye encamise ngencasa!' wachazela abemi belali.<br><br>'Isuphu yamatye? Watsho utitshala. 'Hayi andiyazi leyo.'<br><br>'Umakhulu udumile ngesuphu yakhe yamatye encamise ngencasa,'watsho uTselane.<br><br>'Ewe – ndiyithanda ngeyona ndlela,'watsho umhlobokazi kamakhulu. | **Ndiyacinga ingaba** yintoni enokubangela ukuba umntu afune ukutya isuphu yamanzi namatye? |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ngokuqinisekileyo kufuneka ndifumane esam isitya.'<br><br>'Ndingangcamla?' wabuza umfama.<br><br>'Ivakala incamise ngencasa ngokwenene,' watsho umalusi.<br><br>'Injalo,'watsho uTselane.<br><br>UTselane wacinga umzuzwana. 'Kodwa ayanelanga ukuba singabelana,'watsho ekhangeleka ekhathazekile. Wonke umntu wayekhangeleka ekhathazekile. Babelambile nabo. | |
| 'Ndinecebo!' watsho uTselane, 'Ndiqinisekile ukuba umakhulu uza kwabelana ngesuphu yakhe. Kodwa kufuneka nonke nize nezithako zayo ezinencasa ukuze siyongeze. Iya kuthi ke yanele wonke umntu!'<br><br>Ndingeza neetapile,' watsho utitshalakazi.<br><br>Iminqathe ingongeza incasa,' watsho umfama.<br><br>'Ndinamatswele singawagalela,' watsho umalusi.<br><br>'Mna ndiza kuxhela inkukhu yam yokugqibela songeze kulo mbiza,'watsho umhlobo kamakhulu.<br><br>Bonke abemi belali bakhawuleza ukuya ezindlwini besiya kukhangela oko babenokukufumana ukuze bagalele kulo mbiza yesuphu yamatye incamise ngencasa. | Oo! Ngoku wonke umntu ufuna ukuza nento emnandi aze kugalela kule mbiza kamakhulu. **Ndiyacinga ingaba** eli yayilicebo likaTselane ixesha eli lonke. |
| Wenyuka umphunga uphuma embizeni. Umakhulu wazamisa wagalela ityuwa nezinongo. Elinjalo lona ukuba mnandi ivumba! Ummi welali ngamnye weza nemifuno ukuza kugalela embizeni yesuphu kamakhulu. Bathi njengoko begalela embizeni abemi belali laya liqina ivumba elimnandi! | |
| Ekugqibeleni yayilungile isuphu. Wonke umntu weza nesitya waza wahlala phantsi bangqonga umlilo ukuze babelane ngalo ncamisa yesuphu yamatye kamakhulu. Yonela, kwade kwafumana nenja kaTselane! | **Ndiyacinga ingaba** kutheni le suphu imnandi? Kungenxa yezithako ezigalelwe ngabemi belali! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Emva kweso sidlo sikhulu, umakhulu wabalisa ibali, uTselane wacula ingoma baza bonke abantu babhiyoza. Yayisele ilixesha elide ukubona abantu belali behleli kunye besitya bencokola bonwabile.<br>'Inene sibe nosuku olumnandi! Watsho umfama.<br>'Siyabulela ngesuphu yamatye,' watsho umalusi.<br>'Usibonisile ukuba ukwabelana kusenza sibe nobutyebi ngakumbi,' watsho utitshalakazi. | **Ndiyacinga ingaba** abeni belali baza kumqumbela uTselane nomakhulu wakhe kuba begalele amatye endaweni yezithako zenene? |
| UTselane nomakhulu babelana ngoncumo lwabo oluyimfihlo. | **Ndihlola imeko ndithi** abanye abemi belali angekhe bacaphuke kuyaphi. UTselane nomakhulu babase umlilo baza bahlanganisa bonke abantu! Bancedisile ekwenzeni isuphu ibe nencasa, noxa bebengenakutya kwakugalela! |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Weza nasiphi isithako utitshalakazi? | Weza neetapile. |
| Wongeza ntoni esuphini umfama? | Weza neminqathe ukuze igalelwe kuyo. |
| Ngubani oweza neetswele? | Umalusi weza neetswele. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Yintoni eyenza ukuba le suphu ibe nencasa engumangaliso? | • Kuba ummi ngamnye welali weza nesithako.<br>• Kuba zonke izithako zazivakala zinencasa xa zidibene. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 1**
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo Yeorali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi.

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- iplani
- ukrelekrele
- unamaqhinga

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Nkqo nkqo molweni | *Yiba ngathi uyankqonkqoza ushukumise isandla unge uyabulisa* |
| Siphek'isuph'ekhaya | *Bonisa ngesanlda imbiza enkulu* |
| Nam ndiyayifuna | *Khomba kuwe ulingise unge uyatya* |
| Thatha nal'itswele | *Yisa isandla phambili unge unika umntu into* |
| Mna ndineetapile | *Khomba kuwe use isandla unge uphethe into ngesandla* |
| Nantsi neminqathe | *Khomba unge uphethe into ngesandla* |
| Galela amanzi | *Lingisa unge ugalala amanzi embizeni* |
| Zamisa makhulu | *Lingisa unge uzamisa imbiza* |
| Uphake isuphu | *Lingisa unge uyaphaka* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



**1** Yohlula bafundi babe ngokwamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa yokwakha ibali.
**3** Umfundi makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena ncakasana kwimifanekiso leyo.
**4** Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngezimvo zabo.
**5** Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
**6** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!

7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/l/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/l/** siyafana nesesingesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesisandi?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **xhela, imbola, indlela**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ll**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



la

lala

alala

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________________

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngento onokuyenza ukunceda uluntu lwakho ze wenze nomhlaba indawo engcono.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi emibini. Ubhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ndingathanda uku………**

**Ukuze oku kwenzeke kumele, ndi……..**

**Oku kubalulekile ngoba…………..**

**Oku kunganceda………..**

**AMALUNGISELELO:** Phambi kokubhala isifundo, bhala la plani ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

## YENZA UMFUZISELO WEDRAFTI (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ngala plani uyenze ngoMvulo.
2 Funda iplani yakho njengoko uyibhale ebhodini.
3 Okulandelayo, funda ifreyimu yokubhala nabafundi.
Yenza umfuziselo ubonisa indlela onokuphendula ngayo ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho umzkl: **Ndingathanda uku**beka imigqomo yeenkukuma kuyo yonke indawo apha ekuhlaleni, ukuqinisekisa ukuba akukho mntu ulahla inkukuma.**Ukuze oku kwenzeke kumele,** ndize necebo lokwenza imali yokuthenga imigqomo. **Oku kubalulekile ngoba** inkukuma yenza umonakalo kwiplanethi**. Sonke kumele sincendise ekuyicoceni. Oku kunganceda** uluntu lwam lube nendawo yokulahla inkukuma.


## ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUDRAFTA (UYENZA)

1 **Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.**
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko:**Ukunceda uluntu lwam: Idrafti**
3 Yalela abafundi ukuba bafumane la plani yangoMvulo ze bacinge ngeembono zabo.
4 **Abafundi mabagqibezele ifreyimu yokubhala besebenzisa iplani**
5 Abafundi baza **kongeza izivakalisi okanye iinkcukacha ukuba banethuba.**
6 **Khumbuza abafundi ngecebo elinokubanceda.**
7 Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo uncede abo basokolayo.

8 Eyekhala 2020

Idrafti

ndingatanda ukwenza abanthu babe nenkcubo yokusebenzisa kwako iplastiki indawo endihlala kuyo.
ukuze oku kwenzeke, ndidinga ukwenza undawo apo abanthu bangabeka khona iplastiki yabo ukuze ndiyiqokelele.
oku kubalulekile kubha iplastiki ayikulungelanga okusingongilleyo kwaye yenzakalisa umlaba. oku kungancedа abantu babone ukuba inkqubo yokusebenzisa kwakhona ilungile kwaye bangancedа umhlaba.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 1**
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Ukuva Ze Bakwazi Ukohlula Izandi Nezandi Zopelo:

15 imizuzu

### Ukuzikhumbuza Ngezandi Ezifundiweyo

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/a/ /l/**
2 Phinda izandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abafundi izandi kuluhlu lwezandi/ onobumba
4 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/a/**
5 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/l/**
6 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/a/**
7 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/l/**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ufundo Lwesibini


**IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDA: NDIYACINGA/ NDIHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Isuphu yamatye kaMakhulu**<br><br>UTselane nomakhulu wakhe babefile yindlala. Amaxesha ayenzima. Imvula inqabile. Umbona wawungakhulanga, kwaye iinkomo zazibhityile. Akukho namnye kuloo lali owayenokutya awayenokuphisa ngako. Umakhulu wayekhathazekile. Yintoni awayenokuyenza? Imilenzana kaTselane ebhityileyo yayisiba mincinane ngakumbi yonke imihla, wayengasakwazi ukubaleka ajikeleze edlala ukuphuma kwesikolo. | **Ndihlola imeko ndithi** umakhulu uyamthanda uTselane kwaye ufuna ukwenza icebo lokuba atye! |

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Umakhulu kwakufuneka ecinge icebo ngokukhawuleza! Washukumisa isitulo sakhe esijuwuzayo. Phambili emva, wasishukumisa njengoko wayecinga icebo.'Yeke, wakhwaza umakhulu, 'Ndinecebo! Tselane lixesha lokwenza isuphu yamatye yodumo!' | **Ndihlola imeko ndithi** umakhulu kaTselane uhlakaniphile. Ndicinga ukuba angeza necebo, nokuba kungexesha lobunzima! |
| UTselane wabasa umlilo. Umakhulu wabeka imbiza enkulu eziko wayizalisa ngamanzi. UTselane waqokelela amatye ampuluswa emhlabeni owomileyo. 'La matye aza kwenza isuphu encamise ngencasa!' uTselane nomakhulu bahleka bonwabile! Umakhulu wagalela amatye emanzini. | **Ndihlola imeko ndithi** umakhulu kaTselane uhlakaniphe kakhulu. Uthi xa ebiza le suphu yakhe 'yisuphu yamatye' ukuze abantu bacinge ukuba yisuphu ekhethekileyo. |
| 'Tselane baleka ungene ilali uxelele wonke omntu ngale suphu yam incamise ngencasa!'watsho umakhulu. UTselane wabaleka wangena ilali. | |
| 'Umakhulu wenza isuphu yakhe yamatye encamise ngencasa!' wachazela abemi belali.<br><br>'Isuphu yamatye? Watsho utitshala. 'Hayi andiyazi leyo.'<br><br>'Umakhulu udumile ngesuphu yakhe yamatye encamise ngencasa,'watsho uTselane.<br><br>'Ewe – ndiyithanda ngeyona ndlela,'watsho umhlobokazi kamakhulu.<br><br>'Ngokuqinisekileyo kufuneka ndifumane esam isitya.'<br><br>'Ndingangcamla?' wabuza umfama.<br><br>'Ivakala incamise ngencasa ngokwenene,' watsho umalusi.<br><br>'Injalo,'watsho uTselane.<br><br>UTselane wacinga umzuzwana. 'Kodwa ayanelanga ukuba singabelana,'watsho ekhangeleka ekhathazekile. Wonke umntu wayekhangeleka ekhathazekile. Babelambile nabo. | **Ndihlola imeko ndithi** uTselane unengqondo ekrelekrele, ufuze umakhulu wakhe. |
| 'Ndinecebo!' watsho uTselane, 'Ndiqinisekile ukuba umakhulu uza kwabelana ngesuphu yakhe. Kodwa kufuneka nonke nize nezithako zayo ezinencasa ukuze siyongeze. Iya kuthi ke yanele wonke umntu!' | UTselane uza neqhinga elibonisa ubukrelekrele kubemi belali. Ndicinga ukuba le suphu iza kuncamisa ngencasa ngenxa yezithako ezivela kubemi belali – hayi amatye asesuphini! |

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ndingeza neetapile,' watsho utitshalakazi.<br><br>Iminqathe ingongeza incasa,' watsho umfama.<br><br>'Ndinamatswele singawagalela,' watsho umalusi.<br><br>'Mna ndiza kuxhela inkukhu yam yokugqibela songeze kulo mbiza,'watsho umhlobo kamakhulu.<br><br>Bonke abemi belali bakhawuleza ukuya ezindlwini besiya kukhangela oko babenokukufumana ukuze bagalele kulo mbiza yesuphu yamatye incamise ngencasa. | |
| Wenyuka umphunga uphuma embizeni. Umakhulu wazamisa wagalela ityuwa nezinongo. Elinjalo lona ukuba mnandi ivumba! Ummi welali ngamnye weza nemifuno ukuza kugalela embizeni yesuphu kamakhulu. Bathi njengoko begalela embizeni abemi belali laya liqina ivumba elimnandi! | **Ndihlola imeko ndithi** isuphu yamatye kamakhulu yindlela yobukrelekrele yokufumana ukutya xa ekudinga ngokwenene! |
| Ekugqibeleni yayilungile isuphu. Wonke umntu weza nesitya waza wahlala phantsi bangqonga umlilo ukuze babelane ngalo ncamisa yesuphu yamatye kamakhulu. Yonela, kwade kwafumana nenja kaTselane! | **Ndihlola imeko ndithi** zizo zonke izithako ezivela kubemi belali ezenze oku kube yisuphu yenene – hayi amatye! |
| Emva kweso sidlo sikhulu, umakhulu wabalisa ibali, uTselane wacula ingoma baza bonke abantu babhiyoza. Yayisele ilixesha elide ukubona abantu belali behleli kunye besitya bencokola bonwabile.<br><br>'Inene sibe nosuku olumnandi! Watsho umfama.<br><br>'Siyabulela ngesuphu yamatye,' watsho umalusi.<br><br>'Usibonisile ukuba ukwabelana kusenza sibe nobutyebi ngakumbi,' watsho utitshalakazi. | **Ndihlola imeko ndithi** abamelwane bayayithanda isuphu yamatye kamakhulu! Andiqondi ukuba baqaphele ukuba umakhulu noTselane babaqhathile! |
| UTselane nomakhulu babelana ngoncumo lwabo oluyimfihlo. | **Ndihlola imeko ndithi** bakrelekrele kwaye banamaqhinga, kuba bakwazile ukuba nesabelo kwizithako ezininzi, noxa bona begalele amatye netyuwa. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Yintoni eyayibengela ixhala kumakhulu? | Kuba wayengenakutya kwaneleyo kokunika umzukulwana wakhe! |
| Wayephi umakhulu xa wayethatha isigqibo sokwenza isuphu yamatye? | Wayehleli esitulweni sakhe esijiwuzayo. |
| Baziva njani abemi belali emva kwesidlo esikhulu? | Baziva bonwabile/behluthi. |
| **Imibuzo efuna izizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| **Hlola imeko** kaTselane nomakhulu wakhe. Ucinga ukuba bahlakaniphile okanye banamaqhinga? | Ndicinga ukuba ba… kuba… |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi Weorali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesigama somxholo.
- Faka isandla
- qokelela
- isidlo

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Nkqo nkqo molweni | *Yiba ngathi uyankqonkqoza ushukumise isandla unge uyabulisa* |
| Siphek'isuph'ekhaya | *Bonisa ngesandla imbiza enkulu* |
| Nam ndiyayifuna | *Khomba kuwe ulingise unge uyatya* |
| Thatha nal'itswele | *Yisa isandla phambili unge unika umntu into* |
| Mna ndineetapile | *Khomba kuwe use isandla unge uphethe into ngesandla* |
| Nantsi neminqathe | *Khomba unge uphethe into ngesandla* |
| Galela amanzi | *Lingisa unge ugalala amanzi embizeni* |
| Zamisa makhulu | *Lingisa unge uzamisa imbiza* |
| Uphake isuphu | *Lingisa unge uyaphaka* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali…….
Eyona ndawo ndiyithandileyo ebalini kungokuya………….ngenxa…….
Ndicinga eli bali libonisa umxholo woluntu ngoba ……..

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo, mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye iqela elithile labelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya Ngezandi Ezifundiweyo

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/a/ /l/**
2 Phinda izandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abafundi izandi kuluhlu lwezandi/ onobumba
4 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/a/**
5 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/l/**
6 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/a/**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA, YENZA UMDLALO**

**UKUBALISA IBALI NGOMDLALO**

***Ukulungiselela:***


- *Khetha umfundi oza kuba nguTselane,umakhulu kaTselane,utitshala, umfama, umalusi nomhlobo kamakhulu.*
- *Ukuba uyakwazi yiza nembiza,namatye, neminqatha,,itswele, itapile netyuwa ukuze abafundi bazisebenzise xa kusenziwa ibali eklasini.*

| ITEKISI | UTITSHALA UYENZA/ UYATHETHA | ABAFUNDI BAYENZA |
|---|---|---|
| **Isuphu yamatye kaMakhulu**<br>UTselane nomakhulu wakhe babefile yindlala. Amaxesha ayenzima. Imvula inqabile. Umbona wawungakhulanga, kwaye iinkomo zazibhityile. Akukho namnye kuloo lali owayenokutya awayenokuphisa ngako. Umakhulu wayekhathazekile. Yintoni awayenokuyenza? Imilenzana kaTselane ebhityileyo yayisiba mincinane ngakumbi yonke imihla, wayengasakwazi ukubaleka ajikeleze edlala ukuphuma kwesikolo. | *Buza abafundi: Kwenzeka ntoni apha ?* | *Abafundi bashwankathela okwenzeka kwelo phepha.* |
| Umakhulu kwakufuneka ecinge icebo ngokukhawuleza! Washukumisa isitulo sakhe esijuwuzayo. Phambili emva, wasishukumisa njengoko wayecinga icebo.'Yeke, wakhwaza umakhulu, 'Ndinecebo! Tselane lixesha lokwenza isuphu yamatye yodumo!' | *Biza abafundi abadlala umakhulu noTselane benze ngaphambili.* | *Umakhulu uthi:* 'Ndinecebo! Tselane lixesha lokwenza isuphu yamatye yodumo!' |

| ITEKISI | UTITSHALA UYENZA/ UYATHETHA | ABAFUNDI BAYENZA |
|---|---|---|
| UTselane wabasa umlilo. Umakhulu wabeka imbiza enkulu eziko wayizalisa ngamanzi. UTselane waqokelela amatye ampuluswa emhlabeni owomileyo. 'La matye aza kwenza isuphu encamise ngencasa!' uTselane nomakhulu bahleka bonwabile! Umakhulu wagalela amatye emanzini. | *Buza abafundi: Kwenzeka ntoni apha?*<br>*Ncedisa abafundi ukulandela konke okwenzekayo kweli phepha:*<br>*UTselane ubasa umlilo.*<br>*Umakhulu ubeka imbiza eziko.*<br>*UTselane uqokelela amatye awanike umakhulu.*<br>*Umakhulu ugalela amatye embizeni.* | *UTselane wenza ingathi ubasa umlilo. Umakhulu ubeka imbiza enkulu eziko. UTselane wenza ingathu uqokelela amatye ampuluswa emhlabeni.UTselani uthi: 'La matye aza kwenza isuphu encamise ngencasa!' UTselane nomakhulu bayahleka bonwabile! Umakhulu ugalela amatye embizeni*. |
| 'Tselane baleka ungene ilali uxelele wonke omntu ngale suphu yam incamise ngencasa!'watsho umakhulu. | - – | Umakhulu uthi: 'Tselane baleka ungene ilali uxelele wonke omntu ngale suphu yam incamise ngencasa!<br>*UTselane wenza ngathi uyabaleka uya elalini.* |
| UTselane wabaleka wangena ilali. 'Umakhulu wenza isuphu yakhe yamatye encamise ngencasa!' wachazela abemi belali.<br>'Isuphu yamatye? Watsho utitshala. 'Hayi andiyazi leyo.'<br>'Umakhulu udumile ngesuphu yakhe yamatye encamise ngencasa,'watsho uTselane.<br>'Ewe – ndiyithanda ngeyona ndlela,'watsho umhlobokazi kamakhulu.<br>'Ngokuqinisekileyo kufuneka ndifumane esam isitya.'<br>'Ndingangcamla?' wabuza umfama.<br>'Ivakala incamise ngencasa ngokwenene,' watsho umalusi.<br>'Injalo,'watsho uTselane. | *Buza abafundi: Yenzeka phi le ndawo ebalini ?*<br>*Biza abafundi abadlala utitshalakazi, umfama, umalusi, umhlobokazi kamakhulu beze ngaphambili!*<br>*Umakhulu makabe ehlala phantsi* ! | *Abafundi bayacacisa ukuba uTselane uselalini ngoku.*<br>*UTselane uthi: 'Umakhulu wenza isuphu yakhe yamatye encamise ngencasa!'*<br>*Utitshala uthi: 'Isuphu yamatye. 'Hayi andiyazi leyo.'*<br>*UTselanu uthi: 'Umakhulu udumile ngesuphu yakhe yamatye encamise ngencasa.*<br>*Umhlobokazi kamakhulu uthi;*<br>*'Ewe – ndiyithanda ngeyona ndlela,'*<br>*'Ngokuqinisekileyo kufuneka ndifumane esam isitya.'*<br>*Umfama uthi: 'Ndingangcamla?*<br>*Umalusi uthi: 'Ivakala incamise ngencasa ngokwenene,'*<br>*UTselane uthi: 'Injalo,'* |
| UTselane wacinga umzuzwana. 'Kodwa ayanelanga ukuba singabelana,'watsho ekhangeleka ekhathazekile. Wonke umntu wayekhangeleka ekhathazekile. Babelambile nabo. | *Buza abafundi: Baziva njani abantu belali apha ? Ngoba ?* | *Abafundi bashwankathela okwenzeka kwelo phepha.*<br>*UTselane uthi: 'Kodwa ayanelanga ukuba singabelana ! ekhangeleka ekhathazekile.*<br>*Wonke umntu ukhathazekile*. |

| ITEKISI | UTITSHALA UYENZA/ UYATHETHA | ABAFUNDI BAYENZA |
|---|---|---|
| 'Ndinecebo!' watsho uTselane, 'Ndiqinisekile ukuba umakhulu uza kwabelana ngesuphu yakhe. Kodwa kufuneka nonke nize nezithako zayo ezinencasa ukuze siyongeze. Iya kuthi ke yanele wonke umntu!'<br><br>Ndingeza neetapile,' watsho utitshalakazi.<br><br>Iminqathe ingongeza incasa,' watsho umfama.<br><br>'Ndinamatswele singawagalela,' watsho umalusi.<br><br>'Mna ndiza kuxhela inkukhu yam yokugqibela songeze kulo mbiza,'watsho umhlobo kamakhulu.<br><br>Bonke abemi belali bakhawuleza ukuya ezindlwini besiya kukhangela oko babenokukufumana ukuze bagalele kulo mbiza yesuphu yamatye incamise ngencasa | – - | *UTselane uthi: Ndinecebo!' 'Ndiqinisekile ukuba umakhulu uza kwabelana ngesuphu yakhe. Kodwa kufuneka nonke nize nezithako zayo ezinencasa ukuze siyongeze. Iya kuthi ke yanele wonke umntu!'*<br><br>*Utitshalakazi uthi:Ndingeza neetapile,'*<br><br>*Umfama uthi: iminqathe ingongeza incasa.'*<br><br>*Umalusi uthi: 'Ndinamatswele singawagalela.'*<br><br>*umhlobo kamakhulu uthi:*<br><br>*'Mna ndiza kuxhela inkukhu yam yokugqibela songeze kulo mbiza.'*<br><br>*Bonke abemi belali mabenze ingathi bayabaleka besiya ezindlwini zabo!* |
| Wenyuka umphunga uphuma embizeni. Umakhulu wazamisa wagalela ityuwa nezinongo. Elinjalo lona ukuba mnandi ivumba! Ummi welali ngamnye weza nemifuno ukuza kugalela embizeni yesuphu kamakhulu. Bathi njengoko begalela embizeni abemi belali laya liqina ivumba elimnandi! | *Buza abafundi: Yenzeka phi le ndawo ebalini ?*<br><br>*Utitshala, umfama, umalusi nomhlobo kamakhulu mabeze ngaphambili. Ingulowo efaka lo mifuno aze nayo embizeni !* | *Abafundi bayacacisa ukuba yenzeka endlwini kamakhulu kaTselane!* |
| Ekugqibeleni yayilungile isuphu. Wonke umntu weza nesitya waza wahlala phantsi bangqonga umlilo ukuze babelane ngalo ncamisa yesuphu yamatye kamakhulu. Yonela, kwade kwafumana nenja kaTselane! | *Bonke abafundi mabenze ingathi banesitya sesuphu kwaye bahleli ngasemlilweni batya isuphu!* | *Bonke abafundi balinganisa ingathi batya le suphu imnandi!* |

| ITEKISI | UTITSHALA UYENZA/ UYATHETHA | ABAFUNDI BAYENZA |
| --- | --- | --- |
| Emva kweso sidlo sikhulu, umakhulu wabalisa ibali, uTselane wacula ingoma baza bonke abantu babhiyoza. Yayisele ilixesha elide ukubona abantu belali behleli kunye besitya bencokola bonwabile.<br>‘Inene sibe nosuku olumnandi! Watsho umfama.<br>‘Siyabulela ngesuphu yamatye,’ watsho umalusi.<br>‘Usibonisile ukuba ukwabelana kusenza sibe nobutyebi ngakumbi,’ watsho utitshalakazi. | -- | *Umfama uthi: ‘Inene sibe nosuku olumnandi!*<br>*Umalusi uthi: ‘Siyabulela ngesuphu yamatye!*<br>*Utitshala uthi: ‘Usibonisile ukuba ukwabelana kusenza sibe nobutyebi ngakumbi,’* |
| UTselane nomakhulu babelana ngoncumo lwabo oluyimfihlo. | -- | *UTselane nomakhulu babelana ngoncumo.* |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda** 1.
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya ze uxhome iibhodi /iitshati zakho zokuhombisa, iindonga zomxholo amagama asekelwe kumxholo ze ulungise neetafile yakho esekelwe kumxholo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: ifoto kaMari Copeny noBarack Obama.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: fumana ividiyo ka Mari Copeny oza kuyibonisa abafundi bakho.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, iincwadi ezincinci zokufunda namaqela; iincwadi ezahlulwe ngokwamabakala okufunda, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala eklasini zikwimeko ephucukileyo nefanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kubafundi kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 7, Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 8, Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha le 9, Masibhale

**Umsebenzi 4:** Zoba umfanekiso womntu oluncedo kakhulu kwindawo ohlala kuyo.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso ka Mari Copeny KwiNcwadi Enkulu kwibali: **UMari Copeny: Iqhawekazi elalwela amanzi**
2. Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu: **Uluntu**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: Senifunde *ntoni ngalo mxholo oko siwuqalile?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Badibana nini abantu apho uhlala khona ?
   - **b** Zintoni ezinye zezinto ozithandayo ngendawo ohlala kuyo ?
   - **c** Zintoni ezinye zezinto ongathanda ukuzitshintsha ngendawo ohlala kuyo?
   - **d** Ngobani abantu abaluncedo / okanye ababalulekileyo apho uhlala khona ?

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
   - intlekele
   - ityhefu
   - ukungcola
   - imeko

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Nkqo nkqo molweni | *Yiba ngathi uyankqonkqoza ushukumise isandla unge uyabulisa* |
| Siphek'isuph'ekhaya | *Bonisa ngesandla imbiza enkulu* |
| Nam ndiyayifuna | *Khomba kuwe ulingise unge uyatya* |
| Thatha nal'itswele | *Yisa isandla phambili unge unika umntu into* |
| Mna ndineetapile | *Khomba kuwe use isandla unge uphethe into ngesandla* |
| Nantsi neminqathe | *Khomba unge uphethe into ngesandla* |
| Galela amanzi | *Lingisa unge ugalala amanzi embizeni* |
| Zamisa makhulu | *Lingisa unge uzamisa imbiza* |
| Uphake isuphu | *Lingisa unge uyaphaka* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi zilandelayo:
   a **A A A…**
   b **a a a…**
   c **L L L…**
   d **l l l…**
   e **lala**
   f **alala**
3 Xa begqibile yalela abafundi bathathe ikhrayoni ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, unika ingqwalasela ubhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA ZOBUCHULE EZIPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2. Vula Incwadi Enkulu kwibali: **UMari Copeny: Iqhawekazi elalwela amanzi**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4. Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.
6. Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ngento onokuyenza ukunceda uluntu lwakho ze wenze nomhlaba indawo engcono.


**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi emibini. Ubhala izivakalisi esi-6 ukuya kwezisi – 8.

**UKULUNGISELELA:**
- Bhala itshekhlisti yokhuhlela ebhodini phambi kokuba siqale isifundo.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo. Mayibe nempazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**
1. Ingaba ndibhalile ngendlela endinokunceda ngayo uluntu lwam okanye umhlaba ube yindawo ebhetele ?
2. Ingaba ndibhalile izivakalisi ezi-6 ukunyuka ?
3. Ingaba ndiwapele kakuhle amagama?
4. Ingaba isivakalisi ngasinye siqala ngonobumba abakhulu ?
5. Ingaba isivakalisi ngasinye siphela ngesingxi.

**YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)**

1. Fundela abafundi itshekhlisti, uyicacisa.
2. Fundela abafundi idrafti.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2**
2 Mabathyile **uMsebenz**i **wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lizo kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

**YAZISA NGESANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/e/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/e/** sohlukile kwesesingesi
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo anesisandi embindini/phakathi?
6. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **iwele, xela, bhekela**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **le, alale**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ee**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## Ukufunda Notitshala: Ufundo Lokuqala


15 imizuzu

### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMari Copeny: Iqhawekazi elalwela amanzi**<br><br>UMari Copeny lithandazwe laseMelika elalwela amanzi acocekileyo kwidolophu yakhe iFlint, eMichigan. | |
| UMari wathi eneminyaka esi-8, kwavakala iindaba zentlekele yamanzi efikele abantu bendawo yakhe. Ikhemikhali eyaziwa njengokuba yilothi yayingcolisa amanzi. Abantwana abaninzi eFlint babegula ngenxa yokusela isixa esininzi sale khemikhali iyingozi. Abantu bendawo kaMari babevutha ngumsindo kuba amanzi abo ebatyhefa. | Yiba nomfanekiso wakho ufumanisa ukuba amanzi owasela mihla le kungathi kanti ayakutyhefa! **Ndiyacinga ingaba** ungenza ntoni? |
| UMari nabantwana bakowabo babesoloko besela amanzi empompo ngaphandle kwexhala. Kodwa ngesiquphe, kwafuneka beyekile ukusela la manzi abo. Ngoku kwakufuneka basele amanzi akwiibhotile zeplastiki. UMari wayevuya kuba kowabo kwakungekho mntu ugulayo, kodwa wayenomsindo ngenxa yabantu bendawo yakhe. | Oku kukhangeleka ngathi yingxaki enkulu. **Ndiyacinga ingaba** ikhona into anokuyenza uMari? |
| UMari wathatha isigqibo sokubhala ileta eya kuMongameli uBarack Obama ngemeko yamanzi amdaka ayingozi eFlint. Kwileta yakhe, wamema uMongameli ukuba eze kwindawo ahlala kuyo ukuze ayiqonde kakuhle le ntlekele yala manzi. Wacela umama wakhe amposele le leta.<br><br>'Uyayazi into yokuba uMongameli ufumana amawaka eeleta yonke imihla? Usenokungayiboni le leta yakho,' wamlumkisa njalo umama wakhe. Kodwa uMari wamcela ukuba ayipose ileta noxa kunjalo.<br><br>'Kufuneka eyazile le meko ingamkelekanga siphethwe ngayo. Sifakwa ityhefu kwaye akukho bani uzimisele ukulungisa le meko – kuba singabantu abangezozinhanha!' wacacisa njalo. | UMari wathatha isigqibo sokubhalela uMongameli ileta ezama ukutshintsha imeko. **Ndiyacinga ingaba** ungayibhala nawe na ileta? |
| Emva kwenyanga, yakhala ifowuni kamama kaMari. Yayiyinombolo engachazwanga. Akuphendula umama kaMari, yayingomnye wabasebenzi baseWhite House.<br><br>'uMongameli uObama uyifundile ileta kaMari. Unqwenela ukwamkela isimemo sakho sokundwendwela eFlint,' watsho lo msebenzi. | **Ndiyacinga ingaba** ucinga ntoni umama kaMari ngoku? Ulumkise uMari ngelithi uMongameli usenokungayiboni ileta yakhe, kodwa ngoku uza eFlint ngenxa yeleta ebhalwe nguMari! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ukubuya kwakhe esikolweni uMari, umama wakhe wancuma wamchazela ukuba ahlale phantsi.<br>‘Ndineendaba ezinkulu zakho!’ watsho, ‘UMongameli uObama uyifundile ileta yakho... uyeza apha eFlint ukuza kudibana nawe.’<br>Balayita ubuso bukaMari. ‘Ngoku uMongameli uza kutsho abone indlela engafanelekanga abakuyo abantu bendawo yethu sisela ityhefu engamanzi ethu!’ watsho uMari. | **Ndiyacinga ingaba** ileta kaMari eya kuMongameli izakunceda ekusombululeni ingxaki yabantu bendawo yakhe? |
| Ngexesha londwendwelo lukaMongameli uObama eFlint, wahlala phantsi noMari.<br>‘Iileta ezivela kubantwana abafana nawe zizo ezenza ukuba ndilibone lingcono ingomso,’ watsho. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni abantwana abafana noMari bemenza uMongameli azive enethemba? Ndicinga ukuba uMari ukhthalele ukwenza indawo ahlala kuyo ibe ngcono. |
| Undwendwelo lukaMongameli lwamenza abone indlela eyayibuhlungu ngayo kubahlali baseFlint imeko yamanzi anetyhefu yelothi. Emva koko, uMongameli uObama wamisa imeko yonxunguphalo. Wayalela ukukhutshwa kwemali efunekayo kulungiswe inkqubo yamanzi. Ngelishwa isimo senkqubo yamanzi eFlint akuzange kube lula ukusilungisa. | Ndicinga ukuba ileta kaMari ibe nefuthe elihle, kuba uMongameli uzile wazibona izinto ngeliso lakhe – ngohlobo ebefuna ngalo! |
| Ngeli xesha abantu baseFlint babelinde ukulungiswa kwemeko yamanzi, uMari wancedisa ukuqinisekisa ukuba babenamanzi akhuselekileyo okusela. Kuqala, wanyusa ingxowa-mali yokuthengela abo bangathathi-ntweni amanzi asezibhotileni. Wacinga ukuba iibhotile zeplastiki ezininzi zaziza kungcolisa iplanethi. Ukususela loo mini wathatha isigqibo sokufumana isisombululo esingcono kwimo esingqongileyo. Wanyusa ingxowa-mali ukuze afumane izihluzi zamanzi. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni uMari esebenza enyusa ingxowa-mali? Ufanele ukuba ufuna ukunceda abantu bendawo ahlala kuyo ngako konke anako? |
| UMari akazange ayeke ukulwa emva kokuba ingxaki yendawo ahlala kuyo ithe yajongwa. Uyaqhuba esilwela bonke abantwana baseMelika babe namanzi akhuselekileyo nacocekileyo – nokuba bavela kuluntu olungathathi ntweni. | |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Yintoni igama lendawo ahlala kuyo uMari? | Indawo ahlala kuyo yiFlint eseMelika. |
| Yayiyintoni ingxaki kwindawo ehlala uMari? | Ingxaki ngamanzi awayenobungozi kwababawaselayo/etyhefa abantu/ eneekhemikhali. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uMari abhalele uMongameli uBarack Obama ileta? | • Kuba wayefuna ukunceda abantu bendawo awayehlala kuyo.<br>• Kuba kwakukho ingxaki enkulu ekwakufuneka ilungisiwe wayesazi ukuba udinga uncedo.<br>• Kuba wayefunauMongameli ayiqonde ingxaki yabo eFlint.<br>• Kuba wayesaziukuba uMongameli unamandla okuyilungisa le ngxaki yabo inkulu. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

15 imizuzu

IVEKI 2


### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- umbono
- ithemba
- eyonakalisayo

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Nkqo nkqo molweni | *Yiba ngathi uyankqonkqoza ushukumise isandla unge uyabulisa* |
| Siphek'isuph'ekhaya | *Bonisa ngesandla imbiza enkulu* |
| Nam ndiyayifuna | *Khomba kuwe ulingise unge uyatya* |
| Thatha nal'itswele | *Yisa isandla phambili unge unika umntu into* |
| Mna ndineetapile | *Khomba kuwe use isandla unge uphethe into ngesandla* |
| Nantsi neminqathe | *Khomba unge uphethe into ngesandla* |
| Galela amanzi | *Lingisa unge ugalala amanzi embizeni* |
| Zamisa makhulu | *Lingisa unge uzamisa imbiza* |
| Uphake isuphu | *Lingisa unge uyaphaka* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



1 Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
4 Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
5 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
6 Abafundi mabanikane inzolo.

**7** Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

#### YAZISA ISANDI

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/m/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/m/** siyafana nesesingesi
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesisandi?
6. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **imbola, hamba, iimoto**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **mama, mela, mamela**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Mm**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala ngento onokuyenza ukunceda uluntu lwakho ze wenze nomhlaba indawo engcono.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi emibini. Ubhala izivakalisi ezi – 6 ukuya kwezisi – 8.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

Ndingathanda uku……

Ukwenza oku kumele…..

Oku kubalulekile ngoba……

Kuza kunceda..…

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la drafti yakho ihleliweyo yalungiswa iimpazamo yangoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukulungisa iimpazamo kwidrafti.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje sizakushicilela ze sabelane ngoko sikubhalileyo.
3. Bonisa abafundi indlela obhala ngayo,ufaka umhla nesihloko kubhalo lwakho lokugqibela.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo: Ukunceda uluntu lwam.
3. Abafundi mabakhuphele umbhalo wabo kwiphepha elitsha, bebhala ngaphandle kwempazamo Nangokucocekileyo.
4. Ukuba abafund banethuba bangafaka nomzobo kubhalo lwabo.
5. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi uncede abo basokolayo.

#### ABAFUNDI BABELANA NGOMSEBENZI WABO

1. Kwimizuzu embalwa phambi kokuba siphele isifundo, abafundi mababeke phantsi ipeni nepensile zabo.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** befundela abahlobo oko bakubhalileyo.
3. Cela umfundi om-1 ukuya kwaba-2 bafundele iklasi oko bakubhalileyo.

IVEKI 2


4 Xhoma imibhalo yabafundi eludongeni kwigumbi lokufundela.Oku kuza kunceda abafundi bakwazi ukufunda imisebenzi yabanye, ze baqale iingxoxo besebenzisa isigama esitsha.

15 Eyekhala 2020

Ukuncedа ekuhlaleni

Ndingathanda ukwenza abantu babe nenkqubo yokusebenzisa kwakho iplastiki indawo endihlala kuyo. Ukuze oku kwenzeke, ndidinga ukwenza undawo apho abantu bangabeka khona iplastiki yabo ukuze ndiyiqokelele.

Oku kubalulekile kuba iplastiki ayikulungelanga okusingqongileyo kwaye yenzakalisa umhlaba. Oku kungancedа abantu babone ukuba inkqubo yokusebenzisa kwakhona ilungile kwaye bangancedа umhlaba.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 2**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo,netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/e/ /m/**
2 Phinda izandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abafundi izandi kuluhlu lwezandi/ onobumba
4 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/e/**
5 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/m/**
6 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/e/**
7 Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/m/**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Isifundo Sesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYACINGA**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMari Copeny: Iqhawekazi elalwela amanzi**<br>UMari Copeny lithandazwe laseMelika elalwela amanzi acocekileyo kwidolophu yakhe iFlint, eMichigan. | **Ndiyacinga ingaba** singenza ntoni ukuba indawo esihlala kuyo ibinale ngxaki njengoMari. **Ndiyacinga ingaba** besiya kuba ngamathandazwe sifane noMari? |
| UMari wathi eneminyaka esi-8, kwavakala iindaba zentlekele yamanzi efikele abantu bendawo yakhe. Ikhemikhali eyaziwa njengokuba yilothi yayingcolisa amanzi. Abantwana abaninzi eFlint babegula ngenxa yokusela isixa esininzi sale khemikhali iyingozi. Abantu bendawo kaMari babevutha ngumsindo kuba amanzi abo ebatyhefa. | Ukuba indawo esihlala kuyo inamamazi anokungcola ayingozi, anokundenzakalisa, ndicinga ukuba ndinganomsindo. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UMari nabantwana bakowabo babesoloko besela amanzi empompo ngaphandle kwexhala. Kodwa ngesiquphe, kwafuneka beyekile ukusela la manzi abo. Ngoku kwakufuneka basele amanzi akwiibhotile zeplastiki. UMari wayevuya kuba kowabo kwakungekho mntu ugulayo, kodwa wayenomsindo ngenxa yabantu bendawo yakhe. | **Ndiyacinga ingaba** ndingenza ntoni mna xa ndinokuba kule meko ifana nekaMari? |
| UMari wathatha isigqibo sokubhala ileta eya kuMongameli uBarack Obama ngemeko yamanzi amdaka ayingozi eFlint. Kwileta yakhe, wamema uMongameli ukuba eze kwindawo ahlala kuyo ukuze ayiqonde kakuhle le ntlekele yala manzi. Wacela umama wakhe amposele le leta.<br><br>'Uyayazi into yokuba uMongameli ufumana amawaka eeleta yonke imihla? Usenokungayiboni le leta yakho,' wamlumkisa njalo umama wakhe. Kodwa uMari wamcela ukuba ayipose ileta noxa kunjalo.<br><br>'Kufuneka eyazile le meko ingamkelekanga siphethwe ngayo. Sifakwa ityhefu kwaye akukho bani uzimisele ukulungisa le meko – kuba singabantu abangezozinhanha!' wacacisa njalo. | Ndicinga ukuba uMari ubhala ileta eya kuMongameli uObama kuba ufuna ukulungisa le ngxaki, kwaye uyazi ukuba uMongameli unamandla okunceda. **Ukuba bendinguMari**, ndicinga ukuba nam bendiya kuyibhala ileta. |
| Emva kwenyanga, yakhala ifowuni kamama kaMari. Yayiyinombolo engachazwanga. Akuphendula umama kaMari, yayingomnye wabasebenzi baseWhite House.<br><br>'uMongameli uObama uyifundile ileta kaMari. Unqwenela ukwamkela isimemo sakho sokundwendwela eFlint,' watsho lo msebenzi. | Kowu! Ndiyavuya uMari ezinike ixesha wambhalela ileta. Oku kubonisa ukuba ukubhalela abantu abanamandla iileta kuluncedo! |
| Ukubuya kwakhe esikolweni uMari, umama wakhe wancuma wamchazela ukuba ahlale phantsi.<br><br>'Ndineendaba ezinkulu zakho!' watsho, 'UMongameli uObama uyifundile ileta yakho... uyeza apha eFlint ukuza kudibana nawe.'<br><br>Balayita ubuso bukaMari. 'Ngoku uMongameli uza kutsho abone indlela engafanelekanga abakuyo abantu bendawo yethu sisela ityhefu engamanzi ethu!' watsho uMari. | **Ukuba bendinguMari**, bendiya kufuna uMongameli abone izinto ngeliso lam, ukuze naye afune ukunceda kulungiswe le ngxaki. |
| Ngexesha londwendwelo lukaMongameli uObama eFlint, wahlala phantsi noMari.<br><br>'Iileta ezivela kubantwana abafana nawe zizo ezenza ukuba ndilibone lingcono ingomso,' watsho. | UMari undenza ndibe nethemba nam, kuba undibonisa ukuba umntu omnye omncinci anganceda enze ngcono izinto kwindawo ahlala kuyo. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Undwendwelo lukaMongameli lwamenza abone indlela eyayibuhlungu ngayo kubahlali baseFlint imeko yamanzi anetyhefu yelothi. Emva koko, uMongameli uObama wamisa imeko yonxunguphalo. Wayalela ukukhutshwa kwemali efunekayo kulungiswe inkqubo yamanzi. Ngelishwa isimo senkqubo yamanzi eFlint akuzange kube lula ukusilungisa. | **Ukuba bendinguMari**, bendiya kuziqhayisa kuba ileta yam incede ukuba kuqwalaselwe ingxaki yendawo endihlala kuyo! |
| Ngeli xesha abantu baseFlint babelinde ukulungiswa kwemeko yamanzi, uMari wancedisa ukuqinisekisa ukuba babenamanzi akhuselekileyo okusela. Kuqala, wanyusa ingxowa-mali yokuthengela abo bangathathi-ntweni amanzi asezibhotileni. Wacinga ukuba iibhotile zeplastiki ezininzi zaziza kungcolisa iplanethi. Ukususela loo mini wathatha isigqibo sokufumana isisombululo esingcono kwimo esingqongileyo. Wanyusa ingxowa-mali ukuze afumane izihluzi zamanzi. | Ndiyabona ukuba uMari usoloko ecinga indlela anokunceda ngayoukwenza ngcono indawo ahlala kuyo. UMari uyandivuselela ukuba nam ndifune ukunceda kwindawo endihlala kuyo |
| UMari akazange ayeke ukulwa emva kokuba ingxaki yendawo ahlala kuyo ithe yajongwa. Uyaqhuba esilwela bonke abantwana baseMelika babe namanzi akhuselekileyo nacocekileyo – nokuba bavela kuluntu olungathathi ntweni. | |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Wenza ntoni uMari ukunceda abantu bendawo awayehlala kuyo? | • Wabhalela uMongameli ileta.<br>• Wenza ingxowa-mali yokuthenga iibhotile zamanzi kunye nezihluzi. |
| Ingaba uyakwazi ukudibanisa imeko nekaMari? Ucinga ukuba ubuya kwenza ntoni ukuba amanzi endawo ohlala kuyo ebenokutyhefa abantu? | *Ndicinga ukuba bendiya…* |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Ucinga ukuba kutheni uMongameli uObama wathi abantwana abafana noMari bamnika ithemba lengomso? | • Kuba wazinika ixesha wambhalela ileta.<br>• Kuba ungumntu omnye omncinane okhathalayo ngokutshintsha indawo yakhe yonke.<br>• Kuba usebenza asebenze esenzela abantu bendawo yakhe izinto ngcono.<br>• Kuba noxa engumntwana, uqalile ukusebenza ephucula indawo ahlala kuyo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu



### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama.
- amandla
- ukuba namandla
- inkokheli

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Nkqo nkqo molweni | *Yiba ngathi uyankqonkqoza ushukumise isandla unge uyabulisa* |
| Siphek'isuph'ekhaya | *Bonisa ngesandla imbiza enkulu* |
| Nam ndiyayifuna | *Khomba kuwe ulingise unge uyatya* |
| Thatha nal'itswele | *Yisa isandla phambili unge unika umntu into* |
| Mna ndineetapile | *Khomba kuwe use isandla unge uphethe into ngesandla* |
| Nantsi neminqathe | *Khomba unge uphethe into ngesandla* |
| Galela amanzi | *Lingisa unge ugalala amanzi embizeni* |
| Zamisa makhulu | *Lingisa unge uzamisa imbiza* |
| Uphake isuphu | *Lingisa unge uyaphaka* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali ….. .
Ndicinga uMari u……….ngoba…….
Ndicinga ukuba eli bali libhalelwe ukundifundisa ……….

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 IMIZUZU

### Ukuhlaziya Ngezandi Ezifundiweyo

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/e/ /m/**
2. Phinda izandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Bonisa abafundi izandi kuluhlu lwezandi/ onobumba
4. Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/e/**
5. Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aqala ngesandi **/m/**
6. Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/a/**
7. Buza abafundi ukuba banawo amagama abawaziyo aphela ngesandi **/m/**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda


#### UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ UKUDIBANISA IIMEKO

#### UKUBALISA OKANYE UKUBHALA ISISHWANKATHELO NGEBALI ELIFUNDIWEYO

1. Cacisa ukuba namhlanje siza kucinga ngezona ndawo zibalulekileyo apha ebalini.
2. Siza kucinga kwakhona ze sidibanise imeko zethu noko kuthe kwenzeka ebalini.
3. Bhala ifreyimu yesishwankathelo sebali ebhodini.
4. Abafundi mabasebenzise ifreyimu ukuphendula imibuzo:
   **Eli bali lingo**… (izivakalisi ezi – 2 ukuya kwezi – 3)
   **Ndiyithandile………..**
   **Ndicinga ndinganceda uluntu lwam njengoMari ngoku………..**
5. Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
6. Yenza umfuziselo ubonisa owakho umzekelo. Yithi: ***Eli bali lingo*** *Mari Copeny ebhalela ileta umomgameli wakhe emcela ukuba amncendeukulungisa ingxaki eyayikhona*

*apho wayehlala khona. **Ndiyithandile la ndawo** yokuba eli bali lisifundise ngomntu wamanyani oncede uluntu lwakhe. Ndiyazingca ngoMari. **Ndicinga ndinganceda uluntu lwam njengoMari ngoku**qinisekisa ukuba kukho imigqomo yenkukuma endaweni yokuba abantu abalahle inkukukama ezitalatweni.*

7 Bonisa abafundi imifanekiso kwincwadi enkulu.
8 Nika abafundi ixesha lokucinga ngetekisi.
9 Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngabakushwankathileyo nomhlobo. (**Abafundi mababelane ngezabo iingcinga bangaphindi oko bekutshiwo ngutitshala!**)
10 Abafundi mabakunike inzolo.
11 Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
12 Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali lingomntu omtsha ongu*** *Mari Copeny onceda uluntu lwakhe. Silithandile eli bali ngoba lisixele ngentwazana ethi isombulule ingxaki yokuhlala.* ***Lonto isenze nathi sacinga ngendlela ezininzi esinokuthi sincede ngazo apho sihlala khona,*** *njengokucoca inkukuma ezitratweni nokwakha indawo entsha yokudlala abantwana!*



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2**.
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: izinto ezenziwe ngokusebenzisa inkukuma, izinto zobuchule ezenziwe ngabafundi.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngeendlela yokwenza izinto zokudlala ezenziwe ngenkukuma.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi ye DBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, iincwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda,ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9. Cwangcisa imisebenzi yeveki yohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha le-10 Masifunde & 11, Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha le 12 & 13, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha le 14 & 15, Masifunde

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** obonisa umntu ocinga ukuba unobuchule bokucinga!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1 Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi eNkulu yebali: **UZweli wenza ibhola.**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ubuchule bokucinga.**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Yintoni ubuchule?
   b Abantu babusebenzisa njani ubuchule bokucinga ?
   c Kutheni ubuchule bokucinga bubalulekile ?



### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- ubuchule
- ukuhlazeka
- ukuphucula

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Themba mhlobo wam | *Khomba omnye okufuphi kuwe* |
| Yiza ndinecebo | *Khweba umbiza* |
| Yiza neeplastiki | *Dibanisa izandla ubonise ukurhwatshaza kweplastiki* |
| Mna ndinamaphepha | *Khomba kuwe uvule izandla phambi kwakho ubonisa into efundwayo* |
| Masidibanise senze ibhola | *Dibanisa izandla ubumbe into* |
| Kowu ayisentle | *Izandla mazinge zibambe into engqukuva uyibuke* |
| Khaba ndibone | *Lingisa unge uyakhaba* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo
2 Bizela abafundi ezi zandi zilandelayo bazi bhale phantsi
   a **E E E…**
   b **e e e…**
   c **M M M…**
   d **m m m…**
   e **le**
   f **alale**
   g **mama**
   h **mela**
   i **mamela**
3 Xelela abafundi bakhuphe ipenisile zabo ezinemibala ibengulowo azikorekishe umsebenzi wakhe
4 Bhala izandi namagama ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

## Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UZweli wenza ibhola.**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungemi.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Isicwangciso Nedrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ibali ngomntu onesiphiwo sokuyila.Sebenzisa iingcinga zakho wakhe ibali.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – Usongeza kwincwadi yeklasi ebizwa ngokuba: **Abantu abanobuchule bokuyila**.

**ICEBO LOKUPLANA:** Yenza imephu yengqondo.



#### YAZISA NGESIHLOKO ESIZA KUBHALWA:

1. Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2. Cacisa iingcinga zakho zebali ngolu hlobo*: Ndiza kubhala ngento endinokuyenza ukunceda uluntu lwam ze ndenze nomhlaba indawo engcono. Ndizakubaxelela ukuba masiyeke ukulahla iinkukuma kuyo yonke indawo. Kuza kubakho imigqomo ekuhlaleni ukulwa nalo mkhuba*.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)


1. Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe imephu yengqondo.
2. Bonisa abafundi indlela yokwenza imephu yengqondo uphendula imibuzo ?
3. Phendula imibuzo kwelinye icala le mephu yengqondo


| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| Ngubani umlinganiswa ophambili kweli bali? | Unobuchule obunjani lo mlinganiswa? | Ingaba bakhona abanye abalinganiswa ebalini? |
| Yintoni eyona ngxaki apha ebalini? | **Ibali lam** | Umlinganiswa oyintloko kumele ebuzebenzise njani ubuchule obu anabo ? |
| Lenzeka phi eli bali ? | Ingaba zikhona ezinye iinkcukacha ezibalulekieyo? | Abanye abantu bacinga ntoni ngomlinganiswa oyintloko ? |

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| NguSandile ityendyana lo mfana wase Mzantsi Afrika | Unobuchule bokwenza nantoni na yokudlala esebenzisa inkukuma. | Udade wabo omncinci uZinzi. |
| Udade wabo akananto zokudlala ulila lonke ixesha. Ugqiba ekubeni amenzele into yokudlala. | **Ibali lam** | Kumele enzele udade wabo into yokudlala.<br>Umenzela unodoli owenziwe ngenkukuma. |
| Ekhaya. Emzantsi Afrika. | -- | Udadewabo uyamthanda kwaye ucinga ukuba ukrelekrele |

**ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)**

1. Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngomlimganiswa onobuchule.Khumbuza abafundi ukuba bantu abanobuchule benza izinto ngokwahlukileyo kunabanye abantu!
2. Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3. Bonisa abafundi imephu yengqondo ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4. Banike **incwadi zokubhala**
5. Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6. Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**





## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 3**.
2. Cacisa **Umsebenzi wangoMvulo woku1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: Yazisa ngesandi

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/i/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/i/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **ingqambu, ingqina, ingqondo**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **lila, ilali, ileli**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ii**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UZweli wenza ibhola**<br><br>UZweli wabona abantwana abadala bedlala ibhola ekhatywayo. Wahlala phantsi ecaleni kwebala lemidlalo. Wayefuna ukudlala kodwa eneentloni ukubacela.<br><br>Ibhola yeza ngakuye. Wazama ukuyikhabela kubo. Kodwa watsho ecaleni kwayo.<br><br>Ubuso bakhe wabuva busiba nesifuthufuthu. Waphephetheka ukugoduka. | UZweli ubukele abantwana abadala bedlala ibhola ekhatywayo. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ufuna ukudlala nabo! |
| 'Kufuneka ndiziqhelise,' wacinga njalo. 'ndidinga ibhola.'<br><br>UZweli wakhangela ibhola endlwini. Wafumana ibhola encinci ebomvu, egqampayo. Wazama ukuyikhaba, kodwa yayingekho nkulu ngokwaneleyo. 'Kufuneka ndenze le bhola ibe nkulwana,' wacinga njalo. UZweli wacinga, wacinga indlela anokwenza ngayo ibhola yakhe encinci egqampayo ibe yibhola enkulu yomdlalo webhola ekhatywayo. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZweli ufuna ukufumana ibhola yokudlala umdlalo webhola ekhatywayo ukuze aziqhelise ze abe ngcono kwibhola ekhatywayo. |
| UZweli waqalisa ukukhangela into awayenokwenza ngayo ibhola enkulwana. Wafumana iphepha-ndaba elidala ecaleni komgqomo wenkunkuma. Wasongela ibhola encinci egqampayo ngeli phepha-ndaba. Wazama ukuyikhaba. Kodwa iphepha-ndaba lakhululeka kwibhola. 'Ndidinga into eza kwenza eli phepha-ndaba lihlale kule bhola incinci igqampayo,' wacinga njalo. | Oo! UZweli unobugcisa – iphepha-ndaba liyanceda ukwenza ibhola yakhe ibe nkulu! |
| UZweli wangena ekhitshini. Wafumana isingxobo seetshiphsi zeSimba esasingasetyenziswa mntu. Wabophelela esi singxobo sajikeleza iphepha-ndaba. Wazama ukukhaba. Iphepha-ndaba lahlala alaphuncuka. Kodwa le yayingekho nkulu okwebhola yomdlalo webhola ekhatywayo. | 00! UZweli unobugcisa – usebenzisa kwakho inkunkuma ancedise ekwenzeni ibhola ibe nkulu! Elinjalo lona iqhinga lobugcisa! |
| 'Ndingayenza njani ibe nkulwana?'wacinga njalo. Wafumana ibhegi endala kamama wakhe phantsi kwebhedi. Wacela kumama wakhe ukuba ayisebenzise. 'Kulungile,' watsho umama wakhe. 'Bendiza kuyilahla.' UZweli wayisika waze wayibhjela ibhola yakhe ngayo. | Bendingenakuze ndicinge ngokusebenzisa ibhegi endala ukwenza ibhola! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZweli unengqondo yobugcisa! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UZweli wangena ekhitshini wafumana isingxobo seplastiki esasingasetyenziswa mntu. Wayibhijela ibhola ngale plastiki wayibopha yaqina. Waza, wafumana umtya omdala. Wawubopha wajikeleza ibhola ukuze ugcine iplastiki ingaphuncuki. Wayijonga ibhola yakhe entsha. Ekugqibeleni, yayinkulu ngokwaneleyo! | UZweli wayengenayo ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo, kodwa wasebenza nzima ezenzela eyakhe! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukufuna ngamandla ukuziqhelisa kumdlalo webhola ekhatywayo! |
| UZweli wathatha ibhola yakhe entsha waya phandle. Wayikhaba wayikhaba ibhola yakhe. Wabeka amatye amabini aziipali. Waziqhelisa ukukhaba ibhola ingene phakathi kwamatye. | Ndikhumbula ukuba uZweli uyiphosile ibhola ekuqaleni kwebali. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ufuna ukuziqhelisa aze abe ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo. Ngolo hlobo akayi kuyiphosa kwakhona ibhola! |
| Emva kweentsukwana ezimbalwa uZweli wahlala ecaleni kwebala lemidlalo wabukela abantwana abadala bedlala umdlalo webhola ekhatywayo. Wayeziqhelise amathuba amaninzi. Omnye wabantwana abadala weza kuye. Wathi, ‘Ndikubone ukhabela ezipalini phandle kowenu! Ungangena kwiqela lethu!’<br><br>Waphakama uZweli wangena ebaleni, wayekulungele ukudlala umdlalo webhola ekhatywayo nabantwana abadala. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo nokulandela ibali** ndithi, la mantombazana madala ambonile uZweli esebenza nzima ngokuzimisela ukuze abe ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo! Kufanele ukuba kungeso sizathu emnike isimemo sokudlala umdlalo webhola ekhatywayo! |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Wafumana ntoni uZweli kuqala? | Waqala wafumana ibhola encinci egqampayo. |
| Wafumana ntoni elandelayo? | Wafumana iphepha-ndaba elidala. |
| Yintoni enye awayifumanayo uZweli? | Wafumana isingxobo seSimba, ibhegi endala kamama wakhe, kunye nesingxobo seplastiki. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze intombazana endala icele uZweli ukuba adlale umdlalo webhola ekhatywayo kunye nabantwana abadala? | • Kuba yambona eziqhelisa.<br>• Kuba uZweli wazenzela ibhola waza waziqhelisa ukudlala umdlalo webhola ekhatywayo.<br>• UZweli wakhabela ezipalini amanqaku amaninzi xa wayeziqhelisa.<br>• Yambona eziqhelisa efaka amanqaku ezipalini.<br>• Kuba wasebenza nzima ukuze abe ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo. |

IVEKI 3



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 3**.
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo Yeorali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi.
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- inqaku
- injongo
- ukuzimisela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Themba mhlobo wam | *Khomba omnye okufuphi kuwe* |
| Yiza ndinecebo | *Khweba umbiza* |
| Yiza neeplastiki | *Dibanisa izandla ubonise ukurhwatshaza kweplastiki* |
| Mna ndinamaphepha | *Khomba kuwe uvule izandla phambi kwakho ubonisa into efundwayo* |
| Masidibanise senze ibhola | *Dibanisa izandla ubumbe into* |
| Kowu ayisentle | *Izandla mazinge zibambe into engqukuva uyibuke* |
| Khaba ndibone | *Lingisa unge uyakhaba* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



1 Yohlula bafundi babe ngokwamaqela amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa yokwakha ibali.
3 Umfundi makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena ncakasana kwimifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngezimvo zabo.
5 Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

IVEKI 3

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

**YAZISA ISANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/s/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/s/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **imbasa, krasa, inyosi**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **sela, isela, sala**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ss**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ibali ngomntu onesiphiwo sokuyila.Sebenzisa iingcinga zakho wakhe ibali.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – Usongeza kwincwadi yeklasi ebizwa ngokuba: **Abantu abanobuchule bokuyila**.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Kudala dala kwaye…** *(sixelele ngendawo elenzeka kulo ibali nabalinganiswa)*

Ngaminazana ithile… *(chaza ingxaki)*

**Waze…** ***(chaza** indlela abalinganiswa abasebenzisa ubuchule babo ukusombula ingxaki)*

**Ekugqibeleni…** ***(abantu** bacinga ntoni ngabalinganiswa abayintloko?)*

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini esa sicwangciso ubusenze ngoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngala plani ubuyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho le ibhalwe ebhodini.
3. Okulandelayo fundela abafundi ifreyimu yokubhala.
4. Bonisa abafundi indlela ogqibezala ngayo iplani yakho ngolu hlobo,
   **Kudala dala** kwaye kukho inkwenkwana egama layo lingu Sandile.USandile wayengadingi kwaye emgathenge izintozokudlala evenkileni kuba wayezenza ngokwakhe esebenzisa inkunkuma. **Ngaminazana ithile** usapho luka Sandile lwaya ezivenkileni. Udadewabo walila walila walila kubaefuna unodoli kodwa kwaye kungekho mali yokumthengela. **Waze** uSandile wanecebo. Wenzela udadewakhe unodoli esebenzisa inkukuma. **Ekugqibeleni** udade wakhe wawuthanda kakhulu unodoli esodlula nalowo ebewubone edolophini!


#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo**: Ibali lam:Idrafti**
3. **A**bafundi mabaye kula plani yabo yangoMvulo bacinge ngabazakubhala.
4. Aabafundi mabangoze izivakalisi besenzisa ifreyimu yokubhala.
5. Abafundi mabafake iinkcukacha njengoko bebhala izivakalisi.
6. Khumbuza abafundi ukuba basebenzisa izixhobo xe bebhala, njengamagama abonwayo kunye nesigama esisekelwe kumxholo
7. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi uncede abo basokolayo.

22 Eyekhala 2020

Umhlathi wam: idrafti

kwidolophana enkinane eMzantsi afrika kwakuko intombazana egama linguzama enobhuti onguthemba.
Ngenye imini usapho lwakhe walugenammali yaneleyo yokuthenga ukutya.
 Baza ke uzama nothemba basebenza kunye ukwenza imoto zokudlala besebenzisa izinto ezilahliweyo baze bathengisele abantu.
Ekugqibeleni uzama nothemba benza immali eyaneleyo yokuthenga ukutya.
Usapho lwakhe luyazichayisa ngaye.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 3**.
2. Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Ukuqonda Isandi Nesandi Esitsha: Ukucalula Nokuhlanganisa

15 imizuzu

### NDIYENZA

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **ileli**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/i/-/l/-/e/-/l/-/i/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/i/**
5 Isandi esilandelayo: **/l/**
6 Isandi esilandelayo: **/e/**
7 Isandi esilandelayo: **/l/**
8 Isandi sokugqibela: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ileli**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/-/le/-/li/** = **ileli**
11 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **isela**

### SENZE

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **ilali**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/i/-/l/-/a/-/l/-/i/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/i/**
5 Isandi esilandelayo: **/l/**
6 Isandi esilandelayo: **/a/**
7 Isandi esilandelayo: **/l/**
8 Isandi sokugqibela: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ilali**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/-/la/-/li/** = **ilali**
11 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **sala**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Ufundo Lwesibini


**IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO**

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UZweli wenza ibhola**<br><br>UZweli wabona abantwana abadala bedlala ibhola ekhatywayo. Wahlala phantsi ecaleni kwebala lemidlalo. Wayefuna ukudlala kodwa eneentloni ukubacela.<br><br>Ibhola yeza ngakuye. Wazama ukuyikhabela kubo. Kodwa watsho ecaleni kwayo.<br><br>Ubuso bakhe wabuva busiba nesifuthufuthu. Waphephetheka ukugoduka. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uZweli uziva ehlazekile akuyiphosa ibhola! |
| 'Kufuneka ndiziqhelise,' wacinga njalo. 'ndidinga ibhola.'<br><br>UZweli wakhangela ibhola endlwini. Wafumana ibhola encinci ebomvu, egqampayo. Wazama ukuyikhaba, kodwa yayingekho nkulu ngokwaneleyo. 'Kufuneka ndenze le bhola ibe nkulwana,' wacinga njalo. UZweli wacinga, wacinga indlela anokwenza ngayo ibhola yakhe encinci egqampayo ibe yibhola enkulu yomdlalo webhola ekhatywayo. | UZweli ufuna ukuziqhelisa umdlalo webhola ekhatywayo. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ufuna ukuba ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo ukuze angaziva ehlazekile kwakhona! |
| UZweli waqalisa ukukhangela into awayenokwenza ngayo ibhola enkulwana. Wafumana iphepha-ndaba elidala ecaleni komgqomo wenkunkuma. Wasongela ibhola encinci egqampayo ngeli phepha-ndaba. Wazama ukuyikhaba. Kodwa iphepha-ndaba lakhululeka kwibhola. 'Ndidinga into eza kwenza eli phepha-ndaba lihlale kule bhola incinci igqampayo,' wacinga njalo. | Ndiyabona ukuba uZweli akanikezeli lula! Xa engayifumani ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo, usebenzisa ubugcisa bengqondo ukuzama ukusombulula ingxaki! Oko kundenza **ndithathe isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZweli uzimisele ukuba ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo. |
| UZweli wangena ekhitshini. Wafumana isingxobo seetshiphsi zeSimba esasingasetyenziswa mntu. Wabophelela esi singxobo sajikeleza iphepha-ndaba. Wazama ukukhaba. Iphepha-ndaba lahlala alaphuncuka. Kodwa le yayingekho nkulu okwebhola yomdlalo webhola ekhatywayo. | UZweli uyaqhuba esebenzisa kwakho izinto ezahlukileyo ebumba ibhola. Oko kundenza **ndithathe isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uZweli unengqondo yobugcisa! |
| 'Ndingayenza njani ibe nkulwana?'wacinga njalo. Wafumana ibhegi endala kamama wakhe phantsi kwebhedi. Wacela kumama wakhe ukuba ayisebenzise. 'Kulungile,' watsho umama wakhe. 'Bendiza kuyilahla.' UZweli wayisika waze wayibhjela ibhola yakhe ngayo. | UZweli akayeki ukuzama ukusebenzisa izinto ezintsha ukulungisa ingxaki. Oko kundenza **ndithathe isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZweli uzimisele ukuyenza le bhola yomdlalo webhola ekhatywayo! |

IVEKI 3

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UZweli wangena ekhitshini wafumana isingxobo seplastiki esasingasetyenziswa mntu. Wayibhijela ibhola ngale plastiki wayibopha yaqina. Waza, wafumana umtya omdala. Wawubopha wajikeleza ibhola ukuze ugcine iplastiki ingaphuncuki. Wayijonga ibhola yakhe entsha. Ekugqibeleni, yayinkulu ngokwaneleyo! | UZweli uzenzele eyakhe ibhola! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, unobugcisa kwaye uzimisele! |
| UZweli wathatha ibhola yakhe entsha waya phandle. Wayikhaba wayikhaba ibhola yakhe. Wabeka amatye amabini aziipali. Waziqhelisa ukukhaba ibhola ingene phakathi kwamatye. | UZweli ekugqibeleni uyakwazi ukuziqhelisa. Uziqhelisa amathuba amaninzi! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ngokwenene uyafuna ukuba ngcono ukuze angayiphosi kwakhona ibhola ze aphinde ahlazeke! |
| Emva kweentsukwana ezimbalwa uZweli wahlala ecaleni kwebala lemidlalo wabukela abantwana abadala bedlala umdlalo webhola ekhatywayo. Wayeziqhelise amathuba amaninzi. Omnye wabantwana abadala weza kuye. Wathi, 'Ndikubone ukhabela ezipalini phandle kowenu! Ungangena kwiqela lethu!'<br><br>Waphakama uZweli wangena ebaleni, wayekulungele ukudlala umdlalo webhola ekhatywayo nabantwana abadala. | UZweli uziqhelise, waziqhelisa. Ngoku, ubuyele ebaleni lomdlalo webhola ekhatywayo. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZweli ufanele ukuba uziva ekulungele ukudlala nabantwana abadlala kwakhona! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Kwakutheni ukuze ubuso bukaZweli bube nesifuthufuthu? | Wayeneentloni kuba wayiphosa ibhola. |
| Kwakutheni ukuze uZweli azive eneentloni? | Kuba wayiphosa ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo phambi kwabantwana abadala. |
| Ucinga ukuba wayeziva njani uZweli xa abantwana abadala babemcela ukuba adlale nabo? | Ndicinga ukuba waziva… |
| **Imibuzo efuna izizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uZweli asebenze nzima kangaka esenza ibhola yomdlalo okhatywayo? | • Kuba wayefuna ngokwenene ukuziqhelisa umdlalo webhola ekhatywayo.<br>• Kuba wayeneentloni kukuphosa ibhola kwaye wayefuna ukuziqhelisa.<br>• Kuba wayengayifumani ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo ukuze aziqhelise ngayo njengoko wayefuna ukuba ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo.<br>• Kuba wayengafuni kuhlazeka kwakhona.<br>• Kuba wayezimisele ukuba ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 3.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi Weorali 15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesigama somxholo.
- qhubekeka
- umzamo
- zilolonge

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Themba mhlobo wam | *Khomba omnye okufuphi kuwe* |
| Yiza ndinecebo | *Khweba umbiza* |
| Yiza neeplastiki | *Dibanisa izandla ubonise ukurhwatshaza kweplastiki* |
| Mna ndinamaphepha | *Khomba kuwe uvule izandla phambi kwakho ubonisa into efundwayo* |
| Masidibanise senze ibhola | *Dibanisa izandla ubumbe into* |
| Kowu ayisentle | *Izandla mazinge zibambe into engqukuva uyibuke* |
| Khaba ndibone | *Lingisa unge uyakhaba* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
**Kweli bali………..**
**Eyona ndawo ndiyithandayo ebalini yile……..ngoba……**
**UZweli unobuchule bokucinga ngoba….**

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba bazakunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo, mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye iqela elithile labelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| i | s | a |
| l | e | m |



#### BONISA ABAFUNDI

1. Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/i/** no **/s/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/i/**-**/l/**-**/a/**-**/l/**-**/i/** = **ilali**
5. Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/m/**-**/e/**-**/l/**-**/a/** = **mela**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **i, s**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / DIBANISA IIMEKO**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1 Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2 Cacisa kubafundi ukuba namhlanje baza kudibanisa iimeko ze bacinge ngoku nokwenzeka ebalini.
3 Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **ukudibanisa iimeko** ngento enokwenzeka ebalini umzkl: Ndicinga ukuba okulandelayo kukuba uZweli uza kuhamba ayokudlala ibhola ebaleni nabanye abantwana. Ndicinga ukuba baza kuziqhenya ngendlela aziphucule ngayo.
4 Zoba umfanekiso wakho ebhodini ka Zweli edlala ibhola abanye bembukele ngomcumo.
5 Yenza **umfuziselo** usongeza izivakalisi kumzobo umzkl:UZweli uziphucule kakhulu.
6 Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kudibanisa iimeko bacinge ngento elandelayo eza kwehla ebalini.
7 Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8 Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba ngento eza kwehla kwakhona ebalini.
9 Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 3**.
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yabantu abanobuchule bokucinga ingakumbi abo basebenza kwezeqonga njenge mvumi,abadanisi njl njl. Ukuba unako qokelela zonke izinto zobugcisa ezenziwe ngabantu boluntu lwakkho.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: Fumana ividiyo ka Dancegod Lloyd uzokubonisa abafundi bakho.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi ye DBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, iincwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda,ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9. Cwangcisa imisebenzi yeveki yohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama-16, Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 17, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 18 & 19, Masifunde

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wobuso bakho !

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali 15 imizuzu

**SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI (IVEKI YESIBINI YOMXHOLO)**

1 Bonisa abafundi umfanekiso ka**Dancegod Lloyd** kwiNcwadi Enkulu kwibali: **UDancegod Lloyd**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu: **Ubuchule bokucinga**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: Senifunde *ntoni ngalo mxholo oko siwuqalile?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Ubuchule bokucinga bulunceda njani uluntu lwethu nehlabathi jikelele ?
   b Wena unobuchule bokuyila ntoni ?
   c Abahlobo bakho bona ?



**AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO**

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
   - inkqubo
   - ukufundisa
   - ukuqonda

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Themba mhlobo wam | *Khomba omnye okufuphi kuwe* |
| Yiza ndinecebo | *Khweba umbiza* |
| Yiza neeplastiki | *Dibanisa izandla ubonise ukurhwatshaza kweplastiki* |
| Mna ndinamaphepha | *Khomba kuwe uvule izandla phambi kwakho ubonisa into efundwayo* |
| Masidibanise senze ibhola | *Dibanisa izandla ubumbe into* |
| Kowu ayisentle | *Izandla mazinge zibambe into engqukuva uyibuke* |
| Khaba ndibone | *Lingisa unge uyakhaba* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1. Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2. Bizela ezi zandi zilandelayo:
   - a **I I I…**
   - b **i i i…**
   - c **S S S…**
   - d **s s s…**
   - e **lila**
   - f **ilali**
   - g **ileli**
   - h **sela**
   - i **isela**
   - j **sala**
3. Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ikhrayoni ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4. Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, unika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA ZOBUCHULE EZIPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2. Vula Incwadi Enkulu kwibali: **<u>UDancegod Lloyd</u>**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4. Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.

6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ibali ngomntu onobuchule bokuyila.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi emibini. Ubhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.Lo mbhalo uza kufakwa kula ncwadi izakuba yingxenye yezancwadi zokufunda ekoneni kwigumbi lokufundela.

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhlisti yokhuhlela ebhodini phambi kokuba siqale isifundo.
- Bhala idrafti yakho ebhodini. Mayibe nempazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**

1 Ingaba ndisebenzise ixesha elidlulileyo?
2 Ingaba umlimnganiswa wam oyintloko unobuchule bokuyila ?
3 Ingaba ikhona ingxaki ebalini lam ?
4 Ingaba le ngxaki isebalini lam isonjululwa ngobuchule bokuyila ?
5 Ingaba ndiwapele kakuhle onke amagama?
6 Ingaba isivakalisi ngasinye siqala ngoonobumba abakhulu ?
7 Ingaba isivakalisi ngasinye siphela ngesingxi ?

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1 Fundela abafundi itshekhlisti, uyicacise.
2 Fundela abafundi idrafti.
3 Khangelani ukuba ingaba idrafti ibhalwe kakuhle, okanye inempazamo ezifuna ukulungiswa.
4 Yenza umfuziselo ubonisa indlela yokulungisa iimpazamo kwidrafti.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUHLELA: (BAYENZA)


1 Nika abafundi **iincwadi zabo zokubhala.**
2 Abafundi mabaye kula drafti bebeyibhalile.
3 Abafundi mabasebenzise itshekhlisti besenza izilungiso zomsebenzi wabo apho kukho imfuneko.
4 Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**
5 Jonga iimpazamo ezifanayo kubhalo lwabafundi.
6 Abafundi mabakunike inzolo njengoko ubhala ubabonisa ezo mpazamo zifanayo ebhodini.
7 Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.

IVEKI 4

22 Eyekhala 2020

Umhlathi wam: idrafti

Kwidolophana enkinane eMzantsi afrika
kwakuko intombazana egama linguzama
enobhuti onguthemba.
Ngenye imini usapho lwakhe
lwalugenammali yaneleyo yokuthenga
ukutya.
Baza ke uzama nothemba basebenza
kunye ukwenza iimoto zokudlala
besebenzisa izinto ezilahliweyo baze
bathengisele abantu.
Ekugqibeleni uzama nothemba benza
immali eyaneleyo yokuthenga ukutya.
Usapho lwakhe luyazichayisa ngaye.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ___________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lizo kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

**YAZISA NGESANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/o/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/o/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **qhola, joja, ingqondo**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **olo, molo, ilolo, lilo**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Oo**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala: Ufundo Lokuqala

15 imizuzu


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA /NDIYAKWAZI UKUHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UDancegod Lloyd**<br><br>Ukudanisa kwakusoloko kumenza onwabe uLaud Konadu. Wayedanisa njengoko esiya esikolweni. Iinyawo zakhe zazidanisa phantsi kwedesika yakhe imini yonke yesikolo. Wayede adanise njengoko ebaleka esiya ebaleni lebhola ekhatywayo. Ngalo lonke ixesha edanisa uLaud, ubuso bakhe babuzala luncumo. | |
| Kodwa ngexesha awayesengumntwana, abantu bamgalela amanzi ekudaniseni.<br><br>'Laud – abantu baza kucinga ukuba uzele isigezo xa udanisa lonke ixesha,' usapho lwakhe lwatsho.<br><br>'Laud – umdaniso awuhlonitshwanga! Kufuneka ukhangele enye into onokuyenza!' batsho ootitshala bakhe.<br><br>'Laud – umdlalo webhola ekhatywayo ubaluleke ngaphezu komdaniso!' batsho abahlobo bakhe.<br><br>ULaud wayeziva ephantsi koxinezelelo lokuyeka ukudanisa, kodwa wayesazi ukuba wayengenakuze aphile ubomi obonwabileyo ngaphandle komdaniso. Wathatha isigqibo sokuyenza umsebenzi wakhe ebomini, into yokutshintsha indlela abawubona ngayo umdaniso. | Ndihlola imeko ndithi uLaud wayezimisele ukuba ngumdanisi ophumelelayo, nokuba abanye abantu bathini na. |
| ULaud wathatha isigqibo sokuzenzela isingqi somdaniso awayeza kuwenza yonke imihla. Wachitha iiyure ezininzi kumakhasi onxibelelwano ebukela imidaniso yelizwekazi leAfrika jikelele waza wafakela esakhe isingqi wazenzela owakhe umdaniso. Emva koko wacela umhlobo wakhe arekhode inkqubo yesiqhelo yakhe yomdaniso esebenzisa ifowuni. Ekugqibeleni, wayixhoma ividiyo yakhe kuIntsagram. | **Ndihlola imeko** ndithi uLaud unobugcisa, kuba usebenzisa amakhasi onxibelelwano ukufikelela ebantwini abaninzi. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ividiyo kaLaud yaba yindumasi. Amawaka waka abantu kwihlabathi liphela ambukela uLaud edanisa.<br><br>'Ngumangaliso!' wahlomla watsho omnye.<br><br>'Uyintshatsheli!' wabhala njalo omnye.<br><br>'Le vidiyo indenzele usuku olumnandi!' owesithathu umntu watsho.<br><br>Ukusukela loo mini, uLaud waziwa ngokuba ngu 'Dancegod Lloyd'. | **Ndicinga** ukuba uLaud ufanele ukuba ungumdanisi ogqwesileyo, kuba abantu bamthiya bathi ngu 'Dancegod'. |
| UDancegod Lloyd wayewuthanda umtsalane awayewufumana kumakhasi onxibelelwano kwiividiyo zakhe zomdaniso. Kodwa, waqaphela ukuba wayengafuni kudanisa kuphela – wayefuna ukunceda abanye abadanisa abakhulayo bafikelele kumaphupha abo ngomdaniso nabo. UDancegod Lloyd waqalisa ukuxhoma imiyalelo efundisayo efundisa ababukeli bakhe indlela yokwenza iinkqubo zesiqhelo zakhe zomdaniso. | Ndiyakwazi **ukuhlola imeko** ndithi uLaud wayengenzeli yena xa efuna ukutshintsha iingqondo zabantu, wayesenzela nabanye. |
| Emva koko, uDancegod Lloyd wahlala phantsi nabahlobo bakhe ababini abasenyongweni.<br><br>'Ukuqala kwam ukudanisa, ndandicinga kuphela ngokudanisa kumaqonga amakhulu. Kodwa ngoku, inye into endiyicingayo kukukhuthaza ulutsha lwamaGhana,' watsho. Kunye nabahlobo bakhe bavula isikolo somdaniso, i 'Dance with a Purpose Academy.' Yabizwa ngokuba yiDWP xa ishunqulelwa. | **Ndicinga** ukuba injongo kaLaud iye yatshintsha – wayeka ukufuna ukuba ngumdanisi koko wafuna ukunceda abanye babe ngabadanisi. |
| UDancegod Lloyd nabahlobo bakhe babefuna ukuqinisekisa ukuba i-DWP ivulelekile kuye wonke umntu omtsha ongumdanisi onetalente. | |
| Baze, bagqiba ukubeni bayakumhlawulela ngokupheleleyo wonke umdanisi owothi afunyaniswe enetalente emenza amkelwe kwesi sikolo. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngenye imini, uDancegod Lloyd wayephendla ku-Instagram emva kokuxhoma inqaku lokufundisa umdaniso omtsha. Waqaphela ividiyo exhonywe yinkwenkwana egama linguHubert. UHubert walandela zonke iintshukumo ezifundisayo zomdaniso wakhe ngobugcisa nokutyibilika kwendalo. ULaud wathatha isigqibo sokuba wayengoyena ufanele ukungena e-DWP.<br><br>Wathi uDancegod Lloyd akudibana noHubert bahlala phantsi bathetha. ULaud wafumanisa ukuba uHubert wayeneminyaka elishumi kuphela. Wayelahlekelwe ngabazali bakhe bobabini esengumntwana omncinane. UDancegod Lloyd wenza icebo lokuba uHubert aye kuhlala e-Accra ukuze angene e-DWP. Wafunela uHubert indawo esikolweni, ukutya, nendawo yokuhlala. | **Ndihlola imeko** ndithi uLaud ufanele ukuba uwukhathalele kakhulu umdaniso ngaphezu kwemali, kuba unceda uHubert eze e-DWP noxa engakwazi kuhlawulela imali yezifundo. |
| 'Eli liphupha lam,' uDancegod Lloyd waxelela abahlobo bakhe,' 'ukunceda kwakhiwe isizukulwana seencutshe kumdaniso – nokuba incinane kangakanani imali abanayo.' | **Ndicinga** ukuba isikolo sikaLaud masincedise ekutshintsheni iingqondo zabantu ngomdaniso, kuba sinceda ukudala iqela leencutshe zabadanisi abahlawulwayo! |
| UDancegod Lloyd waqala ucweyo olusimahla esenzela abantu abatsha baseGhana jikelele, ukusasaza ulonwabo nokutshintsha indlela abawubona ngayo abantu, umdaniso. Njengoko ehamba etyhutyha iGhana, iliso lakhe uligqalise kubadanisi abatsha, abanobugcisa njengoHubert ukuze babe yinxalenye yeziko lakhe lomdaniso. | |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Sithini isiqhulo awathiywa sona uLaud emva kokuba exhome ividiyo kumakhasi onxibelelwano? | Wabizwa ngokuba 'nguDancegod Lloyd'. |
| Wayengubani uHubert? | • UHubert wayengumfundi Edwp.<br>• UHubert wayengumdanisi owabonwa nguLaud kuInstagram kuqala. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uLaud athathe isigqibo sokuvula i-DWP | • Kuba wayefuna ukunceda abanye abantu abatsha abangamaGhana babe ngabadanisi.<br>• Kuba wayefuna ukutshintsha iingqondo zabantu ngomdaniso esenzela nabanye – ingenguye yedwa.<br>• Kuba wayefuna ukufundisa abantu abatsha abangamaGhana umdaniso.<br>• Kuba oku kwakumnceda ukuba afikelele kwinjongo yakhe yokutshintsha iingqondo zabantu ngomdaniso. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4**.
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini uzo kusebenza nalo.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- uphumelele
- ingqalelo
- isizukulwana

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
| --- | --- |
| Themba mhlobo wam | *Khomba omnye okufuphi kuwe* |
| Yiza ndinecebo | *Khweba umbiza* |
| Yiza neeplastiki | *Dibanisa izandla ubonise ukurhwatshaza kweplastiki* |
| Mna ndinamaphepha | *Khomba kuwe uvule izandla phambi kwakho ubonisa into efundwayo* |
| Masidibanise senze ibhola | *Dibanisa izandla ubumbe into* |
| Kowu ayisentle | *Izandla mazinge zibambe into engqukuva uyibuke* |
| Khaba ndibone | *Lingisa unge uyakhaba* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
**4** Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
**5** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
**6** Abafundi mabanikane inzolo.
**7** Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



IVEKI 4

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

**YAZISA ISANDI**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/b/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/b/**
4 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **qaba, hamba, gcobani**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **aba, bala, bila, ibala**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3 Cela abafundi balandele emva kwakho.
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Bb**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala ibali ngomntu onesiphiwo sokuyila.Sebenzisa iingcinga zakho wakhe ibali.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – Usongeza kwincwadi yeklasi ebizwa ngokuba: **Abantu abanobuchule bokuyila**.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Kudala dala kwaye…** *(sixelele ngendawo elenzeka kulo ibali nabalinganiswa)*

Ngaminazana ithile… *(chaza ingxaki)*

**Waze…** *(chaza indlela abalinganiswa abasebenzisa ubuchule babo ukusombula ingxaki)*

**Ekugqibeleni…** *(abantu bacinga ntoni ngabalinganiswa abayintloko?)*

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la drafti yakho ihleliweyo yalungiswa iimpazamo yangoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukulungisa iimpazamo kwidrafti.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje sizakushicilela ze sabelane ngoko sikubhalileyo.
3. Bonisa abafundi indlela obhala ngayo,ufaka umhla nesihloko kubhalo lwakho lokugqibela.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo: **Abantu abanobuchule bokuyila**. Abafundi mabakhuphele umbhalo wabo kwiphepha elitsha, bebhala ngaphandle kwempazamo nangokucocekileyo.
3. Ukuba abafund banethuba bangafaka nomzobo kubhalo lwabo.
4. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi uncede abo basokolayo.

#### ABAFUNDI BABELANA NGOMSEBENZI WABO

1. Kwimizuzu embalwa phambi kokuba siphele isifundo, abafundi mababeke phantsi ipeni nepensile zabo.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** befundela abahlobo oko bakubhalileyo.
3. Cela umfundi om-1 ukuya kwaba-2 bafundele iklasi oko bakubhalileyo.
4. Dibanisa wonke umsebenzi wabafundi wale veki wenze incwadi. Yibeke kwikona yabafundi yokufunda ukuze bafunde ngexesha labo lokufunda ngokuzimeleyo.


29 Eyekhala 2020

Iimoto zokudlala

Kwidolophana encinane eMzantsi Afrika kwakukho intombazana egama linguZama enobhuti onguThemba.
Ngenye imini usapho lwakhe lwalungenamali yaneleyo yokuthenga ukutya.

Baza ke uZama noThemba basebenza kunye ukwenza iimoto zokudlala besebenzisa izinto ezilahliweyo baze bathengisele abantu.
Ekugqibeleni uZama noThemba benza imali eyaneleyo yokuthenga ukutya.
Usapho lwakhe luyaziqhayisa ngaye.





## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo,netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

15 imizuzu

### NDIYENZA

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **ilolo**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/i/-/l/-/o/-/l/-/o/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/i/**
5 Isandi esilandelayo: **/l/**
6 Isandi esilandelayo: **/o/**
7 Isandi esilandelayo: **/l/**
8 Isandi sokugqibela: **/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ilolo**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/-/lo/-/lo/** = **ilolo**
11 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **ibala**

### SENZE

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **molo**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/m/-/o/-/l/-/o/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/m/**
5 Isandi esilandelayo: **/o/**
6 Isandi esilandelayo: **/l/**
7 Isandi sokugqibela: **/o/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **molo**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/mo/-/lo/** = **molo**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **bila**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Isifundo Sesibini

15 imizuzu

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYACINGA /NDIYAKWAZI UKUHLOLA IMEKO**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UDancegod Lloyd**<br>Ukudanisa kwakusoloko kumenza onwabe uLaud Konadu. Wayedanisa njengoko esiya esikolweni. Iinyawo zakhe zazidanisa phantsi kwedesika yakhe imini yonke yesikolo. Wayede adanise njengoko ebaleka esiya ebaleni lebhola ekhatywayo. Ngalo lonke ixesha edanisa uLaud, ubuso bakhe babuzala luncumo. | |
| Kodwa ngexesha awayesengumntwana, abantu bamgalela amanzi ekudaniseni.<br>'Laud – abantu baza kucinga ukuba uzele isigezo xa udanisa lonke ixesha,' usapho lwakhe lwatsho.<br>'Laud – umdaniso awuhlonitshwanga! Kufuneka ukhangele enye into onokuyenza!' batsho ootitshala bakhe.<br>'Laud – umdlalo webhola ekhatywayo ubaluleke ngaphezu komdaniso!' batsho abahlobo bakhe.<br>ULaud wayeziva ephantsi koxinezelelo lokuyeka ukudanisa, kodwa wayesazi ukuba wayengenakuze aphile ubomi obonwabileyo ngaphandle komdaniso. Wathatha isigqibo sokuyenza umsebenzi wakhe ebomini, into yokutshintsha indlela abawubona ngayo umdaniso. | **Ndiyacinga ingaba** uLaud uza kuzitshintsha njani iingqondo zabantu ngomdaniso? |
| ULaud wathatha isigqibo sokuzenzela isingqi somdaniso awayeza kuwenza yonke imihla. Wachitha iiyure ezininzi kumakhasi onxibelelwano ebukela imidaniso yelizwekazi leAfrika jikelele waza wafakela esakhe isingqi wazenzela owakhe umdaniso. Emva koko wacela umhlobo wakhe arekhode inkqubo yesiqhelo yakhe yomdaniso esebenzisa ifowuni. Ekugqibeleni, wayixhoma ividiyo yakhe kuIntsagram. | **Ndiyacinga ingaba** oku kuza kuzitshintsha njani iingqondo zabantu ngomdaniso? |

<table>
<tr><th>iTekisi</th><th>UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo)</th></tr>
<tr><td>Ividiyo kaLaud yaba yindumasi. Amawaka waka abantu kwihlabathi liphela ambukela uLaud edanisa.<br><br>‘Ngumangaliso!’ wahlomla watsho omnye.<br><br>‘Uyintshatsheli!’ wabhala njalo omnye.<br><br>‘Le vidiyo indenzele usuku olumnandi!’ owesithathu umntu watsho.<br><br>Ukusukela loo mini, uLaud waziwa ngokuba ngu ‘Dancegod Lloyd’.</td><td>Mhlawumbi iingqondo zabantu ziya kutshintsha xa bebona umtsalane athe wawubanga uLaud kumakhasi onxibelelwano?</td></tr>
<tr><td>UDancegod Lloyd wayewuthanda umtsalane awayewufumana kumakhasi onxibelelwano kwiividiyo zakhe zomdaniso. Kodwa, waqaphela ukuba wayengafuni kudanisa kuphela – wayefuna ukunceda abanye abadanisa abakhulayo bafikelele kumaphupha abo ngomdaniso nabo. UDancegod Lloyd waqalisa ukuxhoma imiyalelo efundisayo efundisa ababukeli bakhe indlela yokwenza iinkqubo zesiqhelo zakhe zomdaniso.</td><td>Mhlawumbi ziya kutshintsha iimbono zabantu ngomdaniso xa bebona ukuba umdaniso sisakhono esifuna ukuzimisela kwaye esinzima?</td></tr>
<tr><td>Emva koko, uDancegod Lloyd wahlala phantsi nabahlobo bakhe ababini abasenyongweni.<br><br>‘Ukuqala kwam ukudanisa, ndandicinga kuphela ngokudanisa kumaqonga amakhulu. Kodwa ngoku, inye into endiyicingayo kukukhuthaza ulutsha lwamaGhana,’ watsho. Kunye nabahlobo bakhe bavula isikolo somdaniso, i ‘Dance with a Purpose Academy.’ Yabizwa ngokuba yiDWP xa ishunqulelwa.</td><td>Mhlawumbi iingqondo zabantu ziyakutshintsha ngomdaniso xa kukho indawo esesikweni yokufunda umdaniso?</td></tr>
<tr><td>UDancegod Lloyd nabahlobo bakhe babefuna ukuqinisekisa ukuba i-DWP ivulelekile kuye wonke umntu omtsha ongumdanisi onetalente.</td><td>Ndiyacinga ingaba iingqondo zabantu zingatshintsha xa bebona abantu abatsha abaninzi benephupha lokuba ngabadanisi?</td></tr>
<tr><td>Baze, bagqiba ukubeni bayakumhlawulela ngokupheleleyo wonke umdanisi owothi afunyaniswe enetalente emenza amkelwe kwesi sikolo.</td><td></td></tr>
</table>

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| Ngenye imini, uDancegod Lloyd wayephendla ku-Instagram emva kokuxhoma inqaku lokufundisa umdaniso omtsha. Waqaphela ividiyo exhonywe yinkwenkwana egama linguHubert. UHubert walandela zonke iintshukumo ezifundisayo zomdaniso wakhe ngobugcisa nokutyibilika kwendalo. ULaud wathatha isigqibo sokuba wayengoyena ufanele ukungena e-DWP.<br><br>Wathi uDancegod Lloyd akudibana noHubert bahlala phantsi bathetha. ULaud wafumanisa ukuba uHubert wayeneminyaka elishumi kuphela. Wayelahlekelwe ngabazali bakhe bobabini esengumntwana omncinane. UDancegod Lloyd wenza icebo lokuba uHubert aye kuhlala e-Accra ukuze angene e-DWP. Wafunela uHubert indawo esikolweni, ukutya, nendawo yokuhlala. | |
| 'Eli liphupha lam,' uDancegod Lloyd waxelela abahlobo bakhe,' 'ukunceda kwakhiwe isizukulwana seencutshe kumdaniso – nokuba incinane kangakanani imali abanayo.' | **Ndiyacinga ingaba** uLaud uza kunceda ekutshintsheni iingqondo zabantu ngomdaniso ngokwenza umdaniso indlela yomsebenzi enokukhethwa ngabanye abantu abatsha baseGhana? |
| UDancegod Lloyd waqala ucweyo olusimahla esenzela abantu abatsha baseGhana jikelele, ukusasaza ulonwabo nokutshintsha indlela abawubona ngayo abantu, umdaniso. Njengoko ehamba etyhutyha iGhana, iliso lakhe uligqalise kubadanisi abatsha, abanobugcisa njengoHubert ukuze babe yinxalenye yeziko lakhe lomdaniso. | **Ndiyacinga** ingaba iingqondo zabantu ngabadanisi ziya kutshintsha xa bebona iqela leencutshe zabadanisi abahlawulwayo eGhana? |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| --- | --- |
| Lalisithini igama lesikolo somdaniso esavulwa nguLaud? | Sasibizwa ngokuba yiDance with a Purpose Academy (DWP xa sishunqulelwa) |
| Uwubona njani wena umdaniso? (Ucinga ntoni ngokuba ngumdanisi?) | *Indlela endiwubona ngayo umdaniso …* |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uLaud afune ukutshintsha iingqondo zabantu ngomdaniso? | • Kuba wayefuna abantu abatsha babe nako ukuphupha ngokuba ngabadanisi.<br>• Kuba abantu babemnika ixesha elinzima ngexesha lobuntwana bakhe – wayefuna oku kube ngcono kwabanye abantu.<br>• Kuba wayekuthanda ukudanisa, efuna abantu babone ukubaluleka komdaniso.<br>• Wayefuna abantu abatsha babe nako ukufezekisa amaphupha abo okuba ngabadanisi. |

IVEKI 4



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4**.
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama.

- ingcali
- ubungcali
- umasifundisane
- isidanga

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Themba mhlobo wam | *Khomba omnye okufuphi kuwe* |
| Yiza ndinecebo | *Khweba umbiza* |
| Yiza neeplastiki | *Dibanisa izandla ubonise ukurhwatshaza kweplastiki* |
| Mna ndinamaphepha | *Khomba kuwe uvule izandla phambi kwakho ubonisa into efundwayo* |
| Masidibanise senze ibhola | *Dibanisa izandla ubumbe into* |
| Kowu ayisentle | *Izandla mazinge zibambe into engqukuva uyibuke* |
| Khaba ndibone | *Lingisa unge uyakhaba* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali …..…
Eyona ndawo ndiyithandaya yile………ngoba……
UDancegod Lloyd wayenobuchule bokuyila ngoba………

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo:

15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **o** | **b** | **a** |
| **l** | **e** | **m** |
| **i** | **s** | |

#### BONISA ABAFUNDI

1 Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/o/** no **/b/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4 Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/i/-/b/-/a/-/l/-/a/** = **ibala**
5 Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/s/-/e/-/l/-/a/** = **sela**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **o, b**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **olo, molo, ilolo, lilo, aba, bala, bila, ibala, lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**ISAKHONO NOBUCHULE INDLELA YOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: UKUSHWANKATHELA/YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1. Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2. Cacisa kubafundi ukuba namhlanje baza kuzoba ze babhale iinkcukacha zibe mbini ngebali.
3. Yenza u**mfuziselo** ubabonisa indlela okhetha ngayo iinkcukacha ebalini umzkl: ULaud ufaka ividiyo zokudanisa kumakhasi onxibelelwano ngecebo lokutshintsha iimbono zabantu ngokudanisa ! Abantu kumhlaba wonke babukela ezividiyo.
4. Zoba umfanekiso wakho ebhodini kaLaud esebenzisa ifowuni yakhe ukusasaza ividiyo zakhe zokudanisa kumakhasi onxibelelwano. Faka umfanekiso wabantu kwihlabathi jikelele libuka ezi vidiyo.
5. Yenza umfuziselo usongeza izivakalisi kumzobo umzkl: ka Laud edanisa kumakhasi onxibelelwano, nabantu kwihlabathi jikelele bebuka ezi vidiyo.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kukhetha iinkcukacha zibe mbini abazikhumbulayo ngebali.
7. Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8. Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba ngento eza kwehla kwakhona ebalini.
9. Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya ze uxhome iibhodi /iitshati ezinamagama asekelwe kumxholo kwitafile yomxholo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yokutya okusempilweni.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngokubaluleka kokutya kutya okusempilweni, nangefuthe lokutya okusempilweni kwimpumelelo esikolweni.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci zokufunda namaqela; iincwadi ezahlulwe ngokwamabakala okufunda, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala eklasini zikwimeko ephucukileyo nefanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 20& 21, Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 22, Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 23 & 24, Masenzeni

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wokutya okuthandayo okusempilweni!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi Enkulu yebali**: Makanganikwa tshiphsi uLomusa**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ukutya ukutya okusempilweni**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Kokuphi okunye kokutya okusempilweni okwaziyo?
   b. Kokuphi okunye kokutya okungekho sempilweni okwaziyo ?
   c. Kutheni ukutya ukutya okusempilweni kubalulekile ?

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
   - okusempilweni
   - okungekho sempilweni
   - okunesondlo

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndikuphathele izinto ezimnandi | *Lingisa ubonise into etyiwayo* |
| Zintoni ezo? | *Nyusa amagxa uvule izandla unge uyabuza* |
| Ziiswiti kaloku | *Lingisa unge uxobula iphepha kwiiswiti* |
| Hayi mhlobo wam | *Shukumisa intloko iye macala* |
| Zona zinencasa | *Yiba ngathi unambitha incasa* |
| Kodw'azilunganga | *Shukumisa intloko ubonise ukungavumelani* |
| Amandongomane | *Lingisa ngokungathi kukho nto uyichubayo* |
| Wona ayimpilo | *Yenza amanqindi unyuse iizandla ubonise amandla* |

IVEKI 5

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi zilandelayo:
   a **Oo Oo Oo…**
   b **Bb Bb Bb…**
   c **olo**
   d **molo**
   e **ilolo**
   f **lilo**
   g **aba**
   h **bala**
   i **bila**
   j **ibala**
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ikhrayoni ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, unika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

Isivakalisi: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

## Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA ZOBUCHULE EZIPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2 Vula Incwadi Enkulu kwibali: **Makanganikwa tshiphsi uLomusa**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Isicwangciso Nedrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha wawuzame ukutya ongakwaziyo, nokutya okutsha ofuna ukukuzama.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini usixelele ngendlela ozakuzama ngayo ukutya okutsha. Umhlathi wokuqala wubhale ngexesha elidlulileyo. Umhlathi wesibini wubhale ngexesha elizayo.

**ICEBO LOKUPLANA:** Yenza uluhlu.

#### YAZISA NGESIHLOKO ESIZAKUBHALWA

1 Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2 Cacisa iingcinga zakho zebali ngolu hlobo: *Ndikhumbula ngexesha lam lokuqala ndizama ukutya kwamaNdiya. Ndandinexhala ngokuzama ukutya okutsha. Kodwa ndathi ndakungcamla kwamnandi, ndakuthanda. Ngoku ndifuna ukuzama ukutya kwamaTshayina.Ndicinga ukuba ndiza kuthanda, kuba ndiyathanda ukuzama ukutya okutsha.*

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)

1 Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2 Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3 Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.

| Imibuzo | iPlani |
|---|---|
| ***Umhlathi woku-1***<br>**1** Uzame okuphi ukutya ?<br>**2** Wawucinga ntoni phambi kokuba utye oku kutya ?<br>**3** Kwangcamleka njani?<br>**4** Wacinga ntoni emva kokuba utye oku kutya ?<br>***Umhlathi wesi-2***<br>**1** Kokuphi okunye ukutya ofuna ukuzama ?<br>**2** Kutheni ufuna ukuzama oku kutya ?<br>**3** Ucinga ukuba kuza kuba njani ?<br>**4** Uzakuzama phi ?<br>**5** Ingaba uyakuthanda ukuzama ukutya okutsha ? Ngoba | ***Umhlathi woku – 1***<br>**1** OkwamaNdiya.<br>**2** Ndandicinga ukuba andizukuthanda. Ndandicinga ukuba kuyatshisa zizipayisi.<br>**3** Kwakunqubululu yikrimu bubutyuwarha kwaye kunencasa emnandi.<br>**4** Ndakuthanda. Kwaye ndandifuna ukuphinda.<br>***Umhlathi wesi-2***<br>**1** Kukutya kwamaTshayina.<br>**2** Kuba zange ndakutya. Kwaye kukho indawo yokutyela yamaTshayina edolophini yam.<br>**3** Andazi!<br>**4** Kwindawo yokutyela yamaTshayina.<br>**5** Ewe, ngoba ngokuzama ukutya okutsha singafumana ukutya okusempilweni esikuthandayo! |

## ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)

1. Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngokutya okutsha abakuzamileyo, baphinde bacinge ngokutya abaceba ukukuzama!
2. Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3. Bonisa abafundi ifremu yeplani ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4. Banike **incwadi zokubhala**
5. Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6. Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**


## Isicwangciso

### umhlathi woku 1

1. Nailinge ukutya kwamaTshayina.
2. Bendicinga ukuba andizi kukuthanda. Bendicinga ukuba akuzi kuba nencasa emnandi.
3. Kunencasa ekrwam-krwam eswiti.
4. Naikuthandale. Naifune ukutya okunye.

### Umhlathi wesi 2

1. Ukutya kwamaTaliyane.
2. Kuba umhlobo wam esithi kokona akuthandayo
3. Kuntubululu kuncamise ngencasa!
4. Kwirestyu yamaTaliyane.
5. Ewe, kuba kuyonwabisa ukulinga izinto ezintsha!



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5**.
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lizo kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: Yazisa ngesandi

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

**YAZISA ISANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/u/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/u/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **kubi, vula, chuba**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **umama, usula, luma, ilula**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Uu**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKWENZA UMFANEKISO – NGQONDWENI**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Makanganikwa tshiphsi uLomusa**<br>ULomusa wangena ekhitshini, elungele ukuya esikolweni. Utata wakhe wayehleli etafileni nodade wabo, owayelundwendwe oluvela eMaputo. Utata kaLomusa wajonga iwotshi yodonga. 'Lixesha lokuba uhambe!' watsho. Wavula ikhabhathi ekhitshini wakhuphela uLomusa ipakethi yetshiphsi enombala we-orenji ukuze ashwamze esikolweni. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa engena ekhitshini, emhle ecocekile elungele ukuya esikolweni! |
| 'umnikela ntoni ezo zinto?' watsho uAnti Sophia. 'Uyayazi ukuba azinasondlo kwaye aziyilungelanga nempilo!' utata kaLomusa wajonga kudade wabo, emangalisiwe.<br>'Kodwa bonke abantwana bayazitya! Watsho.<br>'Hayi Luis! Kufuneka uLomusa umnike iprotheni ibe yinto yokushwamza! Iya kumnceda abe nomgqalasela ongcono eklasini. Kwaye iya kumgcina engalambanga ixesha elide!'<br>'Ndiyakuva, kodwa asinawo amashwamshwam anjalo thina apha!' waphendula njalo utata kaLomusa. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa emana esusa amehlo akhe kutata wakhe awase kuAnti Sophia. |
| UAnti Sophia wavula ibhegi yakhe wakhupha iplastiki enemiqwayito emincinci yentlanzi phakathi. 'Ezi zincamise ngencasa kwaye zinesondlo!' watsho uAnti, egqithisa ipakethi kuLomusa ethatha iitshiphsi awayeziphethe. | |
| Ngexesha lekhefu uLomusa wakhupha ipakethana yakhe yentlanzi watya. 'Mhh! Incamise ngencasa,' wacinga njalo.<br>Kanye ngelo xesha, amantombazana amabini akwaGreyidi 4 agqitha ehleka ebambe iimpumlo. 'Unuka kakubi!' yakhwaza yatsho enye yawo. ULomusa wakhawuleza wayiphindisela ebhegini intlanzi. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** wamantombazana amabini amadalana ehleka ekhwaza eqhula usizana olunguLomusa! |
| Ukuphuma kwesikolo, uLomusa wabuyisela umqwayito wentlanzi kuAnti Sophia. 'Amanye amantombazana athe ndiyanuka ngoku bendiwutya,' watsho uLomusa. 'andifuni kuphinda ndiwuphathe esikolweni kwakhona.' | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** wobuso obukhathazekileyo bukaLomusa njengoko ebuyisa intlanzi! |

IVEKI 5

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngentsasa elandelayo, uLomusa wacela iitshiphsi zokuphatha esikolweni kutata wakhe. Wavula ikhabhathi ekhitshini wamnika ipakethi. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ezama ukunyebeleza aphume ekhitshini |
| 'Umnikela ntoni ezo zinto?' watsho uAnti Sophia. 'Ndikuxelele ukuba azinasondlo zingenayo nempilo Luis! Kufuneka umnike iprotheni ibe yinto yokushwamza!' uAnti Sophia wabhekabheka ekhitshini. Kwakukho imbiza esitovini inamaqanda agqitywa kubiliswa. 'Amaqanda abilisiweyo ancamise ngencasa! Kwaye ayimpilo!' watsho uAnti Sophia, egqithisela iqanda kuLomusa ethatha iitshiphsi zakhe. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaAnti Sophia ekhangeleka ecaphuka. Ufanele ukucaphuka kuba umnakwabo akakhange amamele kwasekuqaleni! |
| Ngexesha lekhefu, uLomusa wachuba iqanda lakhe walitya. 'Mhhh! Lincamise ngencasa,' wacinga njalo.<br><br>Kodwa kanye ngelo xesha amakhwenkwe amabini kaGreyidi 5 adlula ehamba ehleka. 'Kunuka kakubi!' enye inkwenkwe yakhwaza yatsho. ULomusa wakhawuleza walibuyisela ebhegini iqanda lakhe elibilisiweyo. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** wamakhwenkwe amabini athe dlundlu ekhomba ethetha ekhwaza ukuze nabanye beve xa eqhula usizana olunguLomusa! |
| Ukuphuma kwesikolo, uLomusa wabuyisela iqanda kuAnti Sophia. 'Amakhwenkwe athe ndiyanuka xa nditya le nto,' watsho uLomusa. 'Andifuni kuphinda ndiye namaqanda abilisiweyo esikolweni,' watsho uLomusa. Waza wabaleka waphuma esiya kudlala. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** wobuso obukhathazekileyo bukaLomusa njengoko ebuyisea amaqanda! |
| Emva kwemizuzwana embalwa, uAnti Sophia wabiza uLomusa. 'Lomusa, ukutya ngendlela eyimpilo kubalulekile!' watsho. 'Intlanzi namaqanda abilisiweyo ziwulungele umzimba wakho. Ziya kuwenza womelele zincede ingqondo yakho ibe nomgqalasela! Kodwa, ndiyayiqonda into yokuba kunzima ukuqhulwa. Masikhangele into yokushwamza eneprotheni kodwa engenavumba libi,' watsho uAnti Sophia. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa emamele uAnti Sophia ngononophelo. |
| 'Anjani amantongomane?' wabuza uAnti Sophia, ebhekabheka eyadini. 'Abazali bakho banezihlahla ezininzi zamantongomane apha eyadini, kwaye awulungele kakhulu umzimba wakho.'<br><br>'Unyanisile!' watsho uLomusa. 'Ndiyawathanda amantongomane kwaye awanavumba libi! Ndiza kuphatha wona esikolweni, ndize nditye intlanzi namaqanda apha ekhaya. Ndiyabulela Anti!' | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngosuku olulandelayo ngexesha lekhefu, uLomusa wathatha isingxobo esinamantongomane wawatya. Wabhekabheka ngexhala, engazinzanga. Kodwa, akuzange kubekho mntu umqhulayo njengoko wayesitya amantongomane akhe ancamise ngencasa. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ekhangeleka onwabile njengoko esitya amantongomane akhe. Ndicinga ukuba akayi koyika ukuphinda aphathe amantongomane esikolweni |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| UAnti Sophia uthi uLomusa makatye ntoni? | Uthi makatye izakha-mzimba/iiprotheni |
| Yintoni ethathwa nguAnti Sophia kuLomusa? | Uthatha ipakethi yeetshiphsi. |
| Yeyiphi iprotheni ekhula ngemva eyadini yakuloLomusa? | Ngamantongomane! |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Ingaba uyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ngexesha lekhefu? Kutheni uLomusa engafuni ukuphinda eze nentlanzi okanye amaqanda esikolweni? | • Kuba bayamqhula.<br>• Kuba akafuni kuphatha ukutya aqhulwa ngako xa ekutya.<br>• Kuba abanye abantwana esikolweni bahlekisa ngentlanzi namaqanda kuba enuka kakubi.<br>• Kuba uyakhathazeka xa eqhulwa. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini uzo kusebenza nalo.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- i protheni
- amandla
- ukugxila

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndikuphathele izinto ezimnandi | *Lingisa ubonise into etyiwayo* |
| Zintoni ezo? | *Nyusa amagxa uvule izandla unge uyabuza* |
| Ziiswiti kaloku | *Lingisa unge uxobula iphepha kwiiswiti* |
| Hayi mhlobo wam | *Shukumisa intloko iye macala* |
| Zona zinencasa | *Yiba ngathi unambitha incasa* |
| Kodw'azilunganga | *Shukumisa intloko ubonise ukungavumelani* |
| Amandongomane | *Lingisa ngokungathi kukho nto uyichubayo* |
| Wona ayimpilo | *Yenza amanqindi unyuse iizandla ubonise amandla* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
**4** Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
**5** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
**6** Abafundi mabanikane inzolo.
**7** Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

#### YAZISA ISANDI

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/c/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/c/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **uceba, cula, icala**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **cela, cula, coca, icala, uceba**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Cc**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha wawuzame ukutya ongakwaziyo,nokutya okutsha ofuna ukukuzama

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini usixelele ngendlela ozakuzama ngayo ukutya okutsha. Umhlathi wokuqala wubhale ngexesha elidlulileyo. Umhlathi wesibini wubhale ngexesha elizayo.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ndakhe ndazama ……**

**Phambi kokuba ndiyizame…..**

**Yayinencasa………**

**Ekugqibeleni…….**

**Ndiza kuzama…**

**Ndicinga ziza kuba nencasa …..**

**Ndiza kuzama i……..**

**Ndiyakuthanda / Andikuthandi ukuzama ukutya okutsha ngoba……..**

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la plani ubuyenze ngoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngala plani ubuyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho le ibhalwe ebhodini.
3. Okulandelayo fundela abafundi ifreyimu yokubhala.
4. Bonisa abafundi indlela ogqibezala ngayo iplani yakho ngolu hlobo,
   **Ndakhe ndazama** ikhari yamaNdiya. **Phambi kokuba ndiyizame** ndandinexhala lokuba andizi kuyithanda. Ndandicinga ukuba izakubaba zizipayisi ! **Yayinencasa** emnandi! **Ekugqibeleni** ndavauya kakhulu ngokuyizama.
   **Ndiza kuzama** inudulizi zamaTshayina. **Ndicinga ziza kuba nencasa** ebutyuwarha nemnandi. **Ndiza kuzizama** kula ndawo yokutyela yamaTshayina. **Ndiyakuthanda ukuzama ukutya okutsha ngoba** kuninzi ukutya okumnandi ekufuneka kungcamliwe.


**ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)**

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo: **Ibali lam:Idrafti**
3 **A**bafundi mabaye kula plani yabo yangoMvulo bacinge ngabazakubhala.
4 Aabafundi mabangoze izivakalisi besenzisa ifreyimu yokubhala.
5 Abafundi mabafake iinkcukacha njengoko bebhala izivakalisi.
6 Khumbuza abafundi ukuba basebenzisa izixhobo xe bebhala, njengamagama abonwayo kunye

5 Eyethupha 2020

Umhlathi wam: idrafti

ndakhe ndadlinga ukutya kwamatshayina.
pambi kokuba ndaikulinge, ndandiqinga ukuba andinakukuthanda.
Kwakuvala kwraba-krwaba kuswiti.
ekugibeleni ndagutanda kakhulu ndaza ndafuna okunye.
ndaiza kulinga ipasta yamaTaliyane.
Ndaicinga uguba iza kuba nencasa entubululu nencamise ngencasa.
Ndaiza kuyilinga kuba kokhona kutya kuthandwa ngumhlobo wam wenene.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nalo nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo,netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

15 imizuzu

**NDIYENZA**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **ilula**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/i/**-**/l/**-**/u/**-**/l/**-**/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/i/**
5 Isandi esilandelayo: **/l/**
6 Isandi esilandelayo: **/u/**
7 Isandi esilandelayo: **/l/**
8 Isandi sokugqibela: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ilula**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/**-**/lu/**-**/la/** = **ilula**
11 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **cela**



**SENZE**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **luma**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/l/**-**/u/**-**/m/**-**/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/l/**
5 Isandi esilandelayo: **/u/**
6 Isandi esilandelayo: **/m/**
7 Isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **luma**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/lu/**-**/ma/** = **luma**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **uceba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

# Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

## Isifundo Sesibini


### IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKWENZA UMFANEKISO – NGQONDWENI

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Makanganikwa tshiphsi uLomusa**<br><br>ULomusa wangena ekhitshini, elungele ukuya esikolweni. Utata wakhe wayehleli etafileni nodade wabo, owayelundwendwe oluvela eMaputo. Utata kaLomusa wajonga iwotshi yodonga. 'Lixesha lokuba uhambe!' watsho. Wavula ikhabhathi ekhitshini wakhuphela uLomusa ipakethi yetshiphsi enombala we-orenji ukuze ashwamze esikolweni. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** katata ekhangeleka ekhathazekile xa ejonga iwotshi yodonga! Akafuni ukuba uLomusa aliphose ixesha lokufika esikolweni! |
| 'umnikela ntoni ezo zinto?' watsho uAnti Sophia. 'Uyayazi ukuba azinasondlo kwaye aziyilungelanga nempilo!' utata kaLomusa wajonga kudade wabo, emangalisiwe.<br><br>'Kodwa bonke abantwana bayazitya! Watsho.<br><br>'Hayi Luis! Kufuneka uLomusa umnike iprotheni ibe yinto yokushwamza! Iya kumnceda abe nomgqalasela ongcono eklasini. Kwaye iya kumgcina engalambanga ixesha elide!'<br><br>'Ndiyakuva, kodwa asinawo amashwamshwam anjalo thina apha!' waphendula njalo utata kaLomusa. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaAnti Sophia ekhangeleka emangalisekile xa utata kaLomusa emnika ipakethi yeetshiphsi! |
| UAnti Sophia wavula ibhegi yakhe wakhupha iplastiki enemiqwayito emincinci yentlanzi phakathi. 'Ezi zincamise ngencasa kwaye zinesondlo!' watsho uAnti, egqithisa ipakethi kuLomusa ethatha iitshiphsi awayeziphethe. | |
| Ngexesha lekhefu uLomusa wakhupha ipakethana yakhe yentlanzi watya. 'Mhh! Incamise ngencasa,' wacinga njalo.<br><br>Kanye ngelo xesha, amantombazana amabini akwaGreyidi 4 agqitha ehleka ebambe iimpumlo. 'Unuka kakubi!' yakhwaza yatsho enye yawo. ULomusa wakhawuleza wayiphindisela ebhegini intlanzi. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ekhawuleza efihla intlanzi yakhe! Ufanele ukuba uneentloni! |
| Ukuphuma kwesikolo, uLomusa wabuyisela umqwayito wentlanzi kuAnti Sophia. 'Amanye amantombazana athe ndiyanuka ngoku bendiwutya,' watsho uLomusa. 'andifuni kuphinda ndiwuphathe esikolweni kwakhona.' | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** welizwi lika kaLomusa elinokuzimisela ngendlela enzulu njengoko ethetha noAnti. Ufanele ukuba ufuna uAnti ammamele. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngentsasa elandelayo, uLomusa wacela iitshiphsi zokuphatha esikolweni kutata wakhe. Wavula ikhabhathi ekhitshini wamnika ipakethi. | |
| 'Umnikela ntoni ezo zinto?' watsho uAnti Sophia. 'Ndikuxelele ukuba azinasondlo zingenayo nempilo Luis! Kufuneka umnike iprotheni ibe yinto yokushwamza!' uAnti Sophia wabhekabheka ekhitshini. Kwakukho imbiza esitovini inamaqanda agqitywa kubiliswa. 'Amaqanda abilisiweyo ancamise ngencasa! Kwaye ayimpilo!' watsho uAnti Sophia, egqithisela iqanda kuLomusa ethatha iitshiphsi zakhe. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ekhangeleka ekhathazekile xa uAnti Sophia emxelela ukuba makaphathe ishwamshwam elineprotheni. Ufanele ukuba unexhala lokuba uza kuphatha intlanzi kwakhona! |
| Ngexesha lekhefu, uLomusa wachuba iqanda lakhe walitya. 'Mhhh! Lincamise ngencasa,' wacinga njalo.<br><br>Kodwa kanye ngelo xesha amakhwenkwe amabini kaGreyidi 5 adlula ehamba ehleka. 'Kunuka kakubi!' enye inkwenkwe yakhwaza yatsho. ULomusa wakhawuleza walibuyisela ebhegini iqanda lakhe elibilisiweyo. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ezama ukukhawuleza alifihle iqanda lakhe! Ufanele ukuba ufile ziintloni. |
| Ukuphuma kwesikolo, uLomusa wabuyisela iqanda kuAnti Sophia. 'Amakhwenkwe athe ndiyanuka xa nditya le nto,' watsho uLomusa. 'Andifuni kuphinda ndiye namaqanda abilisiweyo esikolweni,' watsho uLomusa. Waza wabaleka waphuma esiya kudlala. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ethetha ngelizwi elinobunzulu! Ufanele ukuba ukhathazekile kuba uqhulwe iintsuku ezimbini zilandelelana! |
| Emva kwemizuzwana embalwa, uAnti Sophia wabiza uLomusa. 'Lomusa, ukutya ngendlela eyimpilo kubalulekile!' watsho. 'Intlanzi namaqanda abilisiweyo ziwulungele umzimba wakho. Ziya kuwenza womelele zincede ingqondo yakho ibe nomgqalasela! Kodwa, ndiyayiqonda into yokuba kunzima ukuqhulwa. Masikhangele into yokushwamza eneprotheni kodwa engenavumba libi,' watsho uAnti Sophia. | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaAnti Sophia eqabelisa isandla sakhe egona uLomusa, aze athethe ngelizwi elisezantsi, elithambileyo. Ufanele ukuba ufuna ukunceda uLomusa azive ngcono! |
| 'Anjani amantongomane?' wabuza uAnti Sophia, ebhekabheka eyadini. 'Abazali bakho banezihlahla ezininzi zamantongomane apha eyadini, kwaye awulungele kakhulu umzimba wakho.'<br><br>'Unyanisile!' watsho uLomusa. 'Ndiyawathanda amantongomane kwaye awanavumba libi! Ndiza kuphatha wona esikolweni, ndize nditye intlanzi namaqanda apha ekhaya. Ndiyabulela Anti!' | Ndiyakwazi **ukuba nomfanekiso-ngqondweni** kaLomusa ekhangeleka echwayitile xa esiva ukuba amantongomane lishwamshwam elinezondlo neprotheni! |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngosuku olulandelayo ngexesha lekhefu, uLomusa wathatha isingxobo esinamantongomane wawatya. Wabhekabheka ngexhala, engazinzanga. Kodwa, akuzange kubekho mntu umqhulayo njengoko wayesitya amantongomane akhe ancamise ngencasa. | **Ndinomfanekiso ngqondweni** kaLomusa ephefumla ethoba ixhala. Ufanele ukuba uziva ekhululekile kuba namhlanje akukho mntu uhlekisa ngaye! |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| Zeziphi iindidi ezintathu zokutya ezineprotheni kweli bali? | Umqwayito wentlanzi, amaqanda namantongomane. |
| Kokuphi ukutya awayeqhulwa ngako xa ekutya uLomusa? | Umqwayito wentlanzi namaqanda. |
| Ucinga ukuba uziva njani uLomusa xa eqhulwa? | Ndicinga ukuba uLomusa uziva... |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Yiba nomfanekiso-ngqondweni kaLomusa esitya amantongomane ngexesha lekhefu! Yintoni eyenza ukuba uLomusa ekugqibeleni athathe isigqibo sokuphatha amantongomane njengento yokushwamza? | • Kuba amantongomane awanavumba libi.<br>• Kuba waqhulwa akuphatha intlanzi namaqanda. Wayengafuni ukuphatha ezo zinto zokushwamza kwakhona, noxa zazinezondlo zinika impilo.<br>• Kuba abazali bakhe babenamantongomane ngemva eyadini.<br>• Kuba uyawathanda amantongomane.<br>• Kuba umamela uAnti wakhe ayiqonde into yokuba kufuneka ashwamze ngeprotheni kunetshiphsi! |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5**.
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** izinto ezimnandi
- kumnandi
- iswekile
- ilekese

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndikuphathele izinto ezimnandi | *Lingisa ubonise into etyiwayo* |
| Zintoni ezo? | *Nyusa amagxa uvule izandla unge uyabuza* |
| Ziiswiti kaloku | *Lingisa unge uxobula iphepha kwiiswiti* |
| Hayi mhlobo wam | *Shukumisa intloko iye macala* |
| Zona zinencasa | *Yiba ngathi unambitha incasa* |
| Kodw'azilunganga | *Shukumisa intloko ubonise ukungavumelani* |
| Amandongomane | *Lingisa ngokungathi kukho nto uyichubayo* |
| Wona ayimpilo | *Yenza amanqindi unyuse iizandla ubonise amandla* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
***Kweli bali……….***
**Eyona ndawo ndiyithandayo ebalini yile……..ngoba……**
**Eli bali liyahambelana nomxholo 'Ukutya ukutya okusempilweni 'ngoba……**

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **u** | **c** | **a** |
| **l** | **e** | **m** |
| **i** | **s** | **o** |
| **b** | | |

#### BONISA ABAFUNDI

1. Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/u/** no **/c/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/c/**-**/u/**-**/l/**-**/a/** = **cula**
5. Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/m/**-**/e/**-**/l/**-**/a/** = **mela**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **u, c**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **umama, usula, luma, ilula, cela, cula, coca, icala, uceba, olo, molo, ilolo, lilo, aba, bala, bila, ibala, lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

IVEKI 5

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / NDENZA UMFANEKISO – NGQONDWENI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1. Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2. Cacisa kubafundi ukuba namhlanje baza kubhala ngento abacinga ibalulekile ebalini.
3. Yenza u**mfuziselo** ubabonisa ngento ocinga ibalulekile ebalini umzkl: ULomusa wahlekwa kuba kutya kwakhe awayekuphethe kwakunuka. Ndinomfanekiso – ngqondweni wakhe ekhathazekile ezama ukufihla ukutya kwakhe ngelixa wonke ubani ekhomba kuhlekwa.
4. Zoba umfanekiso wakho ebhodini ka Lomusa ekhathazekile abanye bemhleka.
5. Yenza umfuziselo usongeza izivakalisi kumzobo umzkl: Ndinomfanekiso – ngqondweni ka Lomusa ekhathazekile abanye bemhleka.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kukhetha into ibenye abaza kwenza umfanekiso –ngqondweni ngayo xa becinga ngebali.
7. Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8. Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9. Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya ze uxhome iibhodi /iitshati ezinamagama asekelwe kumxholo kwitafile yomxholo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yokutya kwababafundi okusempilweni neresiphi zokwenza ukutya okusempilweni.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngeephiramidi zokutya ezahlukeneyo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci zokufunda namaqela; iincwadi ezahlulwe ngokwamabakala okufunda, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala eklasini zikwimeko ephucukileyo nefanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 24 &25, Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 26, Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 27 & 28, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wokutya okuneprotheni ongathanda ukutya!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso wophawu lukaRhulani kwiNcwadi Enkulu yebali: **Amaqanda amatsha ayathengiswa.**
2. Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo: **Ukutya ukutya okusempilweni**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Sikufumana phi ukutya okusempilweni?
   - **b** Yintoni amaqela okutya?
   - **c** Kutheni kubalulekile ukutya ukutya okusempilweni?

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
   - thengisa
   - intengiso
   - uphawu

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndikuphathele izinto ezimnandi | *Lingisa ubonise into etyiwayo* |
| Zintoni ezo? | *Nyusa amagxa uvule izandla unge uyabuza* |
| Ziiswiti kaloku | *Lingisa unge uxobula iphepha kwiiswiti* |
| Hayi mhlobo wam | *Shukumisa intloko iye macala* |
| Zona zinencasa | *Yiba ngathi unambitha incasa* |
| Kodw'azilunganga | *Shukumisa intloko ubonise ukungavumelani* |
| Amandongomane | *Lingisa ngokungathi kukho nto uyichubayo* |
| Wona ayimpilo | *Yenza amanqindi unyuse iizandla ubonise amandla* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1. Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2. Bizela ezi zandi zilandelayo:
   - a **Uu Uu Uu…**
   - b **Cc Cc Cc…**
   - c **umama**
   - d **usula**
   - e **luma**
   - f **ilula**
   - g **cela**
   - h **cula**
   - i **coca**
   - j **uceba**
3. Xa begqibile yalela abafundi bathathe ikhrayoni ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4. Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, unika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

Isivakalisi: ______________________________________________

______________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA ZOBUCHULE EZIPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2. Vula Incwadi Enkulu kwibali: **<u>Amaqanda amatsha ayathengiswa.</u>**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4. Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.

6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha wawuzame ukutya ongakwaziyo, nokutya okutsha ofuna ukukuzama.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini usixelele ngendlela oza kuzama ngayo ukutya okutsha. Umhlathi wokuqala wubhale ngexesha elidlulileyo. Umhlathi wesibini wubhale ngexesha elizayo

**UKULUNGISELELA:**
- Bhala itshekhlisti yokhuhlela ebhodini phambi kokuba siqale isifundo.
- Bhala idrafti yakho ebhodini. Mayibe nempazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**
1. Ingaba ndisebenzise ixesha elidlulileyo kumhlathi wam wokuqala?
2. Ingaba ndisebenzise ixesha elizayo kumhlathi wam wesibini?
3. Ingaba ndizisebenzisile izimelabizo ezifanelekileyo?
4. Ingaba ndiwapele kakuhle onke amagama?
5. Ingaba isivakalisi ngasinye siqala ngoonobumba abakhulu?
6. Ingaba isivakalisi ngasinye siphela ngesingxi?



#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1. Fundela abafundi itshekhlisti, uyicacise.
2. Fundela abafundi idrafti.
3. Khangelani ukuba ingaba idrafti ibhalwe kakuhle, okanye inempazamo ezifuna ukulungiswa.
4. Yenza umfuziselo ubonisa indlela yokulungisa iimpazamo kwidrafti.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUHLELA: (BAYENZA)

1. Nika abafundi **iincwadi zabo zokubhala.**
2. Abafundi mabaye kula drafti bebeyibhalile.
3. Abafundi mabasebenzise itshekhlisti besenza izilungiso zomsebenzi wabo apho kukho imfuneko.
4. Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**
5. Jonga iimpazamo ezifanayo kubhalo lwabafundi uzibhale ebhodini.
6. Abafundi mabakunike inzolo njengoko ubhala ubabonisa ezo mpazamo zifanayo ebhodini.
7. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

**YAZISA NGESANDI**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/d/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/d/**
4 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **nqanda, gqada, idyoko**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **dada, idada, duda, dela, iduma, idama**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3 Cela abafundi balandele emva kwakho.
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________



## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Dd**
2 Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Amaqanda amatsha ayathengiswa**<br><br>Ugogo kaRhulani wayeneenkukhu ezininzi. Iinkukhu zikaGogo zazibeka amaqanda amaninzi.<br><br>'Amaqanda azele iprotheni!' wayesoloko esitsho uGogo. Yonke imihla kusasa, uRhulani kunye nodade wabo uRudzani babesitya amaqanda ngesidlo sakusasa. Ngamanye amaxesha, babesitya ipapa namaqanda ngesidlo sasemini. Noxa kunjalo kwakusoloko kukho amaqanda afihliweyo eyadini yabo. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi usapho lukaRhulani lunamaqanda amaninzi ngaphezu kwalawo luwadingayo. |
| Ngenye imini uRhulani nomhlobo wakhe uDakalo babeleqana bejikeleza, ngempazamo uRhulani wanyathela iqanda. Weva ukrwaba. 'Arha!' wakhwaza njalo uRhulani njengoko ephakamisa unyawo lwakhe ebona ubunyekenyeke beqanda busehla esihlangwini sakhe. Wathi akubonisa uGogo isihlangu sakhe esivuza ubunyekenyeke uRhulani, waphela yintsini. 'Ezi zidenge zeenkukhu zizala amaqanda amaninzi!' watsho. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi usapho lukaRhulani lunamaqanda amaninzi ngaphezu kokuba luwadinga, kuba uGogo akakhange acaphuke uRhulani akunyathela elinye lawo! |
| Ngokuhlwa, uDakalo wahlalela isidlo sangokuhlwa.<br><br>UGogo waphaka ipapa namaqanda.<br><br>'Amaqanda azele yiprotheni enika amandla!' watsho njengoko egqithisa iipleyiti.<br><br>UDakalo wathi nqumama umzuzwana. Waza emva koko watya ebuthandabuza. 'La maqanda ancamise ngencasa!' watsho, 'Andingomntu uwathandayo amaqanda kodwa la enencasa enomehluko!'<br><br>'La avela kwiinkukhu zethu!' wacacisa uRhulani. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi amaqanda amatsha eenkukhu zikaGogo anencasa eyahlukileyo kumaqanda athengiswa evenkileni. |
| Emva kwexesha lokuya kulala, uGogo washiyeka yedwa. Wacinga ngawo onke amaqanda athe chatha ngobuninzi azalise iyadi. Wacinga ngobunyekenyeke beqanda obebusesihlangwini sikaRhulani. Wacinga ngayo yonke iprotheni efumaneka kumaqanda akhe. Wacinga ngento ethethwe nguDakalo. Ngephanyazo kwavela icebo. | **Ndiyacinga ingaba** lithini icebo lakhe? |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Akufika ekhaya uRhulani ngemva kwemini elandelayo, wafika uGogo ephandle nehamile, izikhonkwane, amaplanga kunye nentsimbi, netoti endala yepeyinti.<br><br>'Wenza ntoni?' wabuza uRhulani.<br><br>'Ndakha indawo yokuhlala iinkukhu zethu. Asizi kuphinda kwakhona sibe namaqanda alele esithubeni apho kule yadi, kuba siza kuqala ishishini lokuwathengisa! Ukuba sizigcina iinkukhu zethu intsasa yonke, ziza kuwazalela ngaphakathi amaqanda.' | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ibe licebo likaGogo ukuqala ishishini lamaqanda, kuba benamaqanda amaninzi ngaphezu kwalawo banokuwasebenzisa. |
| Kufuneka senze uphawu ukuze abantu bazi ukuba sithengisa amaqanda!' watsho uRhulani. URhulani wathatha iceba leplanga kwingqumba yamaplanga eyayilapho waza wavula itoti yepeyinti.<br><br>'Ungalibali ukubhala ukuba amaqanda azele iprotheni!' watsho uGogo.<br><br>Wenza ke uphawu lwakhe: *Sithengisa amaqanda ancamise ngencasa, amatsha! Azele yiprotheni eyimpilo!*<br><br>Wapeyinta umzobo wenkukhu namaqanda kolu phawu ukuze lutsale umdla kumntu wonke. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uRhulani ucinga ukuba ishishini lamaqanda licebo elihle, kuba ufuna ukunceda! |
| Ngexesha uRudzani wayefika ekhaya evela esikolweni, indlwana yeenkukhu yayigqityiwe. UGogo noRhulani babexhoma uphawo olubonisayo.<br><br>'Siqala ishishini lamaqanda!' uRhulani wachazela udade wabo.<br><br>'Olu phawu luhle, kodwa luza kubonwa ngabantu abagqitha apha kuphela. Ndiza kwenza amaphetshana esinokuwanika abantu! Watsho.<br><br>Wathatha inqwaba yamaphepha neekhrayoni zakhe. Wachitha ubusuku bonke esenza la maphetshana anemizobo emihle. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uRudzani naye ucinga ukuba ishishini lamaqanda licebo elihle, kuba naye ufuna ukunceda. |
| 'Ungalibali ukupapasha ukuba amaqanda azele yiprotheni!' watsho uGogo. | |
| 'Ndiyayazi enye indlela esinokubhengeza ngayo amaqanda ethu,' watsho uGogo. 'UMnumzana Tshivase uthetha nomntu wonke. Ndiza kumnika amanye amaqanda, ukuze ahambise umpapasho!'<br><br>'Ungalibali ukumxelela ukuba amaqanda azele iprotheni!' watsho uRhulani njengoko uGogo wayephuma ngomnyango. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Emva kweentsukwana ezimbalwa, kwankqonkqozwa emnyango. YayinguDakalo nomama wakhe. 'Ndivile ukuba uthengisa amaqanda,' watsho. 'UDakalo uthe mandithenge awakho amaqanda ndingathengi la asevenkileni! Ndincede undinike idazini!' Wolula isandla wanikeza imali. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi umama kaDakalo ngumthengi wabo wokuqala! |
| Emva kokuba emkile, uRhulani wabuza uGogo ukuba baza kwenza ntoni ngemali.<br>'Uyabona, ndicinga ukuba masikhulise ishishini lethu,' watsho uGogo. 'Masigcine imali sithenge imbewu ukuze sibe nokuthengisa imifuno ezele iivithamin. Ungathanda ukuncedisa sityale oluphi uhlobo lwemifuno?' | **Ndzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uGogo uyalithanda icebo lokuqhuba ishishini, kuba ufuna ishishini labo likhule ngaphaya kokuba lelamaqanda kuphela! |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| Wanyathela ntoni uRhulani? | Wanyathela iqanda eyadini. |
| Wabhala ntoni uRhulani kuphawu awayelwenza? | Wabhala '*Sithengisa amaqanda ancamise ngencasa, amatsha! Azele yiprotheni enempilo!*' |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze ugogo kaRhulani aqale ishishini lamaqanda? | • Kuba babenamaqanda amaninzi bengenakuwasebenzisa onke.<br>• Kuba waqonda ukuba bayawamosha amaqanda.<br>• Kuba uDakalo wahlomla ngendlela anencasa ngayo la maqanda.<br>• Kuba wayesazi ukuba uninzi lwabantu bendawo awayehlala kuyo bangazuza kula maqanda matsha, anempilo. |

IVEKI 6



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- intsha
- uyilo
- amaphetshana okusasaza iindaba

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndikuphathele izinto ezimnandi | *Lingisa ubonise into etyiwayo* |
| Zintoni ezo? | *Nyusa amagxa uvule izandla unge uyabuza* |
| Ziiswiti kaloku | *Lingisa unge uxobula iphepha kwiiswiti* |
| Hayi mhlobo wam | *Shukumisa intloko iye macala* |
| Zona zinencasa | *Yiba ngathi unambitha incasa* |
| Kodw'azilunganga | *Shukumisa intloko ubonise ukungavumelani* |
| Amandongomane | *Lingisa ngokungathi kukho nto uyichubayo* |
| Wona ayimpilo | *Yenza amanqindi unyuse iizandla ubonise amandla* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
**4** Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
**5** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
**6** Abafundi mabanikane inzolo.
**7** Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

IVEKI 6

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

#### YAZISA ISANDI

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/n/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/n/**
4 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **amanzi, gcina, kruna**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **inani, inunu, inene, inesi**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3 Cela abafundi balandele emva kwakho.
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Nn**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Isicwangciso Nedrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha wawuzame ukutya ongakwaziyo, okutsha nangokutya okutsha osaceba ukukuzama

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini usixelele ngendlela oza kuzama ngayo oku ukutya kutsha. Umhlathi wokuqala wubhale ngexesha elidlulileyo. Umhlathi wesibini wubhale ngexesha elizayo

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ndakhe ndazama ……**

**Phambi kokuba ndiyizame…..**

**Yayinencasa………**

**Ekugqibeleni…….**

**Ndiza kuzama…**

**Ndicinga ziza kuba nencasa …..**

**Ndiza kuzama i……..**

**Ndiyakuthanda / Andikuthandi ukuzama ukutya okutsha ngoba……..**

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la drafti yakho ihleliweyo yalungiswa iimpazamo yangoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukulungisa iimpazamo kwidrafti.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje sizakushicilela ze sabelane ngoko sikubhalileyo.
3 Bonisa abafundi indlela obhala ngayo, ufaka umhla nesihloko kubhalo lwakho lokugqibela.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo: **Ukuzama ukutya okutsha.**
3 Abafundi mabakhuphele umbhalo wabo kwiphepha elitsha, bebhala ngaphandle kwempazamo nangokucocekileyo.
4 Ukuba abafund banethuba bangafaka nomzobo kubhalo lwabo.
5 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi uncede abo basokolayo.

**ABAFUNDI BABELANA NGOMSEBENZI WABO**

1. Kwimizuzu embalwa phambi kokuba siphele isifundo, abafundi mababeke phantsi ipeni nepensile zabo.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** befundela abahlobo oko bakubhalileyo.
3. Cela umfundi om-1 ukuya kwaba-2 bafundele iklasi oko bakubhalileyo.
4. Xhoma umsebenzi wababafundi edongeni kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi ukuba bakwazi ukufunda imisebenzi yabanye ukuze babe neengxoxo besebenzisa isigama esitsha.


12 Eyethupha 2020

Ukuzama ukutya okutsha

Ndakhe ndalinga ukutya
kwamaTshayina.
Phambi kokuba ndikulinge, ndandicinga
ukuba andinakukuthanda.
Kwakuvala kwraba-krwaba kuswiti.
Ekugqibeleni ndakuthanda kakhulu
ndaza ndafuna okunye.

Ndiza kulinga ipasta yamaTaliyane.
Ndicinga ukuba iza kuba nencasa
entubululu nencamise ngencasa.
Ndiza kuyilinga kuba kokona kutya
kuthandwa ngumhlobo wam wenene.

IVEKI 6



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **iduma**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/i/**-**/d/**-**/u/**-**/m/**-**/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/i/**
5 Isandi esilandelayo: **/d/**
6 Isandi esilandelayo: **/u/**
7 Isandi esilandelayo: **/m/**
8 Isandi sokugqibela: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **iduma**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/**-**/du/**-**/ma/** = **iduma**
11 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **inani**

**SENZE**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **dela**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/d/**-**/e/**-**/l/**-**/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/d/**
5 Isandi esilandelayo: **/e/**
6 Isandi esilandelayo: **/l/**
7 Isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **dela**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/de/**-**/la/** = **dela**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **inunu**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Isifundo Sesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Amaqanda amatsha ayathengiswa**<br>Ugogo kaRhulani wayeneenkukhu ezininzi. Iinkukhu zikaGogo zazibeka amaqanda amaninzi.<br>'Amaqanda azele iprotheni!' wayesoloko esitsho uGogo. Yonke imihla kusasa, uRhulani kunye nodade wabo uRudzani babesitya amaqanda ngesidlo sakusasa. Ngamanye amaxesha, babesitya ipapa namaqanda ngesidlo sasemini. Noxa kunjalo kwakusoloko kukho amaqanda afihliweyo eyadini yabo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uGogo wondla abantwana bakhe ngamaqanda kuba uyazi ukuba anika impilo. |
| Ngenye imini uRhulani nomhlobo wakhe uDakalo babeleqana bejikeleza, ngempazamo uRhulani wanyathela iqanda. Weva ukrwaba. 'Arha!' wakhwaza njalo uRhulani njengoko ephakamisa unyawo lwakhe ebona ubunyekenyeke beqanda busehla esihlangwini sakhe. Wathi akubonisa uGogo isihlangu sakhe esivuza ubunyekenyeke uRhulani, waphela yintsini. 'Ezi zidenge zeenkukhu zizala amaqanda amaninzi!' watsho. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi iinkukhu zikaGogo zizala amaqanda anempilo amaninzi ngaphaya kokuqonda! |
| Ngokuhlwa, uDakalo wahlalela isidlo sangokuhlwa.<br>UGogo waphaka ipapa namaqanda.<br>'Amaqanda azele yiprotheni enika amandla!' watsho njengoko egqithisa iipleyiti.<br>UDakalo wathi nqumama umzuzwana. Waza emva koko watya ebuthandabuza. 'La maqanda ancamise ngencasa!' watsho, 'Andingomntu uwathandayo amaqanda kodwa la enencasa enomehluko!'<br>'La avela kwiinkukhu zethu!' wacacisa uRhulani. | |
| Emva kwexesha lokuya kulala, uGogo washiyeka yedwa. Wacinga ngawo onke amaqanda athe chatha ngobuninzi azalise iyadi. Wacinga ngobunyekenyeke beqanda obebusesihlangwini sikaRhulani. Wacinga ngayo yonke iprotheni efumaneka kumaqanda akhe. Wacinga ngento ethethwe nguDakalo. Ngephanyazo kwavela icebo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ukukrotyozwa kweqanda nguRhulani nokuthandwa kwamaqanda akhe nguDakalo kwenze uGogo wacinga nzulu ngamaqanda akhe amaninzi angasetyenziswayo. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Akufika ekhaya uRhulani ngemva kwemini elandelayo, wafika uGogo ephandle nehamile, izikhonkwane, amaplanga kunye nentsimbi, netoti endala yepeyinti.<br><br>'Wenza ntoni?' wabuza uRhulani.<br><br>'Ndakha indawo yokuhlala iinkukhu zethu. Asizi kuphinda kwakhona sibe namaqanda alele esithubeni apho kule yadi, kuba siza kuqala ishishini lokuwathengisa! Ukuba sizigcina iinkukhu zethu intsasa yonke, ziza kuwazalela ngaphakathi amaqanda.' | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uGogo ebengafuni ukuba amaqanda akhe anencasa nayimpilo ahambe nje, kuba uthathe isigqibo sokuba enze utshintsho! |
| Kufuneka senze uphawu ukuze abantu bazi ukuba sithengisa amaqanda!' watsho uRhulani. URhulani wathatha iceba leplanga kwingqumba yamaplanga eyayilapho waza wavula itoti yepeyinti.<br><br>'Ungalibali ukubhala ukuba amaqanda azele iprotheni!' watsho uGogo.<br><br>Wenza ke uphawu lwakhe: *Sithengisa amaqanda ancamise ngencasa, amatsha! Azele yiprotheni eyimpilo!*<br><br>Wapeyinta umzobo wenkukhu namaqanda kolu phawu ukuze lutsale umdla kumntu wonke. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uRhulani ufanele ukuziva echwayitile ngecebo elihle likaGogo, kuba wenza uphawu lombhalo ukunceda ekuthengiseni amaqanda abo. |
| Ngexesha uRudzani wayefika ekhaya evela esikolweni, indlwana yeenkukhu yayigqityiwe. UGogo noRhulani babexhoma uphawo olubonisayo.<br><br>'Siqala ishishini lamaqanda!' uRhulani wachazela udade wabo.<br><br>'Olu phawu luhle, kodwa luza kubonwa ngabantu abagqitha apha kuphela. Ndiza kwenza amaphetshana esinokuwanika abantu! Watsho.<br><br>Wathatha inqwaba yamaphepha neekhrayoni zakhe. Wachitha ubusuku bonke esenza la maphetshana anemizobo emihle. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uRudzani naye ufanele ukuziva echwayitile ngeshishini elitsha likaGogo kuba uchithe ixesha elininzi esenza amaphetshana okulazisa. |
| 'Ungalibali ukupapasha ukuba amaqanda azele yiprotheni!' watsho uGogo. | |
| 'Ndiyayazi enye indlela esinokubhengeza ngayo amaqanda ethu,' watsho uGogo. 'UMnumzana Tshivase uthetha nomntu wonke. Ndiza kumnika amanye amaqanda, ukuze ahambise umpapasho!'<br><br>'Ungalibali ukumxelela ukuba amaqanda azele iprotheni!' watsho uRhulani njengoko uGogo wayephuma ngomnyango. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi kuluncedo ukubhengeza ishishini elitsha ngeendlela ezininzi ezahlukileyo, kuba uGogo ufuna ukuhambisa iindaba noxa uRudzani enze amaphetshana okulazisa. |

IVEKI 6

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Emva kweentsukwana ezimbalwa, kwankqonkqozwa emnyango. YayinguDakalo nomama wakhe. 'Ndivile ukuba uthengisa amaqanda,' watsho. 'UDakalo uthe mandithenge awakho amaqanda ndingathengi la asevenkileni! Ndincede undinike idazini!' Wolula isandla wanikeza imali. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi konke ukubhengeza kwabo ngamaqanda anempilo kuyaqala ngoku ukusebenza, kuba banomthengi nje emva kweentsukwana ezimbalwa. |
| Emva kokuba emkile, uRhulani wabuza uGogo ukuba baza kwenza ntoni ngemali.<br>'Uyabona, ndicinga ukuba masikhulise ishishini lethu,' watsho uGogo. 'Masigcine imali sithenge imbewu ukuze sibe nokuthengisa imifuno ezele iivithamin. Ungathanda ukuncedisa sityale oluphi uhlobo lwemifuno?' | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ukuqala ishishini elinye kunganceda ukwenza imali efunekayo yokuqala elinye! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Singazithathela njani isigqibo ngokulandela ibali sithi uRhulani noRudzani balithanda icebo likaGogo? | • Kuba bobabini bafuna ukumnceda aqale ishishini elo.<br>• Kuba bobabini bachitha ixesha bemncedisa ukubhengeza ishishini elitsha. |
| Benza njani uRhulani, uRudzani, noGogo ukubhengeza ishishini labo? | Benza uphawu oluchazayo, namaphetshana ezaziso nangokuchaza lomlomo. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze umama kaDakalo eze kuthenga amaqanda? | • Kuba uDakalo wawathanda amaqanda amatsha, anempilo eenkukhu zikaGogo.<br>• Kuba uGogo waqala ishishini lokuthengisa amaqanda akhe angawasebenzisiyo.<br>• Kuba konke ukubhengeza kwabo kwakusebenza! |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesine wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufundaokanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama.
- usomashishini
- ishishini
- umthengi

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndikuphathele izinto ezimnandi | *Lingisa ubonise into etyiwayo* |
| Zintoni ezo? | *Nyusa amagxa uvule izandla unge uyabuza* |
| Ziiswiti kaloku | *Lingisa unge uxobula iphepha kwiiswiti* |
| Hayi mhlobo wam | *Shukumisa intloko iye macala* |
| Zona zinencasa | *Yiba ngathi unambitha incasa* |
| Kodw'azilunganga | *Shukumisa intloko ubonise ukungavumelani* |
| Amandongomane | *Lingisa ngokungathi kukho nto uyichubayo* |
| Wona ayimpilo | *Yenza amanqindi unyuse iizandla ubonise amandla* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali …..…
Ndicinga uRhulani u ……ngoba …….
Ndicinga ukuba eli bali libhalelwe ukundifundisa…………

2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

4 Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

5 Abafundi mabakunike inzolo.

6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

7 Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.

8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

IVEKI 6

## Izandi Zopelo:

15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **d** | **n** | **a** |
| **l** | **e** | **m** |
| **i** | **s** | **o** |
| **b** | **u** | **c** |

#### BONISA ABAFUNDI

1. Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/d/** no **/n/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/d/**-/**e**/-/**l**/-/**a**/ = **dela**
5. Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/c/**-/**e**/-/**l**/-/**a**/ = **cela**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **d, n**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **dada, idada, duda, dela, iduma, idama, inani, inunu, inene, inesi, umama, usula, luma, ilula, cela, cula, coca, icala, uceba, olo, molo, ilolo, lilo, aba, bala, bila, ibala, lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ YENZA UMFANEKISO NGQONDWENI**

**UKUBALISA OKANYE UKUBHALA ISISHWANKATHELO NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisa ukuba namhlanje siza kucinga *ngezona ndawo zibalulekileyo apha ebalini*. Siza kuphinde sicinge ngento ebesinokufuna ukuyithenga ngemali ukuba besinguRhulani
2. Bhala ifreyimu yesishwankathelo sebali ebhodini.
3. Abafundi mabasebenzise ifreyimu ukuphendula imibuzo:
   **Eli bali lingo**… (izivakalisi ezi – 2 ukuya kwezi – 3)
   **Ndiyithandile…**
   **Ndicinga uRhulani noGogo kumele bathenge i…**
4. Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
5. Yenza umfuziselo ubonisa owakho umzekelo yithi: ***Eli bali lingo*** *Rhulani nosapho lwakhe beqala ishishini labo lamaqanda.* **Ndiyithandile la ndawo** *yokuba wonke umntu unento ayenzileyo ekuncendiseni ukuqala ishishini.* ***Ndicinga uRhulani noGogo kumele bathenge*** imbewu zomthi wepesika.
6. Bonisa abafundi imifanekiso kwincwadi enkulu.
7. Nika abafundi ixesha lokucinga ngetekisi.
8. Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngabakushwankathileyo nomhlobo. (**Abafundi mababelane ngezabo iingcinga bangaphindi oko bekutshiwo ngutitshala!**)
9. Abafundi mabakunike inzolo.
10. Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
11. Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali linge*** *zinto zonke uRhulani azenzileyo nosapho lwakhe ukuqala ishishini lamaqanda. Siyithandile into yokuba uGogo, uRhulani no Rhudzani babe nemincili ngeli shishini liza kuqalwa. Sicinga ukuba uRhulani noGogo kumele bathenge imbewu ukuze imifuno yabo izo kukhula msinyane.*

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki 15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya ze uxhome iibhodi /iitshati zakho zokuhombisa, iindonga zomxholo amagama asekelwe kumxholo ze ulungise neetafile yakho esekelwe kumxholo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Yongeza izinto kumxholo wakho ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yabafundi bakho bebonakala bekhathazekile okanye besoyika, imifanekiso yezinto ezinokusenza siziva sikhathazekile.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngendlela zokulawula uloyiko okanye ukukhathazeka.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci zokufunda namaqela iincwadi ezahlulwe ngokwamabakala okufunda, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala eklasini zikwimeko ephucukileyo nefanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 30 – 34, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 36,Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 37 – 39,Masenzeni

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso w**ento ekwenza uzive usoyika.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umphandle wencwadi kwiNcwadi Enkulu yebali: **UZweli ukhathazekile**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ukukhathazeka nokoyika**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Yintoni ekwenza uzive ukhathazekile?
   - **b** Yintoni ekwenza uzive usoyika?
   - **c** Ngubani okhathazekayo?
   - **d** Ngubani owoyikayo?

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
   - ukhathazekile
   - ukukhathazeka
   - ukoyika

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Intliziyo yam yona ibuhlungu | *Beka isandla esifubeni ekhohlo uze ubeke umnwe ezantsi kweliso ngalinye ubonise iinyembezi* |
| Ndithi ndakucinga | *Beka isandla ecaleni lentloko unge uyacinga* |
| Zihle iinyembezi | *Beka umnwe ezantsi kweliso ngalinye wehlise ubonisa iinyembezi* |
| Ndakuhlala phantsi | *Lingisa unge uhlala phantsi* |
| Ndithathe umoya | *Phefumlela phezulu kube kanye* |
| Kutsho kube ngcono | *Beka izandla esifubeni uzehlise macala unge uphungula okungaphakathi* |

IVEKI 7

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1. Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2. Bizela ezi zandi zilandelayo:
   a **Dd Dd Dd…**
   b **Nn Nn Nn…**
   c **idada**
   d **duda**
   e **dela**
   f **iduma**
   g **inani**
   h **inunu**
   i **inene**
   j **inesi**
3. Xa begqibile yalela abafundi bathathe ikhrayoni ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4. Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, unika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA ZOBUCHULE EZIPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2. Vula Incwadi Enkulu kwibali: **UZweli ukhathazekile**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4. Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Isicwangciso Nedrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha apho wawuziva ukhathazekile okanye usoyika.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini yezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi-8 ezakuba yingxenye yalwa ncwadi esihloko sithi: **Ngamanye amaxesha siziva sikhathazekile sisoyika.**

**ICEBO LOKUPLANA:** Yenza uluhlu.

#### YAZISA NGESIHLOKO ESIZAKUBHALWA

1 Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2 Cacisa iingcinga zakho zebali ngolu hlobo: *Ndaziva ndikhathazekile ngokuya utata wam wayegula. Wayesesibhedlele. Ndandicinga nokuba angasweleka. Yonke imihla ndandikhathazekile kuba ndingangamboni. Zange ndakhathazeka kangakaya ebomini bam.*

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)

1 Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2 Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3 Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.

| **Imibuzo** | **iPlani** |
|---|---|
| ***Umhlathi woku-1***<br>**1** Yintoni eyakwenza wakhathazeka waze woyika?<br>**2** Kwakutheni ukuze ukhathazeke woyike ?<br>**3** Wawucinga ntoni ngoku wawukhathazekile?<br>**4** Wawucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ?<br>***Umhlathi wesi-2***<br>**1** Yintoni eyenzekayo ?<br>**2** Yintoni eyakunceda ukuba wohlise umoya ?<br>**3** Bakunceda njani ukuze wehlise umoya ?<br>**4** Yintoni eyakwenza uyeke ukukhathazeka okanye woyike ?<br>**5** Kwakunjani ukukhathazeka okanye ukoyika ? | ***Umhlathi woku-1***<br>**1** Utata wam wayegula, wayelele esibhedlele.<br>**2** Kukubona utata wam egula.<br>**3** Ndandicinga ukuba andizukuphinda ndimbone utata wam kwakhona, ndandicinga ukuba akazukuphuma esibhedlele.<br>**4** Ndandicinga angasweleka.<br>***Umhlathi wesi-2***<br>**1** Utata wam wahlala esibhedlele efumana uncedo,wade wangcono.<br>**2** Ngokuya utata wayesesibhedlele,umama nodadewethu bandenza ndaziva ndibhetele<br>**3** Umama nodadewethu babethetha nam bendimamela.<br>**4** Wathi utata wakuphuma esibhedlele ndayeka ukukhathazeka..<br>**5** Kwakusoyikeka kwakukubi. |

## ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)

1. Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngela thuba baziva bekhathazekile okanye besoyika.
2. Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3. Bonisa abafundi ifremu yeplani ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4. Banike **incwadi zokubhala**
5. Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6. Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**

Isicwangciso


Umhlathi 1

1. Ubhuti wam wophuke ingalo
2. Bendikhathazekile kukubona ubhuti wam elila.
3. Bendicinga ukuba ingalo kabhuti iya kuhlala ibuhlungu.
4. Bendicinga ukuba abazi kukwazi ukuyilungisa ingalo yakhe.

Umhlathi 2

1. Ubhuti uye kwagqirha kwafuneka enze uqhaqho engalweni yakhe.
2. Ngexesha ubhuti ebesenza uqhaqho, umama kunye nomongikazi bamncede waziva ngcono.
3. Bamcacisele into eza kwenzeka nokuba ingalo yakhe iza kuba ngcono.
4. Ubhuti ebebotshwe ngebhandeji elibukekayo waza wandivumela ukuba ndaibhale kulo.
5. Bekusoyikisa oko.

IVEKI 7



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lizo kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 iimizuzu

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

**YAZISA NGESANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/t/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/t/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **umntwana, intwaso, intsika**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **iti, itoti, utata, itutu, ititi**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 Imizuzu

### Ukubhala Oonobumba Abatsha /Amagama/ Izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Tt**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala: Ufundo Lokuqala


15 imizuzu

### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: KHANGELA KWITEKISI

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UZweli ukhathazekile**<br><br>UZweli wavuka kusasa eziva enxaniwe. Inyanga yayiqaqambile esibhakabhakeni ibonakala ngefestile yakhe. Weva ilizwi likamama wakhe livela ekhitshini.<br><br>'Ndiyacinga ingaba uthetha nabani umama ebusuku kangaka?' wacinga njalo uZweli. Waphuma ezingubeni waza wakroba emnyango.<br><br>'Andamkelanga,' wamva umama wakhe esitsho.<br><br>'Owu Nkosi yam,' wacinga njalo uZweli.<br><br>Xa umama engamkelanga, siza kutya njani?' | Weva **ntoni** uZweli? Weva umama wakhe esithi akamkelanga. |
| UZweli wabuyela ebhedini. Wavala amehlo, kodwa abuzange buhle ubuthongo.<br><br>'Ukuba umama akamkelanga, uza kuzihlawulela njani izinto eziyimfuno kuthi?' kwamkhathaza oku uZweli.<br><br>Waguquka waguquka ebhedini. | **Kutheni** uZweli engakwazi kulala? Oo!, **ndifunda** ukuba uZweli akakwazi kulala kuba ukhathazekile kumandlalo wakhe! |
| Kusasa, uZweli walungiselela ukuya esikolweni. Wanxiba ijezi yakhe. Wajonga umngxuma omkhulu owawusengqinibeni.<br><br>'Ndiza kuyifumana njani ijezi entsha?'Kwamkhathaza oku uZweli.<br><br>UZweli wajonga izihlangu zakhe. Zazimqinisa.<br><br>'Ndicinga ukuba ndiza kufuna izihlangu ezitsha kungekudala,' wacinga njalo. 'Kodwa ndiza kuzifumana njani izihlangu xa umama engamkeli?' kwamkhathaza oku uZweli. | Ukhathazwa **yintoni** uZweli? Ndifunda ukuba uZweli ukhathazwa kukuba umama wakhe akazi kuba nako ukumthengela ijezi entsha nezihlangu kuba akamkelanga. |
| Esikolweni, uZweli wakhupha ipensile kubhaka wakhe. Ipensile yakhe yayisiba mfutshane kakhulu.<br><br>'Kungekudala, ipensile yam iza kuba ncinci ndingakwazi kuyisebenzisa!' wacinga njalo. 'Ndiya kwenza njani xa umama engakwazi kundithengela pensile?' kwamkhathaza oku. | **Yintoni** ekhathaza uZweli? Oo, usizana olunguZweli lukhathazekile kuba ipensile yakhe iye isiba ncinci kakhulu! Ukhathazwa kukuba umama wakhe engazi kuba nako ukumthengela ipensile entsha kuba akamkelanga. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ekupheleni kwemini, uMnu Maboya wanika iabantwana abathile iileta.<br>'Ezi leta zezabazali benu,' watsho uMnumzana Maboya.<br>Uzweli wafunda isihloko: 'Intlawulo yesikolo.'<br>'Uphantse wasesiphelweni unyaka!'watsho uMnumzana Maboya. 'Ndicinga ukuba kungekudala niya kuba nikwiklasi entsha notitshala omtsha.' Yabetha intsimbi. | Wanikwa **ntoni** uZweli nguMnumzana Maboya? Oo, **ndifunda** ukuba uMnumzana Maboya unika uZweli ileta ukuba anike umama wakhe! |
| UZweli wahamba wagoduka.<br>'Uza kuyibhatala njani intlawulo yesikolo umama?'kwamkhathaza oku uZweli. 'Ndiya kuthini ukuba andikwazi kuya esikolweni kulo nyaka uzayo?' wacinga ezibuza njalo.<br>UZweli wayesithanda isikolo. Le ngcinga yamenza wafuna ukukhala. | **Yintoni** ekhathaza uZweli ngoku? UZweli ukhathazwa kukuba umama wakhe akazi kuba nako ukubhatala intlawulo yakhe yesikolo. |
| Wathi akufika ekhaya uZweli, wanikeza ileta kumama wakhe. 'Heke,' watsho. 'Ndisanda kwamkela namhlanje.'<br>'Bendicinga ukuba akwamkelanga nje?' wabuza uZweli.<br>'Ubuyive nini ke leyo?' wabuza umama kaZweli.<br>'Ndikuve usitsho efowunini,' watsho.<br>UZweli wayenexhala lokuba umama wakhe uya kuba nomsindo.<br>'Zweli, ndihlawulwe ngeentsukwana nje emva kwexesha,' wacacisa umama wakhe. | Wamkele **nini** umama kaZweli? **Ndifunda** ukuba wamkele namhlanje! |
| Ngobo busuku, xa ekhwela ebhedini umama wakhe wangena egumbini lakhe. Wabeka isandla sakhe kwigxalaba likaZweli.<br>'Zweli, ndiza kukunakekela,' watsho. 'Musa ukuba nexhala. Umsebenzi wakho kukusebenza nzima esikolweni, unakekele izinto zakho, uze undincedise apha endlwini. Lala ke ngoku."<br>Waza umama kaZweli wamphuza.<br>Okokuqala imini yonke, uZweli wayengenaxhala lanto. | Umama kaZweli uthe makazikhathaze **ngantoni?** |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| Ngubani owayethetha efowunini? | Umama kaZweli wayethetha efowunini. |
| UZweli wamva esithini umama wakhe? | Wamva esithi akamkelanga. |
| Wabanika ntoni abafundi uMnumzana Maboya? | Wabanika ileta ethi 'intlawulo yesikolo.' |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Yintoni eyayikhathaza uZweli? | • UZweli wayekhathazekile kuba weva umama wakhe esithi akamkelanga.<br>• Wayekhathazekile kuba yonke into ihlawulwa ngumama wakhe.<br>• Wayekhathazekile kuba wayengazi kuyifumana ijezi entsha.<br>• Wayekhathazekile kuba kungekudala uza kudinga izihlangu ezitsha.<br>• Wayekhathazekile kuba uza kudinga ipensile entsha kungekudala.<br>• Wayekhathazekile kuba ucinga ukuba umama akazi kukwazi ukubhatala intlawulo yesikolo.<br>• Wayekhathazekile kuba engazi kuba nako ukuya esikolweni.<br>• Wayekhathazekile kuba umama wakhe uza kuvutha ngumsindo kuba umamele incoko yakhe yefowuni. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 7

# Ngolwesithathu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
- thuthuzela
- themba
- ukuva iindaba ebezingazi kuwe

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Intliziyo yam yona ibuhlungu | *Beka isandla esifubeni ekhohlo uze ubeke umnwe ezantsi kweliso ngalinye ubonise iinyembezi* |
| Ndithi ndakucinga | *Beka isandla ecaleni lentloko unge uyacinga* |
| Zihle iinyembezi | *Beka umnwe ezantsi kweliso ngalinye wehlise ubonisa iinyembezi* |
| Ndakuhlala phantsi | *Lingisa unge uhlala phantsi* |
| Ndithathe umoya | *Phefumlela phezulu kube kanye* |
| Kutsho kube ngcono | *Beka izandla esifubeni uzehlise macala unge uphungula okungaphakathi* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
**4** Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
**5** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
**6** Abafundi mabanikane inzolo.
**7** Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

**YAZISA ISANDI**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/k/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/k/**
4 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **kruna, ukutya, hleka**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **kama, kubi, ikati, isikolo**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3 Cela abafundi balandele emva kwakho.
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Kk**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha apho wawuziva ukhathazekile okanye usoyika.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini yezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi-8 ezakuba yingxenye yalwa ncwadi esihloko sithi: **Ngamanye amaxesha siziva sikhathazekile sisoyika.**

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ndaziva ndikhathazekile …….. (bhala ngentoo eyakwenza uzive ukhathazekile okanye usoyika)**

**Ndandisoyika / ndikhathazekile ngoba…..(cacisa ukuba kwakutheni ukuze ukhathazeke/ woyike)**

**Ndandicinga………(bhala iingcinga zakho)**

**Ekugqibeleni…….(bhala ngokwenzakayo)**

**Ndaziva ndingcono …….(bhala ngokwenzekayo ukuze uzive ungcono)**

**Ukukhathazeka/ ukoyika…..(bhala ngendlela owaziva ngayo emva kwako konke)**

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la plani ubuyenze ngoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngala plani ubuyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho le ibhalwe ebhodini.
3. Okulandelayo fundela abafundi ifreyimu yokubhala.
4. Bonisa abafundi indlela ogqibezala ngayo iplani yakho ngolu hlobo,
   ***Ndaziva ndikhathazekile*** *ngokuya utata wam wayegula. Wayegula kangangokuba kwafuneka eye esibhedlele.* ***Ndandikhathazekile*** *kuba ndandicinga ukuba utata wam akazuphuma esibhedlele.* ***Ndandicinga*** *nokuba angasweleka.*
   ***Ekugqibeleni*** *utata wabangcono Wabuya esibhedlele.* ***<u>Ndaziva</u> ngcono*** *xa umama odadewethu bdndivumela ndibalse indlela endandikhathazeke ngayo***.** *Kuyanceda ukuthetha ngeemvakalelo zakho.* ***Ukukhathazeka*** *yimvakalelo ebuhlungu kakhulu.*

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo**: Ibali lam:Idrafti**
3. **A**bafundi mabaye kula plani yabo yangoMvulo bacinge ngabazakubhala.
4. Aabafundi mabangoze izivakalisi besenzisa ifreyimu yokubhala.

IVEKI 7

5 Abafundi mabafake iinkcukacha njengoko bebhala izivakalisi.
6 Khumbuza abafundi ukuba basebenzisa izixhobo xe bebhala, njengamagama abonwayo kunye

19 Eyethupha 2020

Isiqephu sami: osahlongozwa

bendinexhala / ndisoyika ubuti akophuka ingalo.

Bendinexhala / ndisoyika kuba ndicinge ukubha ingalo yakhe iyakuhlala yophukile. Bendicinga ukuba oogcirha angekhe bakwazi ukulungisa ingalo kabuti.

ekugqibeleni ubuti uye wenziwa uqhaqho engalweni yakhe.

Ndizive ngcono xa umama kunye nomongikazi becacisa into eza kwenzeka nokuba ingalo yakhe iza guba ngcono.

Ixhala lalindenza ndoyike kakhulu.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo,netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

**1** Chonga igama olifundise ngolwesibini
**2** Biza eligama: **utata**
**3** Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: /**u**/-/**t**/-/**a**/-/**t**/-/**a**/
**4** Yithi isandi sokuqala: /**u**/
**5** Isandi esilandelayo: /**t**/
**6** Isandi esilandelayo: /**a**/
**7** Isandi esilandelayo: /**t**/
**8** Isandi sokugqibela: /**a**/
**9** Bhala igama elipheleleyo: **utata**
**10** Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: /**u**/-/**ta**/-/**ta**/ = **utata**
**11** Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **ikati**

**SENZE**

**1** Chonga igama olifundise ngolwesibini
**2** Libize eligama: **ititi**
**3** Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: /**i**/-/**t**/-/**i**/-/**t**/-/**i**/
**4** Yithi isandi sokuqala: /**i**/
**5** Isandi esilandelayo: /**t**/
**6** Isandi esilandelayo: /**i**/
**7** Isandi esilandelayo: /**t**/
**8** Isandi sokugqibela: /**i**/
**9** Bhala igama elipheleleyo: **ititi**
**10** Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: /**i**/-/**ti**/-/**ti**/ = **ititi**
**11** Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **kubi**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

# Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

## Isifundo Sesibini Ufundo Lwesibini


### IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDA: KHANGELA KWITEKISI

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UZweli ukhathazekile</u>**<br><br>UZweli wavuka kusasa eziva enxaniwe. Inyanga yayiqaqambile esibhakabhakeni ibonakala ngefestile yakhe. Weva ilizwi likamama wakhe livela ekhitshini.<br><br>'Ndiyacinga ingaba uthetha nabani umama ebusuku kangaka?' wacinga njalo uZweli. Waphuma ezingubeni waza wakroba emnyango.<br><br>'Andamkelanga,' wamva umama wakhe esitsho.<br><br>'Owu Nkosi yam,' wacinga njalo uZweli.<br><br>Xa umama engamkelanga, siza kutya njani?' | **Yintoni** eyenza uZweli akhathazeke? Uva umama wakhe esithi akamkelanga. Uziva ekhathazekile ngendlela azakwenza ngayo umama wakhe ukuhlawulela zonke izinto azidingayo ingekho imali. |
| UZweli wabuyela ebhedini. Wavala amehlo, kodwa abuzange buhle ubuthongo.<br><br>'Ukuba umama akamkelanga, uza kuzihlawulela njani izinto eziyimfuno kuthi?' kwamkhathaza oku uZweli.<br><br>Waguquka waguquka ebhedini. | **Bekutheni** ukuze uZweli aguquke ebhedini? Zweli uguquguquka kuba kukho okumkhathazayo okungamlalisiyo. |
| Kusasa, uZweli walungiselela ukuya esikolweni. Wanxiba ijezi yakhe. Wajonga umngxuma omkhulu owawusengqinibeni.<br><br>'Ndiza kuyifumana njani ijezi entsha?'Kwamkhathaza oku uZweli.<br><br>UZweli wajonga izihlangu zakhe. Zazimqinisa.<br><br>'Ndicinga ukuba ndiza kufuna izihlangu ezitsha kungekudala,' wacinga njalo. 'Kodwa ndiza kuzifumana njani izihlangu xa umama engamkeli?' kwamkhathaza oku uZweli. | **Kutheni** ekhathazekile ngejezi nezihlangu uZweli? Ndiyabona ukuba uZweli uyakhula ngoko uza kudinga ijezi entsha nezihlangu ezitsha kungekudala. Ufanele ukuba ukhathazekile kuba umama wakhe nguye omthengela zonke izinto ezintsha azidingayo, kodwa ucinga ukuba akanamali. |
| Esikolweni, uZweli wakhupha ipensile kubhaka wakhe. Ipensile yakhe yayisiba mfutshane kakhulu.<br><br>'Kungekudala, ipensile yam iza kuba ncinci ndingakwazi kuyisebenzisa!' wacinga njalo. 'Ndiya kwenza njani xa umama engakwazi kundithengela pensile?' kwamkhathaza oku. | **Kutheni** uZweli ekhathazekile ngepensile? UZweli udinga ipensile ukuze aqhube kakuhle esikolweni. Ufanele ukuba iyamkhathaza into yokuba engazi kuba nepensile entsha eyidinga. |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ekupheleni kwemini, uMnu Maboya wanika iabantwana abathile iileta.<br>'Ezi leta zezabazali benu,' watsho uMnumzana Maboya.<br>Uzweli wafunda isihloko: 'Intlawulo yesikolo.'<br>'Uphantse wasesiphelweni unyaka!'watsho uMnumzana Maboya. 'Ndicinga ukuba kungekudala niya kuba nikwiklasi entsha notitshala omtsha.' Yabetha intsimbi. | |
| UZweli wahamba wagoduka.<br>'Uza kuyibhatala njani intlawulo yesikolo umama?'kwamkhathaza oku uZweli. 'Ndiya kuthini ukuba andikwazi kuya esikolweni kulo nyaka uzayo?' wacinga ezibuza njalo.<br>UZweli wayesithanda isikolo. Le ngcinga yamenza wafuna ukukhala. | **Kutheni** uZweli ekhathazekile ngentlawulo yesikolo? Oo, uZweli ukhathazekile kukuba angasiyeka isikolo xa umama wakhe engenako ukubhatala. Ucinga ngezona zinto zimbi zinokuthi zehle. |
| Wathi akufika ekhaya uZweli, wanikeza ileta kumama wakhe. 'Heke,' watsho. 'Ndisanda kwamkela namhlanje.'<br>'Bendicinga ukuba akwamkelanga nje?' wabuza uZweli.<br>'Ubuyive nini ke leyo?' wabuza umama kaZweli.<br>'Ndikuve usitsho efowunini,' watsho.<br>UZweli wayenexhala lokuba umama wakhe uya kuba nomsindo.<br>'Zweli, ndihlawulwe ngeentsukwana nje emva kwexesha,' wacacisa umama wakhe. | **Kutheni** ukuze uZweli azive othukile? Imini yonke uZweli ebekhathazekile kuba eve umama wakhe esithi akamkelanga. Kodwa ngoku, ufumanisa ukuba wamkele! Oku kuyamothusa. |
| Ngobo busuku, xa ekhwela ebhedini umama wakhe wangena egumbini lakhe. Wabeka isandla sakhe kwigxalaba likaZweli.<br>'Zweli, ndiza kukunakekela,' watsho. 'Musa ukuba nexhala. Umsebenzi wakho kukusebenza nzima esikolweni, unakekele izinto zakho, uze undincedise apha endlwini. Lala ke ngoku."<br>Waza umama kaZweli wamphuza.<br>Okokuqala imini yonke, uZweli wayengenaxhala lanto. | |

IVEKI 7

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| UZweli wavuswa yintoni ? | UZweli wavuka kuba wayenxaniwe |
| Yintoni eyayisenza uZweli angakwazi kulala? | Kwakukho into emkhathazayo. Ngamanye amaxesha kuba nzima ukulala xa kukho into ekukhathazayo. |
| Kwakutheni ukuze umama kaZweli athi kuye 'ndiza kukunakekela?' | Kuba wayefuna uZweli ayeke ukuzikhathaza. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze othuke uZweli? | • UZweli wothuka ukuba umama wakhe wamkele.<br>• UZweli wothuka ukuba umama wakhe wamkele yena ebecinga ukuba akamkelanga.<br>• UZweli wothuka ukuba kungekho xhala lakubhatalwa kwentlawulo yesikolo ngumama wakhe.<br>• UZweli wothuka ukuba ekupheleni kwakungekho nto wayenexhala layo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesine wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama.
- ukuthula
- ukukroba
- ukuguquguquka

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Intliziyo yam yona ibuhlungu | *Beka isandla esifubeni ekhohlo uze ubeke umnwe ezantsi kweliso ngalinye ubonise iinyembezi* |
| Ndithi ndakucinga | *Beka isandla ecaleni lentloko unge uyacinga* |
| Zihle iinyembezi | *Beka umnwe ezantsi kweliso ngalinye wehlise ubonisa iinyembezi* |
| Ndakuhlala phantsi | *Lingisa unge uhlala phantsi* |
| Ndithathe umoya | *Phefumlela phezulu kube kanye* |
| Kutsho kube ngcono | *Beka izandla esifubeni uzehlise macala unge uphungula okungaphakathi* |



### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
***Kweli bali……….***
**Ndaziva ndikhathazekile ngokuya uZweli waye……..**
**Eli bali liyahambelana nomxholo 'Ukukhathazeka nokoyika 'ngoba……**

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **t** | **k** | **a** |
| **l** | **e** | **m** |
| **i** | **s** | **o** |
| **b** | **u** | **c** |
| **d** | **n** | |

#### BONISA ABAFUNDI

1. Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/t/** no **/k/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/i/-/k/-/a/-/t/-/i/** = **ikati**
5. Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/d/-/a/-/d/-/a/** = **dada**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **t, k**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **iti, itoti, utata, itutu, ititi, kama, kubi, ikati, isikolo, dada, idada, duda, dela, iduma, idama, inani, inunu, inene, inesi, umama, usula, luma, ilula, cela, cula, coca, icala, uceba, olo, molo, ilolo, lilo, aba, bala, bila, ibala, lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ YENZ AUMFANEKISO-NGONDWENI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1. Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2. Cacisa kubafundi ukuba namhlanje baza kubhala benze **umfanekiso-ngqondweni** ngento abacinga ibalulekile ebalini.
3. Yenza u**mfuziselo** ubabonisa ngento ocinga ibalulekile ebalini umzkl: UZweli weva umama wakhe ethetha efowunini. Emveni kokuva ezo ndaba waziva ekhathazekile.
4. Zoba umfanekiso wakho ebhodini ka Zweli emamele iindaba zikamama wakhe ekhathazekile.
5. Yenza **umfuziselo** usongeza izivakalisi kumzobo umzkl: UZweli uva indaba zikamama wakhe. **Ndinomfanekiso – ngqondweni** ka Zweli ekhathazekile.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kukhetha into ibenye abaza kwenza **umfanekiso –ngqondweni** ngayo xa becinga ngebali.
7. Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8. Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9. Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda** 7.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya ze uxhome iibhodi /iitshati zakho zokuhombisa, iindonga zomxholo amagama asekelwe kumxholo ze ulungise neetafile yakho esekelwe kumxholo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Yongeza izinto kumxholo wakho ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: zoba umfanekiso wezinto ezenza uzive unexhala okanye usoyika.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngendlela abafundi abanokufunda ukuba bathrobe amaxhala nokoyika.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci zokufunda namaqela iincwadi ezahlulwe ngokwamabakala okufunda, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala eklasini zikwimeko ephucukileyo nefanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngelaxesha ngela xesha wenza uhlolo kubafundi. kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 40, Masifunde

& 41,Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 42+ 43,Masenze

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 44+45,Masifunde

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso w**ento ekwenza ube nexhala.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1 Bonisa abafundi umfanekiso kaKhanani enxibe imaski kwiNcwadi eNkulu kwibali: **Imaski entsha kaKhanani**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu: **Ukukhathazeka nokoyika**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: Senifunde *ntoni ngalo mxholo oko siwuqalile?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Singenza ntoni ukwehlisa amaxhala ?
   b Ngubani osithuthuzelayo xa sisoyika?
   c Singenza ntoni xa siziva sinexhala ?
   d Singenza ntoni xa siziva sisoyika?

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
- imaski
- intsholongwane
- isifo esikho elizweni jikelele

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Intliziyo yam yona ibuhlungu | *Beka isandla esifubeni ekhohlo uze ubeke umnwe ezantsi kweliso ngalinye ubonise iinyembezi* |
| Ndithi ndakucinga | *Beka isandla ecaleni lentloko unge uyacinga* |
| Zihle iinyembezi | *Beka umnwe ezantsi kweliso ngalinye wehlise ubonisa iinyembezi* |
| Ndakuhlala phantsi | *Lingisa unge uhlala phantsi* |
| Ndithathe umoya | *Phefumlela phezulu kube kanye* |
| Kutsho kube ngcono | *Beka izandla esifubeni uzehlise macala unge uphungula okungaphakathi* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi zilandelayo:
   a **Tt Tt Tt…**
   b **Kk Kk Kk…**
   c **itoti**
   d **utata**
   e **itutu**
   f **ititi**
   g **kama**
   h **kubi**
   i **ikati**
   j **isikolo**
3 Xa begqibile yalela abafundi bathathe ikhrayoni ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, unika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

#### INDLELA ZOBUCHULE EZIPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2 Vula Incwadi Enkulu kwibali: **<u>Imaski entsha kaKhanani</u>**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube sekugqibeleni, ungemi.

## Ukubhala: Ukuhlela

ISIHLOKO:

**ISIHLOKO:** Bhala ngento onokuyenza ukunceda uluntu lwakho ze wenze nomhlaba indawo engcono.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi emibini. Ubhala izivakalisi ezi-6 ukuya kwezi-8. Ezizakufakwa kula ncwadi yeklasi ebizwa ngokuba: **Ngamanye amaxesha ndiziva ndikhathazekile kwaye ndisoyika.**

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhlisti yokhuhlela ebhodini phambi kokuba siqale isifundo.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo. Mayibe nempazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**

1 **Ingaba ndibhalile ngexesha apho ndaziva ndikhathazekile okanye ndisoyika.**
2 **Ingaba ndisebenzise ixesha elidlulileyo ukubhala izivakalisi zam.**
3 **Ingaba ndibhalile izivakalisi ezi-6 ukunyuka ?**
4 **Ingaba ndiwapele kakuhle amagama?**
5 **Ingaba izivakalisi zam ziqala ngonobumba abakhulu ?**
6 **Ingaba izivakalisi zam ziphela ngesingxi.**

### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1 Fundela abafundi itshekhlisti, uyicacisa.
2 Fundela abafundi idrafti.
3 Khangelani ukuba ingaba idrafti ibhalwe kakuhle, okanye inempazamo ezifuna ukulungiswa.
4 Yenza umfuziselo ubonisa indlela yokulungisa iimpazamo kwidrafti.

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUHLELA: (BAYENZA)


1 Nika abafundi **iincwadi zabo zokubhala.**
2 Abafundi mabaye kula drafti bebeyibhalile.
3 Abafundi mabasebenzise itshekhlisti belungisa umsebenzi, ngokwenza izilungiso.
4 Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**
5 Jonga iimpazamo ezifanayo kubhalo lwabafundi.

6 Abafundi mabakunike inzolo njengoko ubhala ubabonisa ezo mpazamo zifanayo ebhodini.
7 Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.

19 Eyethupha 2020

Isiqephu sami: osahlongozwa

bendinexhala / ndisoyika ubuti akophuka ingalo.
Bendinexhala / ndisoyika kuba ndicinge ukubha ingalo yakhe iyakuhlala yophukile. Bendicinga ukuba oogcirha angekhe bakwazi ukulungisa ingalo kabuti.
ekugqibeleni ubuti uye wenziwa uqhaqho engalweni yakhe.
Ndizive ngcono xa umama kunye nomongikazi becacisa into eza kwenzeka nokuba ingalo yakhe iza guba ngcono.
Ixhala lalindenza ndoyike kakhulu.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lizo kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 iimizuzu

### Yazisa Isandi Esitsha Namagama

**YAZISA NGESANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/f/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/f/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **iitafile, imhemfu, ifani**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **fola, funa, ufifi, faka, ifani**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ff**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO**

| iTekisi | Ufundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Imaski entsha kaKhanani**<br>UKhanani nomama wakhe bangena eteksini yabo. UKhanani uqhele ukufunqulwa ngumama wakhe okanye azinyakathise phakathi kwabakhweli. Kodwa namhlanje, iteksi yayingazelanga. UKhanani waqaphela ukuba abanye abantu eteksini babenxibe iimaski zobuso. UKhanani wacinga ukuba babesoyikeka. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uKhanani akakuqhelanga ukubona abantu abanxibe iimaski zobuso. Ngamanye amaxesha izinto esingaziqhelanga zingabonakala zisoyikeka. |
| UKhanani nomama wakhe bangena esuphamakethi. Kwafuneka belinde emgceni omde. Ekugqibeleni xa befika emnyango, kwakukho indoda enxibe imaski iphethe ibhotile ethsithsizayo. UKhanani wacinga ukuba iyoyikeka. | |
| UKhanani watshela emkhonweni kamama wakhe. 'Yintoni leya?'<br>'Sisibulali-ntsholongwane sesandla,' watsho umama wakhe, esolula isandla sakhe. Indoda yemaski yathsithsizela isibulali-ntsholongwane esandleni sikamama kaKhanani. UKhanani wolula izandla zakhe yaza le ndoda yoyikekayo yazithsitshiza nazo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi akuqhelekanga ukubona umntu ophethe isibulali – ntsholongwane sesandla esuphamakethi. Ngamanye amaxesha, izinto ezintsha ziyoyikisa. |
| Njengoko uKhanani nomama wakhe babehamba hamba phakathi esuphamakethi, waqaphela ukuba uninzi lwabantu lunxibe iimaski zobuso. Wayengazange wakha wabona mntu unxibe imaski zobuso ngaphambili, ngoko ke kutheni abantu abaninzi bezinxibile namhlanje, wacinga njalo emangele. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uKhanani akaqondi ukuba kutheni abantu benxibe iimaski zobuso. Ngamanye amaxesha izinto esingaziqondiyo zikhangeleka zisoyikeka. |
| Endleleni egodukayo, uKhanani wabuza umama wakhe ngeemaski. 'Mama, kutheni abantu abaninzi kangaka benxibe eza maski namhlanje?'<br>'Andiqinisekanga,' waphendula njalo umama wakhe, 'Ndicinga ukuba bayoyikeka!' | Naye umama kaKhanani ucinga ukuba imaski iyoyikeka! **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi abantu abadala nabo banokuzoyika izinto abangaziqondiyo – ingengabo abantwana bodwa. |
| UKhanani wayevuya kuba umama wakhe wayevumelana naye. Kodwa, wayedidekile. Wayenqwenela ukuba athi kanti umama wakhe wayesazi isizathu seemaski. | |


IVEKI 8

| iTekisi | Ufundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ethubeni ngaloo mva kwemini, uKhanani wayephandle ezoba esantini xa wabona ixhego linemaski lisiza ngakuye. Wacinga ukuba liyoyikeka. Wabalekela ngasendlwini.<br><br>Kodwa uKhanani wema xa esiva kukho umntu obiza igama lakhe. Wabheka wajonga. Umntu awambonayo yayilixhego eloyikekayo elinemaski. Lalisondela. UKhanani waqaphela intonga yokusimelela eqhelekileyo kunye nezihlangu ezidala ezibrawuni. 'Owu! Molo Mnumzana Maluka! Andikhange ndiqonde ukuba nguwe lo unale maski yoyikekayo!' wagigitheka. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi enye yezinto ezenza imaski yoyikeke kukuba akabonakali kakuhle lowo uyinxibileyo! |
| UKhanani wabaleka waya kuMnumzana Maluka ukuze amncede aqabele esituphini, kodwa wolula isandla wathi, 'Yima apho ungedluli! Uyazi kufuneka sigcine umgama ngeli xesha kukho intsholongwane esasazekayo – ukuze sigcine abanye bekhuselekile,' watsho.<br><br>'Kutheni unganxibanga imaski?' wabuza uMnumzana Maluka ngelizwi elingqongqo.<br><br>'Mna?' wabuza uKhanani edidekile.<br><br>'Ewe, ndinxibe imaski ukuze ndikhusele wena kwiintsholongwane, kwaye nawe ufanele ukunxiba imaski ukhusele mna!' watsho.<br><br>'Bendingayazi loo nto!' wavuma uKhanani. 'Ndingayifumana phi mna?'<br><br>'Yima apha,' watsho uMnumzana Maluka esiya ngasendlwini yakhe. | Oo! UKhanani ude wayiqonda ekugqibeleni ukuba kutheni abantu benxiba iimaski – benzela ukuzikhusela bakhusele nabanye kwiintsholongwane! **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi iimaski zinokungakhangeleki zisoyikeka kuKhalani emva kokuba enolu lwazi. |
| UMnumzana Maluka waphuma endlwini yakhe ephethe itshefu kunye neerabha ezitsalekayo zokubophelela ezimbini. Wahlala esituphini kwakhe waza wabonisa uKhanani indlela yokusonga itshefu usebenzise iirabha ezitsalwayo wenze imaski. | |

| iTekisi | Ufundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Thatha nanga amatshefu acocekileyo kunye neerabha ezitsalwayo, zezakho nomama wakho,' watsho uMnumzana Maluka, ezishiyela uKhanani apho esituphini. 'Kufuneka nobabini nizinxibe xa niphumela ngaphandle. Ndiyakukhusela – uyandikhusela!'<br><br>Wathi akungena endlwini uMnumzana Maluka, uKhanani wathatha amatshefu kunye neerabha ezitsalwayo.<br><br>'Mama,'watsho, ' Ndifuna ukubonisa into ebalulekileyo! Ndibone uMnumzana Maluka kwaye ebenxibe imaski yobuso esenzela ukukhusela thina. Uthe kufuneka nathi sinxibe iimaski sikhusele yena!' | **Ndiyacinga ingaba** uKhanani nomama wakhe baza kuzinxiba iimaski xa bephinda besiya esuphamakethi? |
| UKhanani wabonisa umama wakhe indlela yokusonga itshefu ngeerabha ezitsalwayo ukwenza imaski yobuso, kanye ngohlobo awayenze ngalo uMnumzana Maluka. Emva koko wabonisa umama wakhe indlela enxitywa ngayo imaski yobuso. | |
| UKhanani nomama wakhe bazijonga esipilini. UKhanani wacinga ngendlela iimaski zabo ezaziza kunceda ngayo ukukhusela abanye abamalwane. Wagqiba ekubeni iimaski zobuso ithe kanti azoyikeki. | **Ndithatha isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uKhanani uziqonda ngcono iimaski ngoku, ngoko azikhangeleki zisoyikisa njengakuqala! |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Wafundiswa ngubani uKhanani ngeemaski? | Ummelwane kaKhanani, uMnumzana Maluka wamfundisa ngeemaski. |
| Wanikwa ntoni uKhanani nguMnumzana Maluka? | Wamnika iirabha ezitsalwayo kunye manatshefu ukuze azenzele eyakhe imaski. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uKhanani abaleke xa ebona uMnumzana Maluka? | • Kuba wayengazi ukuba nguMnumzana Maluka.<br>• Kuba uMnumzana Maluka wayenxibe imaski ngoko ke uKhanani akazange amqonde.<br>• Kuba uKhanani wayecinga ukuba abantu abanxibe iimaski bayoyikeka.<br>• Kuba uKhanani wayecinga ukuba yayingumntu angamaziyo onxibe imaski eyoyikekayo. |

IVEKI 8



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. Ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesigama somxholo.
- Isicoci sezandla
- ukutshiza
- qaphela
- khusela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Intliziyo yam yona ibuhlungu | *Beka isandla esifubeni ekhohlo uze ubeke umnwe ezantsi kweliso ngalinye ubonise iinyembezi* |
| Ndithi ndakucinga | *Beka isandla ecaleni lentloko unge uyacinga* |
| Zihle iinyembezi | *Beka umnwe ezantsi kweliso ngalinye wehlise ubonisa iinyembezi* |
| Ndakuhlala phantsi | *Lingisa unge uhlala phantsi* |
| Ndithathe umoya | *Phefumlela phezulu kube kanye* |
| Kutsho kube ngcono | *Beka izandla esifubeni uzehlise macala unge uphungula okungaphakathi* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

1 Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
4 Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
5 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
6 Abafundi mabanikane inzolo.
7 Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

#### YAZISA ISANDI

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/g/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/g/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **igama, imbongi, bathenga**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **gada, gula, goba, igila, igama, igaba**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Gg**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala ngela xesha apho wawuziva ukhathazekile okanye usoyika.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini yezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi-8 ezakuba yingxenye yalwa ncwadi esihloko sithi: **Ngamanye amaxesha ndiziva ndikhathazekile ndisoyika.**

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ndaziva ndikhathazekile …….. (bhala ngentoo eyakwenza uzive ukhathazekile okanye usoyika)**

**Ndandisoyika / ndikhathazekile ngoba…..(cacisa ukuba kwakutheni ukuze ukhathazeke/ woyike)**

**Ndandicinga………(bhala iingcinga zakho)**

**Ekugqibeleni…….(bhala ngokwenzakayo)**

**Ndaziva ndingcono …….(bhala ngokwenzekayo ukuze uzive ungcono)**

**Ukukhathazeka/ ukoyika…..(bhala ngendlela owaziva ngayo emva kwako konke)**

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la drafti yakho ihleliweyo yalungiswa iimpazamo yangoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukulungisa iimpazamo kwidrafti.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje sizakushicilela ze sabelane ngoko sikubhalileyo.
3. Bonisa abafundi indlela obhala ngayo, ufaka umhla nesihloko kubhalo lwakho lokugqibela.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Abafundi mababhale umhla nesihloko: **Ngexesha endaziva ndikhathazekile/ ndisoyika.**
3. Abafundi mabakhuphele umbhalo wabo kwiphepha elitsha, bebhala ngaphandle kwempazamo nangokucocekileyo.
4. Ukuba abafund banethuba bangafaka nomzobo kubhalo lwabo.
5. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi uncede abo basokolayo.

**ABAFUNDI BABELANA NGOMSEBENZI WABO**

1. Kwimizuzu embalwa phambi kokuba siphele isifundo, abafundi mababeke phantsi ipeni nepensile zabo.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** befundela abahlobo oko bakubhalileyo.
3. Xa abafundi begqibile cela umfundi om-1 ukuya kwaba-2 bafundele iklasi oko bakubhalileyo.
4. Dibanisa yonke imibhalo yabafundi wenze incwadi. Le ncwadi mayibekwe pha kula kona ine ncwadi zokufunda kwigumbi lokufundela.


26 Eyethupha 2020

Ngamanye amaxesha siziva sixhalabile sinoloyiko

Bendinexhala / ndisoyika ubhuti akophuka ingalo.
Bendinexhala / ndisoyika kuba ndicinge ukuba ingalo yakhe iyakuhlala yophukile. Bendicinga ukuba oogqirha angekhe bakwazi ukulungisa ingalo kabhuti.

Ekugqibeleni ubhuti uye wenziwa uqhaqho engalweni yakhe.
Ndizive ngcono xa umama kunye nomongikazi becacisa into eza kwenzeka nokuba ingalo yakhe iza kuba ngcono.
Ixhala lalindenza ndoyike kakhulu.

IVEKI 8



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo,netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

15 imizuzu

### NDIYENZA

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **funa**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/f/**-/**u**/-/**n**/-/**a**/
4 Yithi isandi sokuqala: **/f/**
5 Isandi esilandelayo: **/u/**
6 Isandi esilandelayo: **/n/**
7 Isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **funa**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/fu/**-/**na**/ = **funa**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **goba**

### SENZE

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **fola**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/f/**-/**o**/-/**l**/-/**a**/
4 Yithi isandi sokuqala: **/f/**
5 Isandi esilandelayo: **/o/**
6 Isandi esilandelayo: **/l/**
7 Isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **fola**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/fo/**-/**la**/ = **fola**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **igila**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

IVEKI 8

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Isifundo Sesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Imaski entsha kaKhanani**<br><br>UKhanani nomama wakhe bangena eteksini yabo. UKhanani uqhele ukufunqulwa ngumama wakhe okanye azinyakathise phakathi kwababakhweli. Kodwa namhlanje, iteksi yayingazelanga. UKhanani waqaphela ukuba abanye abantu eteksini babenxibe iimaski zobuso. UKhanani wacinga ukuba babesoyikeka. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi eli libali elingobhubhane weNtsholongwane iKhorona yowama – Ngexesha lalo bhubhane, iiteksi zazingavumelekanga ukuba zigcwale ngababakhweli. |
| UKhanani nomama wakhe bangena esuphamakethi. Kwafuneka belinde emgceni omde. Ekugqibeleni xa befika emnyango, kwakukho indoda enxibe imaski iphethe ibhotile ethsithsizayo. UKhanani wacinga ukuba iyoyikeka. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi eli bali lingobhubhane weNtsholongwane iKhorona, kuba eli kuphela kwexesha endakhe ndabona ngalo abantu besima emgceni xa bengena esuphamakethi! |
| UKhanani watshela emkhonweni kamama wakhe. 'Yintoni leya?'<br><br>'Sisibulali-ntsholongwane sesandla,' watsho umama wakhe, esolula isandla sakhe. Indoda yemaski yathsithsizela isibulali-ntsholongwane esandleni sikamama kaKhanani. UKhanani wolula izandla zakhe yaza le ndoda yoyikekayo yazithsitshiza nazo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi eli bali lifanele ukuba lingobhubhane weNtsholongwane iKhorona, kuba phambi kokufika kwale ntsholongwane, andizange ndabona abantu benikisa ngesibulala-ntsholongwane. |
| Njengoko uKhanani nomama wakhe babehamba hamba phakathi esuphamakethi, waqaphela ukuba uninzi lwabantu lunxibe iimaski zobuso. Wayengazange wakha wabona mntu unxibe imaski zobuso ngaphambili, ngoko ke kutheni abantu abaninzi bezinxibile namhlanje, wacinga njalo emangele. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi eli bali lifanele ukuba lenzeka ngexesha likabhubhane weNtsholongwane iKhorona, kuba urhulumente wayalela wonke umntu ukuba anxibe imaski ikokokuqala oko kusenzeka! |
| Endleleni egodukayo, uKhanani wabuza umama wakhe ngeemaski. 'Mama, kutheni abantu abaninzi kangaka benxibe eza maski namhlanje?'<br><br>'Andiqinisekanga,' waphendula njalo umama wakhe, 'Ndicinga ukuba bayoyikeka!'<br><br>UKhanani wayevuya kuba umama wakhe wayevumelana naye. Kodwa, wayedidekile. Wayenqwenela ukuba athi kanti umama wakhe wayesazi isizathu seemaski. | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ethubeni ngaloo mva kwemini, uKhanani wayephandle ezoba esantini xa wabona ixhego linemaski lisiza ngakuye. Wacinga ukuba liyoyikeka. Wabalekela ngasendlwini.<br><br>Kodwa uKhanani wema xa esiva kukho umntu obiza igama lakhe. Wabheka wajonga. Umntu awambonayo yayilixhego eloyikekayo elinemaski. Lalisondela. UKhanani waqaphela intonga yokusimelela eqhelekileyo kunye nezihlangu ezidala ezibrawuni. 'Owu! Molo Mnumzana Maluka! Andikhange ndiqonde ukuba nguwe lo unale maski yoyikekayo!' wagigitheka. | |
| UKhanani wabaleka waya kuMnumzana Maluka ukuze amncede aqabele esituphini, kodwa wolula isandla wathi, 'Yima apho ungedluli! Uyazi kufuneka sigcine umgama ngeli xesha kukho intsholongwane esasazekayo – ukuze sigcine abanye bekhuselekile,' watsho.<br><br>'Kutheni unganxibanga imaski?' wabuza uMnumzana Maluka ngelizwi elingqongqo.<br><br>'Mna?' wabuza uKhanani edidekile.<br><br>'Ewe, ndinxibe imaski ukuze ndikhusele wena kwiintsholongwane, kwaye nawe ufanele ukunxiba imaski ukhusele mna!' watsho.<br><br>'Bendingayazi loo nto!' wavuma uKhanani. 'Ndingayifumana phi mna?'<br><br>'Yima apha,' watsho uMnumzana Maluka esiya ngasendlwini yakhe. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi eli bali liqhubeka ngexesha likabhubhane weNtsholongwane iKhorona ngowama – 2020, kuba kwakungafunekanga sisondelane kakhulu nabamelwane bethu. Kwakufuneka sibambe umgama – ngale ndlela uMnumzana Maluka ayalela uKhanani ukuba ayenze. |
| UMnumzana Maluka waphuma endlwini yakhe ephethe itshefu kunye neerabha ezitsalekayo zokubophelela ezimbini. Wahlala esituphini kwakhe waza wabonisa uKhanani indlela yokusonga itshefu usebenzise iirabha ezitsalwayo wenze imaski. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uMnumzana Maluka ufanele ukuba ukuthatha njengento engqongqo ukunxitywa kweemaski kuba mdalana. Intsholongwane iKhorona inobungozi ngakumbi kubantu abadala kakhulu. |
| 'Thatha nanga amatshefu acocekileyo kunye neerabha ezitsalwayo, zezakho nomama wakho,' watsho uMnumzana Maluka, ezishiyela uKhanani apho esituphini. 'Kufuneka nobabini nizinxibe xa niphumela ngaphandle. Ndiyakukhusela – uyandikhusela!' | Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi eli bali lingemithetho emitsha eyaziswa ngexesha likabhubhane wentsholongwane ikhorona. Ndicinga ukuba eminye yemithetho emitsha ibonakala ibhidisa kwaye isoyikeka. |

IVEKI 8

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Wathi akungena endlwini uMnumzana Maluka, uKhanani wathatha amatshefu kunye neerabha ezitsalwayo.<br>'Mama,'watsho, ' Ndifuna ukubonisa into ebalulekileyo! Ndibone uMnumzana Maluka kwaye ebenxibe imaski yobuso esenzela ukukhusela thina. Uthe kufuneka nathi sinxibe iimaski sikhusele yena!' | |
| UKhanani wabonisa umama wakhe indlela yokusonga itshefu ngeerabha ezitsalwayo ukwenza imaski yobuso, kanye ngohlobo awayenze ngalo uMnumzana Maluka. Emva koko wabonisa umama wakhe indlela enxitywa ngayo imaski yobuso. | |
| UKhanani nomama wakhe bazijonga esipilini. UKhanani wacinga ngendlela iimaski zabo ezaziza kunceda ngayo ukukhusela abanye abamalwane. Wagqiba ekubeni iimaski zobuso ithe kanti azoyikeki. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ulwazi oluthe chatha lwenza izinto ezintsha zoyikeka kancinane! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Waziva njani uKhanani akubona abantu abanxibe iimaski? | Waziva esoyika. |
| Ungacinga ngexesha apho kwakukho into eyayikwenza woyike kuba ungayiqondi? | |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| **Singazithathela njani isigqibo ngokulandela ibali** sithi eli bali lingobhubhane weNtsholongwane iKhorona yowama 2020? | • Kuba ngexesha lalo bhubhane iiteksi zazongavumelekanga ukuba zigcwale.<br>• Kuba ngexesha lalo bhubhane, abantu baxelelwa ukuba banxibe iimaski.<br>• Kuba ngexesha lalo bhubhane, babengavunyelwa abantu ukuba bangene bonke ngaxeshanye esuphamakethi – kwakumiwa emgceni ukuze ungene phakathi.<br>• Kuba ngexesha lalo bhubhane, abantu kwakufuneka bahcoce izandla zabo amaxesha amaninzi. Emnyango kwivenkile nganye kwakukho umntu onesibulali-ntsholongwane sesandla.<br>• Kuba ngexesha lalo bhubhane, kwakukho imithetho emininzi emitsha. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesine wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini uzo kusebenza nalo.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama.
- Itshefu
- umgama
- isilumkiso

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Intliziyo yam yona ibuhlungu | *Beka isandla esifubeni ekhohlo uze ubeke umnwe ezantsi kweliso ngalinye ubonise iinyembezi* |
| Ndithi ndakucinga | *Beka isandla ecaleni lentloko unge uyacinga* |
| Zihle iinyembezi | *Beka umnwe ezantsi kweliso ngalinye wehlise ubonisa iinyembezi* |
| Ndakuhlala phantsi | *Lingisa unge uhlala phantsi* |
| Ndithathe umoya | *Phefumlela phezulu kube kanye* |
| Kutsho kube ngcono | *Beka izandla esifubeni uzehlise macala unge uphungula okungaphakathi* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
**Kweli bali………..**
**Eli bali liyahambelana nomxholo 'Ukukhathazeka nokoyika 'ngoba……**
**Ukuqala kwam ukubona umntu onxibe imaski nda……..**

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi banikane amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| f | g | a |
| l | e | m |
| i | s | o |
| b | u | c |
| d | n | k |

**BONISA ABAFUNDI**

1 Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/f/** no **/g/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4 Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/i/-/g/-/a/-/m/-/a/ = igama**
5 Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/k/-/a/-/m/-/a/ = kama**

**OKWENZIWA NGABAFUNDI**

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **f, g**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **fola, funa, ufifi, faka, ifani, gada, gula, goba, igila, igama, igaba, kama, kubi, ikati, isikolo, dada, idada, duda, dela, iduma, idama, inani, inunu, inene, inesi, umama, usula, luma, ilula, cela, cula, coca, icala, uceba, olo, molo, ilolo, lilo, aba, bala, bila, ibala, lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**



**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________


## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**UKUBALISA OKANYE UKUBHALA ISISHWANKATHELO NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1 Cacisa ukuba namhlanje siza kucinga *ngezona ndawo zibalulekileyo apha ebalini*.
2 Bhala ifreyimu yesishwankathelo sebali ebhodini.
3 Abafundi mabasebenzise ifreyimu ukuphendula imibuzo:
**Eli bali lingo**… (izivakalisi ezi – 2 ukuya kwezi – 3)
**Ndiyithandile………..**
**Ndifunde ukuba ukunxiba imaski kubalulekile ngoba……..**
4 Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
5 Yenza umfuziselo ubonisa owakho umzekelo yithi: ***Eli bali lingo*** *Khanani ngela xesha wayeqala ukubona abantu benxibe imaski. Phofu naye ngokwakhe eqala ukunxiba imaski.* ***Ndiyithandile la ndawo*** *yokuba uKhanani wazenzela imaski yakhe.* ***Ndifunde ukuba ukunxiba imaski kubalulekile ngoba*** *kusikhusela kwiintsholongwane***.**
6 Bonisa abafundi imifanekiso kwincwadi enkulu.
7 Nika abafundi ixesha lokucinga ngetekisi.
8 Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngabakushwankathileyo nomhlobo. **(Abafundi mababelane ngezabo iingcinga bangaphindi oko bekutshiwo ngutitshala!)**
9 Abafundi mabakunike inzolo.
10 Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
11 Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali lingo*** *Khanani ngela xesha wayeqala ukunxiba imaski. UKhanani wabonisa umama wakhe indlela yokwenza imaski njengoko naye wayebonisiwe nguMnu Maluka.* ***Sifunde ngokubaluleka bokunxiba imaski*** *ngoba kusikhusela kwiintsholongwane***.**



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8**.
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala uzo lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini uzo lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki 15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe nokungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo, ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso okanye iiposikhadi zezinye iindawo,iincwadana zokundwendwela, imifanekiso yeendawo zokukhenketha ezidumileyo apha eMzantsiAfrika njenge Ntaba yeTafile,nepaki yezilwanyana iKruger.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo. Umzekelo: phanda ngezizathu ezenza abantu bathande ukukhenketha.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala zethala eklasini leklasi zikwimeko ephucukileyo efanelekileyo.
8. Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda notitshala encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9. Cwangcisa imisebenzi yeveki kuhlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 46& 47, Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 48, Masifunde nama 49 Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 50 & 51, Masenzeni

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wendawo ongathanda ukuyityelela!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi eNkulu kwibali: **Iiholide zobusika**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ezinye iindawo**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Sihlala kweliphi ilizwe ?
   - **b** Ngawaphi amazwe aqunge ilizwe lwethu ?
   - **c** Ngawaphi amanye amazwe owaziyo ?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho usebenzisa igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yesiGama soMxholo.
   - ilizwe
   - ukukhenketha
   - ukundwendwela
   - iposikhadi

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thina ekhaya | *Beka izandla esifubeni uzivule ubuye uzidibanise unge uquka abanye* |
| Sibheka eKapa | *Misa izandla ngaphambili unge uqhuba imoto* |
| Sobona ulwandle | *Khomba ngeminwe emibini emehlweni* |
| Siqubhe kamnandi | *Lingisa ngathi uyaqubha* |
| Sichole oonokrwece | *Lingisa unge uyacholachola* |
| Sondlale itawuli | *Lingisa unge wondlala itawuli* |
| Singqengqe esantini | *Beka izandla zozibini ecaleni entloko unge uyangqengqa* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
  a **Ff Ff Ff…**
  b **Gg Gg Gg…**
  c **fola**
  d **funa**
  e **ufifi**
  f **faka**
  g **gada**
  h **gula**
  i **goba**
  j **igama**
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

Isivakalisi: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

#### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: UQIKELELO

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Iiholide zobusika**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bazokufumana bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungamanga ungemanga.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Isicwangciso Nedrafti

**ISIHLOKO:** Zenzele umfanekiso ngqondweni undwendwele indawo ekude. Bhalela umntu omthandayo iposikhadi umbalisela ngale ndawo.

**UMSEBENZI:** Bhala ileta enezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.

**ICEBO LOKUPLANA:** Yenza uluhlu.

#### YAZISA NGESIHLOKO ESIZAKUBHALWA:

1 Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2 Cacisa iingcinga zakho zeposikhadi ngolu hlobo: *Yhu! Azininzi iindawo endibawela ukuzindwendwela. Kodwa ndiyayazi kumele ndikhethe ibenye ….. ndicinga ndiza kukhetha iiphiramidi kuba yeyona ndawo endicinga indinika umdla.*

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)

1 Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2 Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3 Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.

| Imibuzo | iPlani |
|---|---|
| **1** Uzakubhalela bani ?<br>**2** Uza kundwendwela phi ?<br>**3** Yintoni enika umdla ngale ndawo?<br>**4** Ungenza ntoni xa unokuya kule ndawo?<br>**5** Ungaziva njani ?<br>**6** Kutheni ubhalela lo mntu umkhethileyo? | **1** Umhlobo wam uPeter.<br>**2** Iiphiramidi zaseJiphethe.<br>**3** Ezi phiramidi zakhiwa kudala. Ndicinga zinika umdla kuba zinkulu kwaye zinokungaqondakali njengokuba kusekho imibuzo ngendlela ezakhiwa ngayo.<br>**4** Ndifuna ukukhwela inkamela ndijikeleze iphiramidi.<br>**5** Ndonwabile<br>**6** Kuba ndifuna eze naye. |


#### ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)

1 Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngokutya okutsha abakuzamileyo, baphinde bacinge ngokutya abaceba ukukuzama!

2 Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3 Bonisa abafundi ifremu yeplani ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4 Banike **incwadi zokubhala**
5 Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6 Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**

## Isicwangciso

1. Umhlobo wam uRachel.
2. ISun City
3. ISun City inemitshibilizi emininzi, ukualala esantini nokuqubha.
4. Ndiyakutshibilika kuyo yonke imitshibilizi, ndialale esantini ze ndiqubhe.
5. Ndinochulumanco kwaye ndonwabile
6. Akwaba ebeza kuza nam.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi i wokuFunda 9**.
2 Cacisa uMsebenzi **wangoMvulo woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Isandi Nesandi Esitsha: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya Izandi Ezifundiweyo

**YAZISA ISANDI**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/j/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/j/**
4. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **jika, joja, ijaji**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **jama, jika, ijoko, ijaji, ijezi, joja**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3. Cela abafundi balandele emva kwakho.
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Jj**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu


### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUDIBANISA IMEKO**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Iiholide zobusika**<br>Ngomso iya kube ilusuku lokuqala lokubuyela esikolweni emva kweeholide zobusika. UZweli wabengezelisa izihlangu zakhe. Wapakisha ubhaka wesikolo. UZweli wayemngxamele ngamandla ungomso | Xa ndichwayitile, ndilungisa kwangethuba, **njengo**Zweli. |
| Kusasa uZweli wabaleka ukuya esikolweni.<br>Akufika, wabona uSimone koojingi.<br>'Molo Zweli! Ubuye phi kwezi holide? Wambuza.<br>'Bendihleli ekhaya,'waphendula watsho uZweli. 'Wena ubuye phi?'<br>'Bendindwendwele u-anti eMaputo, watsho. 'Ingaba wakhe waya apho?'<br>'Hayi,' watsho uZweli. 'Kunjani apho?'<br>'Kukho izakhiwo eziphakamileyo,' watsho. Kwaye ulwandle ekuqujwa kulo lukufutshane! Ndibone nolwandlekazi!'<br>'Wowu,' watsho uZweli. 'Ndiyafuna ukuya.' | Jonga olu lwandle! Luhle. Ndingathanda ukuya elwandle kunokuhlala ekhaya! |
| Wafika uTafadzwa ebaleka apha koojingi. 'Molweni manene!' wabulisa.<br>'Ubuye phi ngeeholide?' wabuza uZweli.<br>'Bendiye eZimbabwe,' watsho uTafadzwa. 'Bendiye kubona umakhulu wam. Sithathe uhambo olude ngebhasi. Siye kubona iingxangxasi ezinkulu, watsho. 'Zaziwa ngokuba ziiNgxangxasi zikaVictoria!'<br>'Wowu,' watsho uZweli. 'Ndiyafuna ukuya.' | Wowu, andizange ndayibona ingxangxasi efana naleya! Ndingathanda ukubona iingxangxasi ezinkulu kunokuhlala ekhaya! |
| Ekugqibeleni wafika uAyanda koojingi, ephethe ubhaka wakhe omtsha. 'Niyambona ubhaka wam omtsha endiwufumene eRhawutini,' watsho. 'Kukho iivenkile ezininzi phaya! Watsho. 'Kwaye kukho neemoli ezinkulu!'<br>'Wowu,' watsho uZweli. 'Ndiyafuna ukuya.' | Ukuya emoli kuvakala njengento eyonwabisayo. Ndingathanda ukuya emoli kunokuhlala ekhaya! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UZweli wayengaziva kamnandi ngokubuyela esikolweni. 'Akwaba nam kukho indawo entsha ebendiye kuyo ngeeholide!'Wacinga njalo uZweli. 'Mna into endiyenzileyo kukuhlala ekhaya kuphela.' Yakhala intsimbi.<br><br>Yayilixesha loBhalo loBugcisa. 'Namhlanje siza kubhala ngoko sikwenzileyo ngeeholide!' watsho uMnu. Maboya.<br><br>UZweli waziva ekhathazekile.<br><br>Ndiza kubhala ngantoni ? Andifuni kubekho mntu uza kubona iphepha lam elidikayo,' wacinga njalo. | Zonke izinto ezenziwe ngabahlobo bakaZweli zivakele zisonwabisa kunokuhlala ekhaya! Ukuba bendinguZweli, **ndicinga** ukuba bendiya kunqwenela ukuba bendiye kwindawo entsha eyonwabisayo njengabahlobo bam bonke. |
| UMnumzana Maboya wabonisa abafundi amabakwenze. Wazizoba ebhodini. Waxelela bonke abafundi ngeeholide zakhe. 'Bendihleli ekhaya ndafunda iincwadi ezininzi,' watsho uMnumzana Maboya. 'Ndityale iitumato ezintsha esitiyeni sam. Ndichithe ixesha nosapho lwam,' watsho.<br><br>UMnumzana Maboya uhleli ekhaya, njengam!' wacinga njalo uZweli. | Oo, uMnumzana Maboya undikhumbuza ngazo zonke izinto endithanda ukuzenza ekhaya. Ndithanda ukuphola ndichithe ixesha nosapho lwam. Asiyonto yonwabisayo leyo, kodwa yeyona nto ndithanda ukuyenza! |
| Emva koko uMnu Maboya waxelela abafundi ukuba bacinge ngeeholide zabo. UZweli wavala amehlo. Wacinga ngokuhlala nomama wakhe nokufunda. Wacinga ngosuku ekwafika ngalo umkhuluwa wakhe kowabo baza badlala ibhola ekhatywayo kunye. | Ndibona ukuba uMnumzana Maboya unceda uZweli **akhumbule** ukuba ebeneholide emnandi noxa engenzanga nto intsha neyonwabisayo! |
| Ekupheleni kwexesha lokubhala uMnu Maboya wabuza ukuba ngubani ofuna ukwabelana ngakubhalileyo. Isandla sikaZweli saba sesokuqala ukuphakama emoyeni. | -- |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Uyephi uSimone ngeeholide zobusika? | Uye eMaputo. |
| Uyephi uTafadzwa ngeeholide zobusika? | Uye eZimbabwe. Uye kwiiNgxangxasi zikaVictoria. |
| Uyephi uAyanda ngeeholide zobusika? | Uye eRhawutini. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| **Ingaba uyakwazi na ukudibanisa iimeko**? Ucinga ukuba ungaziva njani xa bonke abahlobo bakho benokuya kwiindawo ezonwabisayo ngeeholide! | • Ndicinga ukuba ndingaziva...<br>• Ukuba abahlobo bam banokumka ndinga... |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 9**.
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo Ye-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
- iholide
- ingxangxasi
- elwandle
- ulwandle

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thina ekhaya | *Beka izandla esifubeni uzivule ubuye uzidibanise unge uquka abanye* |
| Sibheka eKapa | *Misa izandla ngaphambili unge uqhuba imoto* |
| Sobona ulwandle | *Khomba ngeminwe emibini emehlweni* |
| Siqubhe kamnandi | *Lingisa ngathi uyaqubha* |
| Sichole oonokrwece | *Lingisa unge uyacholachola* |
| Sondlale itawuli | *Lingisa unge wondlala itawuli* |
| Singqengqe esantini | *Beka izandla zozibini ecaleni entloko unge uyangqengqa* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)

1 Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa bokwakha yokwakha ibali.
3 Umfundi ngamnye makajonge imifanekiso acinge ibali elizakungena eliza kungena nkcakasana ncakasana kwimifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngabazakubhala ngezimvo zabo.
5 Emva koko umfundi ngamnye uzakunikwa uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.



IVEKI 9

6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa Ngesandi Esitsha Namagama

#### UKUQONDA ISANDI NESANDI ESITSHA

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo: **/y/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Buza abafundi: Khanicinge ngamagama aqala ngesandi: **/y/**
4 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **yona, yena, yoyele**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama: **yam, yona, yiyo, yena, yoyele**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha.
3 Cela abafundi balandele emva kwakho.
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

________________________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Yy**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.

5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.




**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Zenzele umfanekiso ngqondweni undwendwele indawo ekude. Bhalela umntu omthandayo iposikhadi umbalisela ngale ndawo.

**UMSEBENZI:** Bhala ileta enezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.

**ISAKHELO SOKUBHALA:**

………. endimthandayo

Ndibhala leleta ndise …………

Ndibone…….

Ingaba ubusazi ukuba….

Ndiye nda….

Ndaziva……..

Bendinqwenela…….

Ngothando

…

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba kuqale isifundo bhala ebhodini la plani ubuyenze ngoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngala plani ubuyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho le ibhalwe ebhodini.
3. Okulandelayo fundela abafundi ifreyimu yokubhala.
4. Bonisa abafundi indlela ogqibezala ngayo iplani yakho ngolu hlobo,
   **Peter** endimthandayo
   **Ndibhala leleta ndise** Jiphutha. **Ndibone** iiphiramidi ezimangalisayo. **Ingaba ubusazi ukuba** ezi phiramidi zakhiwa kumawaka eminyaka eyadlulayo ? Aziqondakali indlela ezakhiwa ngayo kuba zinde kwaye zinkulu. **Ndiye nda**khwela inkamela ndajikeleza ezi phiramidi.**Ndaziva** ndichulumance kakhulu, ndandinovuyo nemincili kuko konke endandikubona.**Bendinqwenela** ukuba ubulapha nam !
   Ngothando
   Mnu. Maboya

**ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)**


1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Abafundi mababhale umhla nesihloko kubhalo lwabo**: Ibali lam:Idrafti**
3. **A**bafundi mabaye kula plani yabo yangoMvulo bacinge ngabazakubhala.
4. Aabafundi mabangoze izivakalisi besenzisa ifreyimu yokubhala.
5. Abafundi mabafake iinkcukacha njengoko bebhala izivakalisi.
6. Khumbuza abafundi ukuba basebenzisa izixhobo xe bebhala, njengamagama abonwayo kunye
7. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba apha phakathi kwabo unceda aba basokolayo.

2 Eyomsintsi 2020

Iposikhadi yam : idrafti

rachel endimthandayo
Ndibhala ndisesun city.
ndibone imitshibilizi emininzi bandyo
nendawo yokuqubha elwandle apa!
Ubusazi uguba ndaitshibilike kuyo yonke
imitshilibizi, ndaitsho ndleyo yoyikisayo.

ndibe ndlo netuba lokudlala esantini
ndiqubhe nokuqubha.
Ndinoculumanko kwaye ndonwabile apha.
Akwaba ubulapa kunye ndm. Besiza
konwaba ngeyona ndlela sikunye.
ndiyakuthanda.
Umhlobo wakho
isabella



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 9**.
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala uzo lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini uzo lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlulukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **jama**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/j/-/a/-/m/-/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/j/**
5 Isandi esilandelayo: **/a/**
6 Isandi esilandelayo: **/m/**
7 Isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **jama**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/ja/-/ma/** = **jama**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **yona**

**SENZE**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **joja**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye: **/j/-/o/-/j/-/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/j/**
5 Isandi esilandelayo: **/o/**
6 Isandi esilandelayo: **/j/**
7 Isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **joja**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/jo/-/ja/** = **joja**
10 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **yena**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

IVEKI 9

# Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu


## Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO ZOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYACINGA NDIYAKWAZI UKUDIBANISA IMEKO**

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Iiholide zobusika**<br>Ngomso iya kube ilusuku lokuqala lokubuyela esikolweni emva kweeholide zobusika. UZweli wabengezelisa izihlangu zakhe. Wapakisha ubhaka wesikolo. UZweli wayemngxamele ngamandla ungomso | Oko **kundikhumbuza** indlela endiziva ngayo xa kufike ixesha lokubuyela esikolweni emva kweeholide! Ndisoloko ndiziva ndichwayitile kukubona bonke abafundi kunye nabahlobo bam abangootitshala! |
| Kusasa uZweli wabaleka ukuya esikolweni.<br>Akufika, wabona uSimone koojingi.<br>'Molo Zweli! Ubuye phi kwezi holide? Wambuza.<br>'Bendihleli ekhaya,'waphendula watsho uZweli. 'Wena ubuye phi?'<br>'Bendindwendwele u-anti eMaputo, watsho. 'Ingaba wakhe waya apho?'<br>'Hayi,' watsho uZweli. 'Kunjani apho?'<br>'Kukho izakhiwo eziphakamileyo,' watsho. Kwaye ulwandle ekuqujwa kulo lukufutshane! Ndibone nolwandlekazi!'<br>'Wowu,' watsho uZweli. 'Ndiyafuna ukuya.' | Oko **kundikhumbuza** indlela endaziva ngayo xa udade wethu waye wahamba ngenqwelo-ntaka esiya kwiholide eKnysna. Ndandinomona kuba wayeza kubona ulwandle mna ndingaluboni. |
| Wafika uTafadzwa ebaleka apha koojingi. 'Molweni manene!' wabulisa.<br>'Ubuye phi ngeeholide?' wabuza uZweli.<br>'Bendiye eZimbabwe,' watsho uTafadzwa. 'Bendiye kubona umakhulu wam. Sithathe uhambo olude ngebhasi. Siye kubona iingxangxasi ezinkulu, watsho. 'Zaziwa ngokuba ziiNgxangxasi zikaVictoria!'<br>'Wowu,' watsho uZweli. 'Ndiyafuna ukuya.' | Wowu, ezo ngxangxasi ziyabukeka! Oko **kundikhumbuza** xa ndandibona imifanekiso kwikhasi lonxibelelwano lwabahlobo bam abaseYiphutha. Ukubona kwam loo mifanekiso kwandenza nam ndifune ukukhenketha! |
| Ekugqibeleni wafika uAyanda koojingi, ephethe ubhaka wakhe omtsha. 'Niyambona ubhaka wam omtsha endiwufumene eRhawutini,' watsho. 'Kukho iivenkile ezininzi phaya! Watsho. 'Kwaye kukho neemoli ezinkulu!'<br>'Wowu,' watsho uZweli. 'Ndiyafuna ukuya.' | Oko **kundikhumbuza** indlela endaziva ngayo xa udade wethu weza ekhaya nelokhwe entsha, entle ebuya kuhambo lwakhe. Ndaziva ndinomona kukuba ehambile waza wathenga izinto ezintle, mna ndihleli. |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UZweli wayengaziva kamnandi ngokubuyela esikolweni. 'Akwaba nam kukho indawo entsha ebendiye kuyo ngeeholide!'Wacinga njalo uZweli. 'Mna into endiyenzileyo kukuhlala ekhaya kuphela.' Yakhala intsimbi.<br><br>Yayilixesha loBhalo loBugcisa. 'Namhlanje siza kubhala ngoko sikwenzileyo ngeeholide!' watsho uMnu. Maboya.<br><br>UZweli waziva ekhathazekile.<br><br>Ndiza kubhala ngantoni ? Andifuni kubekho mntu uza kubona iphepha lam elidikayo,' wacinga njalo. | Ndiyakwazi **ukudibanisa imeko**! UZweli ufanele ukuziva ngathi wonke omnye umntu wenza into engcono kunaye! Oko kundikhumbuza indlela endaziva ngayo xa bonke abahlobo bam babenxibe iilokhwe ezintsha ngosuku lokuqala esikolweni. Ndaziva ndinomona kuba wonke umntu wayenento entsha kuneyam. |
| UMnumzana Maboya wabonisa abafundi amabakwenze. Wazizoba ebhodini. Waxelela bonke abafundi ngeeholide zakhe. 'Bendihleli ekhaya ndafunda iincwadi ezininzi,' watsho uMnumzana Maboya. 'Ndityale iitumato ezintsha esitiyeni sam. Ndichithe ixesha nosapho lwam,' watsho.<br><br>UMnumzana Maboya uhleli ekhaya, njengam!' wacinga njalo uZweli. | UZweli **udibanisa imeko** nekaMnumzana Maboya. Uziva ngcono kuba yena noMnumzana Maboya benze into efanayo ngeeholide! |
| Emva koko uMnu Maboya waxelela abafundi ukuba bacinge ngeeholide zabo. UZweli wavala amehlo. Wacinga ngokuhlala nomama wakhe nokufunda. Wacinga ngosuku ekwafika ngalo umkhuluwa wakhe kowabo baza badlala ibhola ekhatywayo kunye. | -- |
| Ekupheleni kwexesha lokubhala uMnu Maboya wabuza ukuba ngubani ofuna ukwabelana ngakubhalileyo. Isandla sikaZweli saba sesokuqala ukuphakama emoyeni. | UZweli ubona ukuba akudingeki ukuba abe nomona! Wenze into ekhethekileyo naye, noxa ingeyonto intsha! |

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| Ubefuna ukuya phi uZweli? | Ebefuna ukuya kuzo zonke iindawo ebebeye kuzo abahlobo bakhe. Ubefuna ukuya eMaputo, eZimbabwe naseRhawutini. |
| Wenze ntoni yena uMnumzana Maboya ngeholide yakhe? | Uhleli ekhaya. Utyale iitumato esitiyeni sakhe. Ufunde iincwadi eziliqela. Uchithe ixesha nosapho lwakhe. |
| Uzive njani uZweli akufumanisa ukuba uMnumzana Maboya naye ebehleli ekhaya njengaye? | Uzive ngcono. Akakhange eve kakubi kukuhlala ekhaya, njengotitshala wakhe. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Ungakwazi **ukudibanisa iimeko**? UZweli uzive enomona zizo zonke izinto ezintsha ezenziwe ngabahlobo bakhe. Ingaba uyakwazi ukucinga ngexesha apho wawuziva unomona? | • Ndaziva ndinomona njengoZweli xa...<br>• Oko kundikhumbuza nge... |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 9**.
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesine woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala uzo lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesine wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini uzo lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yamagama asekelwe kumxholo yesigama somxholo.
- umona
- ukukhumbul' ekhaya
- eyexabiso

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thina ekhaya | *Beka izandla esifubeni uzivule ubuye uzidibanise unge uquka abanye* |
| Sibheka eKapa | *Misa izandla ngaphambili unge uqhuba imoto* |
| Sobona ulwandle | *Khomba ngeminwe emibini emehlweni* |
| Siqubhe kamnandi | *Lingisa ngathi uyaqubha* |
| Sichole oonokrwece | *Lingisa unge uyacholachola* |
| Sondlale itawuli | *Lingisa unge wondlala itawuli* |
| Singqengqe esantini | *Beka izandla zozibini ecaleni entloko unge uyangqengqa* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
***Kweli bali……….***
**Ukuba bendingu zweli, bendizakuziva ……..ngoba……**
**Kuzo zonke ezi ndawo zisebalini, eyona endifuna ukuyindwendwela yi ……**
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela iqela elithile ukuba abelana labelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **j** | **y** | **a** |
| **l** | **e** | **m** |
| **i** | **s** | **o** |
| **b** | **u** | **c** |
| **g** | **n** | **k** |

**BONISA ABAFUNDI**

1. Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/j/** no **/y/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki: **/j/-/i/-/k/-/a/ = jika**
5. Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/g/-/u/-/l/-/a/ = gula**

**OKWENZIWA NGABAFUNDI**

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **j, y**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **jama, jika, ijoko, ijaji, ijezi, joja, yam, yona, yiyo, yena, yoyele, gula, goba, igila, igama, igaba, kama, kubi, ikati, isikolo, inani, inunu, inene, inesi, umama, usula, luma, ilula, cela, cula, coca, icala, uceba, olo, molo, ilolo, lilo, aba, bala, bila, ibala, lila, ilali, ileli, sela, isela, sala, la, lala, alala, le, alale, mama, mela, mamela**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / NDIYAKWAZI UKWENZA UNXULUMANO**

**UKUBALISA OKANYE UKUBHALA ISISHWANKATHELO NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisa ukuba namhlanje siza kucinga ***ngezona ndawo zibalulekileyo apha ebalini***.
2. Siza kuphinda sicinge ukuba ***singanxulumanisa njani neziganeko*** ezenzeka ebalini ?
3. Bhala ifreyimu yesishwankathelo sebali ebhodini.
4. Abafundi mabasebenzise ifreyimu ukuphendula imibuzo:
   **Eli bali lingo**… (izivakalisi ezi – 2 ukuya kwezi – 3)
   **Ndiyithandile……….**
   **Ndakhe ndanomona njengo Zweli ngokuya ………….**
5. Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
6. Yenza umfuziselo ubonisa owakho umzekelo yithi: ***Eli bali lingo****Zweli. UZweli ufunda into yokuba abahlobo bakhe baya kwindawo ezonwabisayo ngelixa leeholide. UZweli yena uhlala ekhaya.* ***Ndiyithandile*** *xa uZweli eziva bhetele xa efumanisa ukuba utitshala wakhe naye ebehleli ekhaya.* ***Ndakhe ndanomona njengo Zweli ngokuya*** *udadethu wayethengelwe iimpahla ezintsha, ndaze mna ndafumana ezakhe ezindala.*
7. Bonisa abafundi imifanekiso kwincwadi enkulu.
8. Nika abafundi ixesha lokucinga ngetekisi.
9. Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngabakushwankathileyo nomhlobo. (**Abafundi mababelane ngezabo iingcinga bangaphindi oko bekutshiwo ngutitshala!**)
10. Abafundi mabakunike inzolo.
11. Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
12. Shwankathela ibali ngolu hlobo:
13. ***Eli bali lingo****Zweli efunda into yokuba abahlobo bakhe baya kwindawo ezonwabisayo ngelixa leeholide. UZweli yena uhlala ekhaya. Ekuqaleni uZweli waba***nomona kuba yena wayehleli endlini.*** *Wayengayi ndawo njengabahlobo bakhe***. Ndayithanda** *xa uZweli eziva bhetele kwaye wafuna nokubalisa ngelakhe ibali lasekhaya.*

IVEKI 9

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 9**.
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesihlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesihlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki 15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe nokungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo, ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: fumana umfanekiso onenkcukacha ngemi'Mangaliso emiTsha esiXhenxe yeHlabathi.'
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo umzkl: phanda ngendlela ekhethwa ngayo 'imiMangaliso emiTsha esiXhenxe yeHlabathi.' Ukanti phinda uphande ngemiMangaliso esiXhenxe yeHlabathi edlulileyo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala zethala eklasini leklasi zikwimeko ephucukileyo efanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 52, Masifundeni & 53 Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 54 & 55 Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 56 & 57, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wendawo ongazanga wayindwendwela ongathanda kakhulu ukuyityelela!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

15 imizuzu

### SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso kaMashudu notate wakhe befunda ibali leNcwadi eNkulu: **<u>UMashudu uyandwendwela</u>**
2. Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu: **<u>Ezinye iindawo</u>**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: Senifunde *ntoni ngalo mxholo oko siwuqalile?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
7. Zeziphi ezinye iindawo ezidumileyo okhe weva ngazo?
8. Kutheni abantu bendwendwela ezinye iindawo?
9. Ubani ufumana ntoni ngokundwendwela iindawo ?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point – Khomba igama
   Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho usebenzisa igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesiGama soMxholo.
   - ukucinga
   - esidala
   - ummangaliso

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thina ekhaya | *Beka izandla esifubeni uzivule ubuye uzidibanise unge uquka abanye* |
| Sibheka eKapa | *Misa izandla ngaphambili unge uqhuba imoto* |
| Sobona ulwandle | *Khomba ngeminwe emibini emehlweni* |
| Siqubhe kamnandi | *Lingisa ngathi uyaqubha* |
| Sichole oonokrwece | *Lingisa unge uyacholachola* |
| Sondlale itawuli | *Lingisa unge wondlala itawuli* |
| Singqengqe esantini | *Beka izandla zozibini ecaleni entloko unge uyangqengqa* |

## Ukubhala Ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   a **mamela**
   b **isela**
   c **ilolo**
   d **bila**
   e **usula**
   f **inene**
   g **kama**
   h **utata**
   i **goba**
   j **yiyo**
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: UQIKELELO**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UMashudu uyandwendwela**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bazokufumana bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungamanga ungemanga.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Zenzele umfanekiso ngqondweni undwendwele indawo ekude. Bhalela umntu omthandayo iposikhadi umbalisela ngale ndawo.

**UMSEBENZI:** Bhala ileta kwiposikhadi enezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhlisti yokhuhlela ebhodini phambi kokuba siqale isifundo.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo. Mayibe nempazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**


1 **Ingaba ndibhale ngokungathi ndithetha nomntu?**
2 **Ingaba ndiwenzile umfanekiso ngqondweni ngendawo entle endifuna ukuyindwendwela ?**
3 **Ingaba ndifake iinkcukacha ezinika umdla ngale ndawo ?**
4 **Ingaba ndiwubhalile umbuliso (……endimthandayo) nesiphelo (Ngothando….) ?**
5 **Ingaba ndiwapele kakuhle amagama?**
6 **Ingaba izivakalisi zam ziqala ngonobumba abakhulu ?**
7 **Ingaba izivakalisi zam ziphela ngesingxi.**

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1 Fundela abafundi itshekhlisti, uyicacisa.
2 Fundela abafundi idrafti.
3 Khangelani ukuba ingaba idrafti ibhalwe kakuhle, okanye inempazamo ezifuna ukulungiswa.
4 Yenza umfuziselo ubonisa indlela yokulungisa iimpazamo kwidrafti.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUHLELA: (BAYENZA)

1 Nika abafundi **iincwadi zabo zokubhala.**
2 Abafundi mabaye kula drafti bebeyibhalile.
3 Abafundi mabasebenzise itshekhlisti belungisa umsebenzi, ngokwenza izilungiso.
4 Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**
5 Jonga iimpazamo ezifanayo kubhalo lwabafundi.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi i wokuFunda 10**.
2 Cacisa uMsebenzi **wangoMvulo woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Isandi Nesandi Esitsha: mizuzu

### Ukuhlaziya Izandi Ezifundiweyo

1. Biza isandi uphakamise onotsheluza bezandi ezifundiweyo kwithemuwasi: **/a/ /l/ /e/ /m/ /i/ /s/ /o/ /b/ /u/ /c/ /d/ /n/ /t/ /k/ /f/ /g/ /j/ /y/**
2. Phakamisa onotshelusa uguqule indlela obabiza ngayo bangalandelelani, chonga abafundi abohlukeneyo ukuba bafunde
3. Ncamathisela onotsheluza abanezandi ebhodini
4. Cela abafundi abambalwa beze ebhodini basebenzise izandi ukwakha amagama
5. Yalela abafundi ukuba basebenzise izandi ezisebhodini bakhe amagama amaninzi kangangoko ezincwadi zabo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Bonisa abafundi ukubhala izivakalisi ezifutshane ebhodini.
2. Bonisa abafundi ukuba isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.
3. Abafundi mabakhuphele izivakalisi ezincwadini zabo.



**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: KHANGELA KWITEKISI**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMashudu uyatyelela**<br><br>Utata kaMashudu wafika ekhaya nencwadi evela kwithala leencwadi enesihloko esithi: ImiMangaliso emiTsha esiXhenxe yeHlabathi.'<br><br>'Asinamali yamatikiti eenqwelo-moya kodwa iincwadi zingasithatha zisise naphina!' utata wakhe wayethanda ukutsho. | **Yeyiphi** incwadi aweza nayo utata kaMashudu ekhaya? Oo! Utata kaMashudu weza nencwadi enesihloko esithi, 'IMimangaliso emiTsha esiXhenxe yeHlabathi.' |
| Emva kwesidlo sasemimi uMashudu notata wakhe bahlala esofeni kunye. 'Makhe sibone ukuba sinantoni apha!' watsho utata kaMashudu njengoko evula incwadi.<br><br>'Masikhethe ukuba sifuna ukundwendwela owuphi umangaliso wendalo kule isixhenxe! Watsho uMashudu ngokuchwayita. | |
| Isihloko kwiphepha lokuqala sasibhalwe,'UDonga oluKhulukazi lwaseTshayina.' Utata kaMashudu wafunda inkcazelo: *uDonga oluKhulukazi lwaseTshayina lwakhiwa kwiminyaka engama-2 000 eyadlulayo ukukhusela amaTshayina kwiintshaba. UDonga oluKhulukazi lusesona sakhiwo side esakha sakhiwa ngabantu*.<br><br>UMashudu wawuqwalasela lo mfanekiso wodonga oluhle.<br><br>'Wowu! Ndicinga ukuba lo ngowona Mangaliso ndingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Ngowuphi** uMangaliso wokuqala wehlabathi? Oo! Ndifunde ukuba luDonga oluKhulukazi lwaseTshayina. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Utata kaMashudu wafunda isihloko sesibini ephepheni,'Umfanekiso oQingqiweyo kaKrestu uMsindisi, eBrazil.' Waza, wafunda umbhalo ngezantsi kwalo mfanekiso uqingqiweyo mkhulukazi: *Umfanekiso oQingqiweyo kaKrestu uMsindisi ume phezu kwentaba iCorcovado eRio de Jainero, eBrazil. Uvelele isixeko. Unomphakamo oziimitha ezingama-30 ubude.*<br><br>Wowu! Ndicinga ukuba lo ngowona Mangaliso ndiqinisekileyo ukuba ndingathanda ukuwuhambela! | **Uphi** uMangaliso wesibini wehlabathi? Oo! Ndifunde apha ukuba useBrazil. |
| Utata kaMashudu watyhila iphepha kwavela uMangaliso wesithathu weHlabathi.<br><br>Wowu! Wakhuza uMashudu, 'Ndicinga ukuba lo nguMangaliso endingathanda ukuwuhambela!<br><br>YiMachu Pichu,' watsho utata wakhe, 'isePeru! Utata wakhe wafunda umbhalo ochazayo: *IMachu Picchu sisixeko esidala kakhulu phezulu kwiiNtaba zeAndean zasePeru, eMzantsi Melika. Esi sixeko sakhiwa malunga neminyaka angama-600 eyadlulayo, ngamaInca.* | **Yintoni** uMangaliso wesithathu wehlabathi? Oo! Ndifunde ukuba sisixeko esidala kakhulu esibizwa ngokuba yiMachu Picchu. |
| UMashudu wafunda isihloko soMangaliso wesine, 'iChilche Itza, eMexico.'<br><br>'Ingaba indala nayo?' wabuza uMashudu.<br><br>'Kutheni ungazifundeli ukuze uve?' watsho utata wakhe.<br><br>UMashudu wafunda: *iChichen Itza yayisixeko saseMayan sakudala. Esinye sezakhiwo ezidume kunene kweso sixeko yiphiramidi ebizwa ngokuba yiEl Caracol. Kumaxesha akudala, yayisetyenziselwa ukujonga isibhakabhaka ebusuku.*<br><br>'Wowu! Mhlawumbi lo ngowona Mangaliso ndingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Uphi** uMangaliso wesine wehlabathi? Ndifunde ukuba useMexico. |
| 'Jonga, le yiColosseum eRoma, kwelamaTaliyane!' watsho utata kaMashudu. 'Yakhiwa ngaphaya kweminyaka engama-2 000 eyadlulayo. Ingasingatha abantu abangaphezu kwama-5 000 kwimisebenzi kawonke wonke.' | **Yakhiwa nini** iColoseu? Ndifunde ukuba yakhiwa kwiminyaka engama – 2,000 eyadlulayo. Kweli bali ndifunde ukuba iMimangaliso yehlabathi emininzi midala kakhulu. |
| 'Apha kuthiwa imilo ngamakrele yayibanjelwa apha!' watsho uMashudu. 'Mhlawumbi lo ngowona Mangaliso endingathanda ukuwuhambela!' | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ndiyayazi leyo!' watsho uMashudu xa utata wakhe etyhila iphepha. 'YiTaj Mahahal eIndiya.' UMashudu wakhumbula efunda ngayo kwincwadi engeIndiya. 'Ndikhumbula ukuba yakhiwa ngumongameli njengelitye engcwabeni lenkosikazi yakhe,' watsho.<br><br>'Bendisoloko ndinqwenela ukuya kwiTaj Mahal! Lowo ngowona Mangaliso ndingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Ngubani** owakha iTaj Mahal? Ndifunda ukuba uMongameli wom-Indiya wayakha njengelitye kwingcwaba lenkosikazi yakhe. |
| Ekugqibeleni, bafika kuMangaliso wesixhenxe. Utata kaMashudu wafunda isihloko, 'IPetra Jordan,' nenkcazelo: *IPetra sisixeko esihle kunene esixhonxwe kumatye abomvu luhlanga lwama-Arabhu akudala. Esi sixeko sakhiwe entlango. Kodwa, sinenkqubo enobugocigoci eqokelela imvula namanzi ezikhukhula ukuze abantu abahlala apho basoloko benamanzi.'*<br><br>'Wowu! Mhlawumbi ngulo uMangaliso endingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Yintoni** uMangaliso wesixhenxe wehlabathi? Oo! Ndifunda ukuba sisixeko esaziwa ngokuba yiPetra. Kukho izixeko ezimbalwa ezidala kolu luhlu lwemiMangaliso isiXhenxe yeHlabathi! |
| Utata kaMashudu wavala incwadi waza wamgqithisela iphetshana nepensile.<br><br>'Bhala phantsi owona Mangaliso ungathanda ukuwuhambela,' watsho. Bathatha ixeshana bobabini ukubhala. Baza, bawasonga amaphepha batshintshiselana.<br><br>'Sewulungile? 1–2-3...vula!' | Mh, **ndiyacinga ingaba** ngowuphi uMangaliso endinokuwubhala phantsi? |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| Sasisithini isihloko sencwadi eyeza notata kaMashudu ekhaya? | Le ncwadi inesihloko esithi, ' ImiMangaliso esiXhenxe yeHlabathi.' |
| Ngowuphi uMangaliso awakhe wawubona uMashudu? | Wayekhe wayibona iTaj Mahal kwincwadi engeIndiya. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Ngowuphi uMangaliso onokuwubhala phantsi kwisibhilivana sephepha? Ngoba? | *Ndingabhala phantsi...kuba...* |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 10**.
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nalo nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
- inkcazo
- tyhila
- ubuhle obungaphaya

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thina ekhaya | *Beka izandla esifubeni uzivule ubuye uzidibanise unge uquka abanye* |
| Sibheka eKapa | *Misa izandla ngaphambili unge uqhuba imoto* |
| Sobona ulwandle | *Khomba ngeminwe emibini emehlweni* |
| Siqubhe kamnandi | *Lingisa ngathi uyaqubha* |
| Sichole oonokrwece | *Lingisa unge uyacholachola* |
| Sondlale itawuli | *Lingisa unge wondlala itawuli* |
| Singqengqe esantini | *Beka izandla zozibini ecaleni entloko unge uyangqengqa* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



1 Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
4 Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
5 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
6 Abafundi mabanikane inzolo.
7 Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

IVEKI 10

## Izandi Kunye Nezandi Zopelo:

15 imizuzu

### Ukuhlaziya Amagama

**HLAZIYA AMAGAMA**

1. Lungisa onotshezula bamagama ezandi ezifundiweyo
2. Phakamisa unotsheluza ubemnye ngexesha ucele umfundi omnye ngexesha ukuba afunde.
3. Ukuba umfundi akakwazi kufunda mncedisi abize isandi ngasinye segama

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla:

imizuzu

### Ukuhlaziya ukubhala oonobumba abatsha/amagama/izivakalisi

1. Bonisa abafundi ukubhala izivakalisi ezifutshane ebhodini.
2. Bonisa abafundi ukuba isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.
3. Abafundi mabakhuphele izivakalisi ezincwadini zabo.

*Umama ugcada ugcado.*

*Utsotsi utsiba imitsi emide.*

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Zenzele umfanekiso ngqondweni undwendwele indawo ekude. Bhalela umntu omthandayo iposikhadi umbalisela ngale ndawo.

**UMSEBENZI:** Bhala ileta kwiposikhadi enezivakalisi ezi-6 ukuya kwezisi – 8.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

……….othandekayo

Ndibhala ndise…..

Ndibone…..

Ubusazi ukuba………

Ndifumene……..

Ndaziva……..

Ndinqwenela…

Ngothando,

[ **igama lakho**]

**UKULUNGISELELA:**

Phambi kokuba kuqale isifundo yenza isampulu yeposikhadi. Yenza oku ngokusinga iphepha le-A4 embindini. Zoba umfanekiso kwelinye icala ze ubhale umyalezo wakho kwelinye icala.

Zoba ibhodi zibe mbini ngolu hlobo:



## YENZA UMFUZISELO UBONISA ABAFUNDI INKQUBO YOKUSHICELELA (NDIYENZA)


1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukulungisa iimpazamo kwidrafti.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje sizakushicilela ze sabelane ngoko sikubhalileyo.
3 Bonisa abafundi isampuli yeposikhadi, cacisa ukuba icala elinye leposikhadi linomfanekiso. Elinye icala linomyalezo nedilesi yomamkeli weposikhadi.

## ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKUSHICILELA: (BAYENZA)

1 Nika abafundi ngamnye icala lepepha le A4.
2 Abafundi mababhale umyalezo kwicala elinye leposikhadi ze kwelinye babhale idilesi.
3 Abafundi mababhale umyalezo okokugqibela, bebhala ngaphandle kwempazamo nangokucocekileyo.
4 Abafundi mabafake umfanekiso wendawo abaya kuyo kwiposikhadi yabo.
5 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi uncede abo basokolayo.

## ABAFUNDI BABELANA NGOMSEBENZI WABO

1 Kwimizuzu embalwa phambi kokuba siphele isifundo, abafundi mababeke phantsi ipeni nepensile zabo.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** befundela abahlobo oko bakubhalileyo.
3 Xa abafundi begqibile cela umfundi om-1 ukuya kwaba-2 bafundele iklasi oko bakubhalileyo.
4 Xhoma iiposikhadi zabafundi egumbini lokufundela.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala mizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 10**.
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Khetha amagama amabini abufana umz: **mela; sela**
2 Biza igama: **mela**
3 Calula/ hlahlela igama ngokwesandi ngasinye: **/m/-/e/-/l/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/m/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/l/**
7 Biza isandi sesine: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **mela**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/me/-/la/** = **mela**
10 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **sela**

**SENZE**

1 Khetha amanye amagama amabini abufana umz: **cula; cela**
2 Biza igama: **cula**
3 Buza abafundi ukuba sithini isandi sokuqala: **/c/**
4 Buza abafundi ukuba sithini isandi esilandelayo: **/u/**
5 Buza abafundi ukuba sithini isandi esilandelayo: **/l/**
6 Buza abafundi ukuba sithini isandi sesihlanu: **/a/**
7 Bhala igama elipheleleyo: **cula**
8 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/cu/-/la/** = **cula**
9 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **cela**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

15 imizuzu

### Isifundo Sesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: KHANGELA KWITEKISI**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMashudu uyatyelela**<br><br>Utata kaMashudu wafika ekhaya nencwadi evela kwithala leencwadi enesihloko esithi: ImiMangaliso emiTsha esiXhenxe yeHlabathi.'<br><br>'Asinamali yamatikiti eenqwelo-moya kodwa iincwadi zingasithatha zisise naphina!' utata wakhe wayethanda ukutsho. | **Kwakutheni** ukuze utata kaMashudu eze nencwadi engemiMangaliso esiXhenxe ekhaya? |
| Emva kwesidlo sasemimi uMashudu notata wakhe bahlala esofeni kunye. 'Makhe sibone ukuba sinantoni apha!' watsho utata kaMashudu njengoko evula incwadi.<br><br>'Masikhethe ukuba sifuna ukundwendwela owuphi umangaliso wendalo kule isixhenxe! Watsho uMashudu ngokuchwayita. | **Uziva njani** uMashudu ngokufunda le ncwadi? Oo! Ndiva kweli gama 'ngokuchwayita' ukuba uchwayitile! |
| Isihloko kwiphepha lokuqala sasibhalwe,'UDonga oluKhulukazi lwaseTshayina.' Utata kaMashudu wafunda inkcazelo: *uDonga oluKhulukazi lwaseTshayina lwakhiwa kwiminyaka engama-2 000 eyadlulayo ukukhusela amaTshayina kwiintshaba. UDonga oluKhulukazi lusesona sakhiwo side esakha sakhiwa ngabantu.*<br><br>UMashudu wawuqwalasela lo mfanekiso wodonga oluhle.<br><br>'Wowu! Ndicinga ukuba lo ngowona Mangaliso ndingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Kwakutheni** ukuze uDonga oluKhulakazi lwaseTshayina lwakhiwe? Oo! Ndifunde ukuba lwakhiwa ukukhusela amaTshayina kwiintshaba. |
| Utata kaMashudu wafunda isihloko sesibini ephepheni,'Umfanekiso oQingqiweyo kaKrestu uMsindisi, eBrazil.' Waza, wafunda umbhalo ngezantsi kwalo mfanekiso uqingqiweyo mkhulukazi: *Umfanekiso oQingqiweyo kaKrestu uMsindisi ume phezu kwentaba iCorcovado eRio de Jainero, eBrazil. Uvelele isixeko. Unomphakamo oziimitha ezingama-30 ubude.*<br><br>Wowu! Ndicinga ukuba lo ngowona Mangaliso ndiqinisekileyo ukuba ndingathanda ukuwuhambela! | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Utata kaMashudu watyhila iphepha kwavela uMangaliso wesithathu weHlabathi.<br><br>Wowu! Wakhuza uMashudu, 'Ndicinga ukuba lo nguMangaliso endingathanda ukuwuhambela!<br><br>YiMachu Pichu,' watsho utata wakhe, 'isePeru! Utata wakhe wafunda umbhalo ochazayo: *IMachu Picchu sisixeko esidala kakhulu phezulu kwiiNtaba zeAndean zasePeru, eMzantsi Melika. Esi sixeko sakhiwa malunga neminyaka angama-600 eyadlulayo, ngamaInca.* | **Yayiyintoni** injongo yeMachu Picchu? Oo! Ndifunde ukuba yayisisxeko. Oku kufanele ukuthetha ukuba yayenzelwe ukuhlala abantu. |
| UMashudu wafunda isihloko soMangaliso wesine, 'iChilche Itza, eMexico.'<br><br>'Ingaba indala nayo?' wabuza uMashudu.<br><br>'Kutheni ungazifundeli ukuze uve?' watsho utata wakhe.<br><br>UMashudu wafunda: *iChichen Itza yayisixeko saseMayan sakudala. Esinye sezakhiwo ezidume kunene kweso sixeko yiphiramidi ebizwa ngokuba yiEl Caracol. Kumaxesha akudala, yayisetyenziselwa ukujonga isibhakabhaka ebusuku.*<br><br>'Wowu! Mhlawumbi lo ngowona Mangaliso ndingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Yintoni** eyona ndawo idumileyo yeChichen Itza? Ndifunde ukuba yiphiramidi eyaziwa ngokuba yiEl Caracol. |
| 'Jonga, le yiColosseum eRoma, kwelamaTaliyane!' watsho utata kaMashudu. 'Yakhiwa ngaphaya kweminyaka engama-2 000 eyadlulayo. Ingasingatha abantu abangaphezu kwama-5 000 kwimisebenzi kawonke wonke.'<br><br>'Apha kuthiwa imilo ngamakrele yayibanjelwa apha!' watsho uMashudu. 'Mhlawumbi lo ngowona Mangaliso endingathanda ukuwuhambela!' | **Yintoni** uMashudu acinga ukuba inomtsalane ngeColoseum? Ndicinga ukuba inomtsalane kuye into yokuba imilo yamakrele yayilwelwa apho! |
| 'Ndiyayazi leyo!' watsho uMashudu xa utata wakhe etyhila iphepha. 'YiTaj Mahahal eIndiya.' UMashudu wakhumbula efunda ngayo kwincwadi engeIndiya. 'Ndikhumbula ukuba yakhiwa ngumongameli njengelitye engcwabeni lenkosikazi yakhe,' watsho.<br><br>'Bendisoloko ndinqwenela ukuya kwiTaj Mahal! Lowo ngowona Mangaliso ndingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | Sazi **njani** ukuba uMashudu uyakunqwenela ukuthatha uhambo? Oo! Kufanele ukuba kungenxa yokuba uthi ufuna ukuhambela yonke imiMangaliso ayibonayo! |

IVEKI 10

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ekugqibeleni, bafika kuMangaliso wesixhenxe. Utata kaMashudu wafunda isihloko, 'IPetra Jordan,' nenkcazelo: *IPetra sisixeko esihle kunene esixhonxwe kumatye abomvu luhlanga lwama-Arabhu akudala. Esi sixeko sakhiwe entlango. Kodwa, sinenkqubo enobugocigoci eqokelela imvula namanzi ezikhukhula ukuze abantu abahlala apho basoloko benamanzi.'*<br><br>'Wowu! Mhlawumbi ngulo uMangaliso endingathanda ukuwuhambela!' watsho uMashudu. | **Kuphi** apho uMashudu afuna ngamandla ukuya khona? Asikwazi oko, kuba ufuna ukuya kuyo yonke imiMangaliso esencwadini! |
| Utata kaMashudu wavala incwadi waza wamgqithisela iphetshana nepensile.<br><br>'Bhala phantsi owona Mangaliso ungathanda ukuwuhambela,' watsho. Bathatha ixeshana bobabini ukubhala. Baza, bawasonga amaphepha batshintshiselana.<br><br>'Sewulungile? 1–2-3...vula!' | |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Kwkutheni ze kwakhiwe uDonga oluKhulukazi lwaseTshayina? | Lwakhelwa ukukhusela amaTshayina kwiintshaba. |
| Kwakutheni ze kwakhiwe iTaj Mahal? | Yakhiwa njengelitye kwingcwaba lenkosikazi kamongameli. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze utata kaMashudu eze nencwadi ethi, 'ImiMangaliso emiTsha esiXhenxe yeHlabathi' ekhaya? | • Ukuze bafunde ngeendawo ezintsha.<br>• Ukuze bafunde ngakumbi ngeendawo ezinomtsalane elizweni jikelele.<br>• Ukuze bafunde ngeendawo ezikude, noxa bengenayo imali yokuthatha uhambo.<br>• Ukuze bahambele iindawo ezintsha ngemifanekiso. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 10.**
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesine woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala uzo lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesine wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini uzo lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 10

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali 15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point – Khomba igama
Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yamagama asekelwe kumxholo yesigama somxholo.
- umlawuli
- utshaba
- abantu ababesilwa nganakrele

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thina ekhaya | *Beka izandla esifubeni uzivule ubuye uzidibanise unge uquka abanye* |
| Sibheka eKapa | *Misa izandla ngaphambili unge uqhuba imoto* |
| Sobona ulwandle | *Khomba ngeminwe emibini emehlweni* |
| Siqubhe kamnandi | *Lingisa ngathi uyaqubha* |
| Sichole oonokrwece | *Lingisa unge uyacholachola* |
| Sondlale itawuli | *Lingisa unge wondlala itawuli* |
| Singqengqe esantini | *Beka izandla zozibini ecaleni entloko unge uyangqengqa* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kwelli bali…
Ndicinga uMashudu u … ngoba…
Ndicinga eli bali libhalwe ukundifundisa …

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba bazakunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela iqela elithile ukuba abelana labelane ngeempendulo neklasi.

7 Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo kwithemu.

| | | |
|---|---|---|
| **a** | **l** | **e** |
| **m** | **i** | **s** |
| **o** | **b** | **u** |
| **c** | **d** | **n** |
| **t** | **k** | **f** |
| **g** | **j** | **y** |

#### BONISA ABAFUNDI

1 Hlaziya izandi ezisebhodini.
2 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

#### ABAFUNDI BENZE


1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako.
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo.
5 Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________




## Ukufunda Notitshala: 15 imizuzu

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1 Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba ipensile nekhrayoni.
2 Abafundi namhlanje baza **kubhala** ze **bazobe** umMangaliso abawukhethe ebalini.
3 Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **usenza umfanekiso ngqondweni ngeddlela okhethe ngayo umMangaliso ebalin**i umzkl: Ndifuna ukundwendwela ePedra kuba sisixeko esidala esiseNtlango. Sibonisa umdla kwaye singumnqa!
4 Zoba umfanekiso ebhodini wesixeko iPedra.
5 **Yenza umfuziselo** usongeza izivakalisi okanye umfanekiso, umzkl: Ukuba bendinguMashudu, bendizakukhetha iPedra.
6 Okulandelayo xelela abafundi ukuba baza kukhetha umMangaliso ubemnye pha ebalini.
7 Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8 Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9 Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 10**
2 Mabatyhile **kuMsebenzi wangoLwesihlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesihlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   - a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   - b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   - c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   - d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   - e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   - f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   - g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   - h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*